

---

IPERILE  
YEXABISO  
ELIKHULU

---

# IPERILE YEXABISO ELIKHULU

OKUKHETHIWEYO KWIZITYHILELO,  
UGUQUELELO, NEEMBALI ZIKA  
JOSEPH SMITH

UMPROFETI WOKUQALA, IMBONI, NOMTYHILI  
WEBANDLA LIKAYESU KRESTU  
LABANGCWELE BEMIHLA YOKUGQIBELA



## IZIQULATHO

Intshayelelo . . . . .	v
Moses . . . . .	1
Abraham. . . . .	37
Izinto ezifana kanye kanye 1 . . . . .	38
Izinto ezifana kanye kanye 2 . . . . .	46
Izinto ezifana kanye kanye 3 . . . . .	53
UJoseph Smith—UMateyu. . . . .	56
IMbali—kaJoseph Smith . . . . .	61
IziVumo zoKholo . . . . .	80



## INTSHAYELELO

**I**Perile yeXabiso eliKhulu lukhetho lwezinto ezibalulekileyo ezicha-ndla likaYesu Krestu labaNgewe beMihla yokuGqibela. Olu luhlu lwezinto laguqulwa lwenziwa nguMprofeti uJoseph Smith, ezinini zapapashwa kwiimpeha ezhilala zivela zeBandla ngemihla yakhe.

Ingqokelela yokuqala yezinto eziphethe igama iPerile yeXabiso eli-Khulu zenziwa ngowe-1851 nguMdala Franklin D. Richards, ngoko elilungu leQumrhu laba liShumi elineSibini nomongameli weMishini yaseBritane. Injongo yayo yayikukwenza kube nokufikeleka ngo-kulula ngakumbi kwizinto ezithile ezibalulekileyo ebezithe zafumana ukujikelezisa okuncinane ngexesha likaJoseph Smith. Njengokuba ubulungu beBandla banda kuyo yonke iYurophu neAmerika, kwa-bakho imfuneko yokwenza olu luhlu lwezinto lufumanek. IPerile yeXabiso eliKhulu yafumana ukusetyenzisa okubanzi kwaye emva koko yaba ngumsebenzi osemgangathweni weBandla ngokwensiwa buBumongameli boKuqala nenkomfa jikelele eSalt Lake City ngo-we-10 Oktobha 1880.

Iqela lohlaziyo luthe lwenziwa kwiziqulatho ngokweemfuno zeBanda ezifunekayo. Ngowe-1878 iziqephu zencwadi kaMoses ezinga-qulathwanga kwhilelo lokuqala zongezelelwa. Ngowe-1902 iinxeny ezhile zePerile yeXabiso eliKhulu zezinto eziphindiwego kanjalo zi-papashwe kwiMfundiso neMinqophiso zazishiyelelwe. Ukulungisa kwezahluko nevesi, namanqaku angezantsi kwensiwa ngowe-1902. Upapasho lokuqala lwamaphepha emihlathi ephindiwego, nezalathiso, lwalu ngowe-1921. Azikho ezinye iinguqu ezenziwayo kwada kwanguAprili 1976, xa iinkcukacha ezimbini zezityhilelo zongezele-lwa. Ngowe-1979 ezi nkukacha zimbini zasuswa kwiPerile yeXabiso eliKhulu kwiMfundiso neMinqophiso, apho ngoku zibonakala njengamacandelo 137 nele-138. Kwhilelo elikhoyo iinguqu ezithile zeniwe ukwenza umxholo ungqinelane namaxwebhu angaphambili.

Okulandelayo yintshayelelo kwiziqulatho ezikhoy:

1. *Okukhethiweyo kwiNcwadi kaMoses.* Isicatshulwa esivela kwi-nkwadi yeGenesis soguqulelo lukaJoseph Smith lweBhayibhile, abasiqalis ngoJuni 1830.
2. *INcwadi ka-Abraham.* Uguqulelo oluphefumlelweyo lwemibhalo ka-Abraham. UJoseph Smith waqalis uguqulelo ngowe-1835 emva kokufumana ezinye zeepapiri zaseYiputa. Uguqulelo lwapapashwa ngokulandelelano kwi*Times and Seasons* luqlisa ngowo-1 Matshi 1842, eNauvoo, eIllinois.

3. *UJoseph Smith—UMateyu.* Isicatshulwa esivela kubungqina bu-kaMateyu kuguqulelo lukaJoseph Smith IweBhayibhile (bona kwiiMfundiso neMinqophiso 45:60–61 ngomyalelo onyulu uku- ba aqalise uguqulelo lweTestamenta eNtsha).
4. *IMbali—kaJoseph Smith.* Obusemthethweni ezivela kubungqina obusemthwthweni nembali kaJoseph Smith, azilungise nono- bhala bakhe ngowe-1838–1839 nezapapashwa ngokulandele- lanayo kwi*Times and Seasons* eNauvoo, ellinois, ziqalisa ngo- we-15 Matshi 1842.
5. *IziVumo zoKholo zeBandla likaYesu Krestu labaNgcweli beMihla yokuGqibela.* Ingxelo nguJoseph Smith yapapashwa kwi*Times and Seasons* ngowo-1 Matshi 1842, ikhatshwa yimbali emfu- tshane yeBandla eyayisaziwa ngokuqhelekileyo njengeLeta yaseWentworth.

# OKUKHETHIWEYO KWINCWADI KAMOSES

*Isicatshulwa esivela kuguqulelo lweBhayibhile njengoko yatyhilwa  
kuJoseph Smith uMprofeti, Juni 1830–Februwari 1831.*

## ISAHLUKO 1 (Juni 1830)

*UThixo uzityhila ngeNkqu ku-Moses—UMoses wensiwa kumi-la kumbi—Ujonganana noSathana—UMoses ubona amazwe amaninzi anabahlali—Amazwe angenakuba-leka edalwe nguNyana—Umsebenzi kaThixo nozuko kukwenza kubekho ukungafi nobomi obungunaphakade bomntu.*

**A**MAZWI kaThixo, “awathetha <sup>a</sup>kuMoses ngexesha xa uMoses waxhwilelwā entabenī ephakame ngokugqithisleyo,

2 Kwaye “wabona uThixo <sup>b</sup>ubuso ngobuso, kwaye wathetha naye, lwaze ‘uzuko lukaThixo lwaba phezu koMoses; ke ngoko uMoses waba nako <sup>d</sup>ukumelana nobuso bakhe.

3 Kwaye uThixo wathetha ku-Moses, esithi: Qaphela, ndiyi-Nkosi uThixo <sup>c</sup>uSomandla, kwaye

<sup>b</sup>uOngenasiphelo ligama lam; kuba andinasiqalo semihla oka-nye isiphelo seminyaka; kwaye oku asikuko ukungabi nasiphelo?

4 Kwaye, qaphela, ungunyana wam; ngako oko <sup>a</sup>khangelā, kwaye ndiya kukubonisa umsebenzi <sup>b</sup>wezandla zam; kodwa ingabi yiyo yonke, kuba <sup>c</sup>imisebenzi yam <sup>d</sup>ayinasiphelo, kananjalo <sup>e</sup>nama-zwi am, kuba ayipheli.

5 Ngako oko, akukho mntu una-ko ukukhangela yonke imisebenzi yam, ngaphandle kokuba ukha-ngele lonke uzuko lwam; kwaye akukho mntu unako ukukhang-e-la lonke uzuko lwam, aze emva koko asale esenyameni emhla-beni.

6 Kwaye ndinomsebenzi wakho, Moses, nyana wam; kwaye wena <sup>a</sup>ukwimfano yowam <sup>b</sup>oKuphela koZelweyo; kwaye owam oKu-phela koZelweyo unguye kwaye uya kuba <sup>c</sup>nguMsindisi, kuba

**1** 1a Alma 12:30;  
Moses 1:42.

*b* 1<sup>a</sup>Z Moses.

2a Eks. 3:6; 33:11;  
GJS Eks. 33:20, 23  
(Isihlomelo);

Yoh. 1:18; 6:46;

Etere 3:6–16;

Moses 1:11.

*b* Num. 12:6–8;

Dut. 34:10;

I&M 17:1.

*c* Dut. 5:24;

Moses 1:13–14, 25.

1<sup>a</sup>Z Zuko.

*d* 1<sup>a</sup>Z Kwenziwa kuMila  
Kumbi.

3a Isiyh. 11:17; 19:6;

1 Nif. 1:14;

I&M 121:4.

1<sup>a</sup>Z Thixo, Ntloko

yoButhixo.

*b* Isaya 63:16;

I&M 19:9–12;

Moses 7:35.

1<sup>a</sup>Z Nasiphelo.

4a Moses 7:4.

*b* Moses 7:32, 35–37.

*c* LiNd. 40:5;

I&M 76:114.

*d* IiNd. 11:7–8;

Moses 1:38.

*e* 2 Nif. 9:16;

I&M 1:37–39.

1<sup>a</sup>Z Lizwi likaThixo.

6a Gen. 1:26;

Etere 3:14–15;

Moses 1:13–16.

*b* 1<sup>a</sup>Z Kuphela

koZelweyo.

*c* 1<sup>a</sup>Z Msindisi.

uzaliswe <sup>a</sup>ngobabalo <sup>b</sup>nenyano; kodwa <sup>c</sup>fakukho Thixo ngaphandle kwam, kwaye zonke izinto zikho ngam, kuba <sup>d</sup>ndiyazazi zonke.

7 Kwaye ngoku, qaphela, le nto inye ndiyibonisa kuwe, Moses, nyana wam, kuba wena usehlabathini, kwaye ngoku ndiyibonisa kuwe.

8 Kwaye kwenzekile ukuba uMoses wajonga, waza wabona <sup>e</sup>ihlabathi awayedalwe phezu kwalo; kwaye uMoses <sup>f</sup>wabona ihlabathi neziphelo zalo, nabo bonke abantwana babantu abakhoyo, nababedaliwe; ngokukwanjalo <sup>g</sup>wamangaliswa kwaye wathi nqa.

9 Kwaye ubuso buka Thixo barhoa kuMoses, kuba uzuko lwakhe lwalungekho phezu koMoses; kwaye uMoses washiyeka enguye. Kwaye njengoko wayeshiyeye enguye, wawela emhlabeni.

10 Kwaye kwenzekile okokuba kwaba sisithuba samaxa amarinzi phambi kokuba uMoses afumane kwakhona <sup>h</sup>ukomelela kwasendalweni okunjengomntu; kwaye wathi esiqwini sakhe: Ngoku, ngenxa yesi sizathu ndiyazi okokuba umntu <sup>i</sup>akayonto, nto leyo endingazange ndiyicingele.

11 Kodwa ngoku amehlo angawam abone <sup>j</sup>uThixo; kodwa

ingengawo <sup>k</sup>awasendalweni, kodwa ingamehlo am asemoyeni, kuba amehlo am asendalweni angengambonanga; kuba <sup>l</sup>ngeendibunile kwaye ndaze <sup>m</sup>ndafela ebusweni bakhe; kodwa uzuko lwakhe lwaluphezu kwam; ndaye ndabona <sup>n</sup>ubuso bakhe, kuba ndandenziwe <sup>o</sup>kumila kumbi phambi kwakhe.

12 Kwaye kwenzekile okokuba xa uMoses wathi wathetha la mazwi, qaphela <sup>p</sup>uSathana weza <sup>q</sup>emlinga, esithi: Moses, nyana womntu, nqula mna.

13 Kwaye kwenzekile okokuba uMoses wajonga uSathana kwaye wathi: Ungubani wena? Kuba qaphela, <sup>r</sup>ndingunya kaThixo, kwimfano yoKuphela koZelweyo wakhe; kwaye luphi uzuko lwakho, ukuze ndibe ndinqla wena?

14 Kuba qaphela, bendingenako ukujonga uThixo, ngaphandle kokuba uzuko lwakhe lube luze phezu kwam, yaye ndenziwe <sup>s</sup>kumila kumbi phambi kwakhe. Kanti ndinako ukujonga wena ndikumntu wemvelo. Akunjalo, ngokuqinisekileyo?

15 Malisikelelwe igama lika-Thixo wam, kuba uMoya wakhe awuthanga ngokupheleleyo warhoa kum, okanye luphi uzuko

<sup>6d</sup> Yoh. 1:14, 17; Alma 13:9.

<sup>I</sup>KZ Babalo.

<sup>e</sup> Moses 5:7.

<sup>f</sup> I OoKum. 8:60;

Isaya 45:5–18, 21–22.

<sup>g</sup> 1 Nif. 9:6; 2 Nif. 9:20;

Alma 18:32; I&M 38:1–2.

<sup>I</sup>KZ Azi Izinto Zonke.

<sup>8a</sup> Moses 2:1.

<sup>b</sup> Moses 1:27.

<sup>c</sup> IiNd. 8:3–4.

<sup>10a</sup> Dan. 10:8, 17;

1 Nif. 17:47; Alma 27:17;

M—JS 1:20.

<sup>b</sup> Dan. 4:35; Hil. 12:7.

<sup>11a</sup> <sup>I</sup>KZ Thixo, Ntloko yo-Buthixo.

<sup>b</sup> I&M 67:10–13;

Moses 6:36.

<sup>c</sup> Eks. 19:21.

<sup>d</sup> Eks. 20:19.

<sup>e</sup> Gen. 32:30; Moses 7:4.

<sup>f</sup> Mat. 17:1–8.

<sup>I</sup>KZ Kwenziwa kuMila Kumbi.

<sup>12a</sup> Moses 4:1–4.

<sup>I</sup>KZ Mthyoli.

<sup>b</sup> Moses 6:49.

<sup>I</sup>KZ Henda, Sihendo.

<sup>13a</sup> IiNd. 82:6; Heb. 12:9;

<sup>I</sup>Yoh. 3:2.

<sup>14a</sup> <sup>I</sup>KZ Kwenziwa kuMila Kumbi.

Iwakho, kuba bubumnyama kum? Ndaye ndinako ukohlula phakathi kwakho noThixo; kuba uThixo wathi kum: "Nqula uThixo, kuba uya <sup>b</sup>kukhonza yena kuphela.

16 Suka umke, Sathana; unga-ndikhohli; kuba uThixo wathi kum: Wena usemva <sup>a</sup>kwemfano yowam oKuphela koZelweyo.

17 Kwaye kanjalo wandinika imiyalelo xa wandibizayo <sup>a</sup>kwityholo elivuthayo, esithi: <sup>b</sup>Biza kuThixo egameni lowam oKuphela koZelweyo, uze unqule mna.

18 Kwaye kwakhona uMoses wathi: Andiyi kuyeka ukubiza ku-Thixo, ndinezinye izinto emandiziбуze kuye: kuba uzuko lwakhe lube phezu kwam, ngako oko ndinako ukugweba phakathi kwakhe nawe. Suka umke, Sathana.

19 Kwaye ngoku, xa uMoses wathi wathetha la mazwi, uSathana wakhala ngelizwi elikhulu, kwaye waxokozela phezu komhlaba, kwaye wayalela, esithi: "Ndingo-Kuphela koZelweyo, nqula mna.

20 Kwaye kwenzekile okokuba uMoses waqalisa ukoyika ngo-kugqithisileyo; kwaye njengoko waqalisa ukoyika, wabona ubukra <sup>a</sup>besihogo. Nangona kujalo, <sup>b</sup>ebiza kuThixo, wafumana ukomelela, kwaye wayalela, esithi: Suka kum, Sathana, kuba nculo mnye kuphela uThixo endiya kumnqula, onguThixo wozuko.

21 Kwaye ngoku <sup>a</sup>uSathana waqalisa ukungcangcazela, kwaye umhlaba washukuma; kwaye uMoses wafumana ukomelela, kwaye wabiza kuThixo, esithi: Egameni loKuphela koZelweyo, suka umke, Sathana.

22 Kwaye kwenzekile okokuba uSathana wakhala ngelizwi elikhulu, ngesikhalo nesijwili, <sup>a</sup>no-kutshixiza kwamazinyo; kwaye wasuka wemka, nkqu ebusweni bukaMoses, kuba akazange ambone.

23 Kwaye ngoku okwale nto uMoses wenza ubungqina; kodwa ngenxa yenkohlakalo ayizange ibekho phakathi kwabantwana babantu.

24 Kwaye kwenzekile okokuba xa uSathana wathi wemka ebusweni bukaMoses, waza uMoses wawaphakamisela phezulu amehlo akhe ezulwini, ezaliswe <sup>a</sup>nguMoya oyiNgcwele, owanika ubungqina ngoYise noNyana.

25 Kwaye ebiza egameni lika-Thixo, wabona uzuko lwakhe kwakhona, kuba lwaba phezu kwakhe; kwaye weva ilizwi, lisithi: Usikelelekile wena, Moses, kuba mna, Somandla, ndikukhetile, kwaye wena uya kwenziwa womelele ngakumbi <sup>a</sup>kunamanzi amaninzi; kuba aya kuthobela <sup>b</sup>umyalelo wakho njengokungathi wena <sup>a</sup>unguThixo.

15a Mat. 4:10.

<sup>a</sup> kZ Nqula.

<sup>b</sup> I Sam. 7:3; 3 Nif. 13:24.

16a Moses 1:6.

17a Eks. 3:2.

<sup>b</sup> Moses 5:8.

19a Mat. 24:4–5.

<sup>a</sup> kZ Sihogo.

<sup>b</sup> M—JS 1:15–16.

<sup>a</sup> kZ Mthandazo.

21a I kZ Mthyoli.

22a Mat. 13:41–42;

Moz. 16:1–3.

24a I kZ Moya oyiNgcwele.

25a Eks. 14:21–22.

<sup>b</sup> I kZ Bubingelei;

Mandla.

<sup>c</sup> Eks. 4:16.

26 Kwaye yabona, ndikunye nawe, nkqu kuye esiphelweni semihla yakho; kuba wena uya "kukhulula abantu bam "ebukhobokeni, nkqu abam 'abakhethiweyo "uSirayeli.

27 Kwaye kwenzekile, njengoko ilizwi lalisathetha, uMoses waphosa amehlo akhe kwaye "wabona umhlaba, ewe, nkqu uwonke; kwaye kwakungekho nesuntswana lawo angalibonanga, ewunakanana ngomoya kaThixo.

28 Kwaye wabona kanjalo abemi bawo, kwaza akwabikho mphefumlo angawubonanga; kwaye wayinakana ngoMoya kaThixo; kwaye amanani awo ayemakhulu, nkqu engabaleki njengentlabathi phezu konxweme lolwandle.

29 Kwaye wabona amazwe amaninzi; kwaye ilizwe ngalinye lalibizwa "umhlaba, kwaye kwaku-kho abemi ebusweni bawo.

30 Kwaye kwenzekile okokuba uMoses wabiza kuThixo, esithi: Ndixelete, ndiyakuthandaza, kutheni ezi zinto zinje, kwaye wena uzenze ngantoni?

31 Kwaye qaphela, uzuko lwe-Nkosi lwaluphezu koMoses, kangangokuba uMoses wema ebusweni bukaThixo, kwaye wathetha naye "ubuso ngobuso.

Kwaye iNkosi uThixo yathi ku-Moses: Ngenxa 'yesizathu sam ndenze ezi zinto. Nabu ubulumko kwaye busala bukum.

32 Kwaye "ngelizwi lamandla am, ndizidalile, elowam oKuphela koZelweyo uNyana, ozaliswe 'ngobabalo 'nenyaniso.

33 Kwaye "amazwe angenakubaleka 'ndiwadalile; kananjalo ndawadalela injongo eyiyeyam; nangoNyana ndawadala ongo-wam 'oKuphela koZelweyo.

34 Kwaye "umntu wokuqala wabo bonke abantu ndimthiye 'uAdam, othetha 'uninzi.

35 Kodwa kuphela kwenkcazo yalo mhlaba, nabemi bawo, endiyinika kuwe. Kuba qaphela, kukho amazwe amaninzi adlulileyo ngelizwi lamandla am. Kwaye kukho amaninzi ngoku amileyo, kwaye akanakubaleka emntwini; kodwa zonke izinto zibaliwe kum, kuba zezam ndaye "ndiyazazi.

36 Kwaye kwenzekile okokuba uMoses wathetha neNkosi, esithi: Yiba nenceba esicakeni sakho, Owu, Thixo, uze undixelete ngokunxulumene nalo mhlaba, nabemi bawo, kananjalo namazulu, kwaye ngoko isicaka sakho siya koneliseka.

26a Eks. 3:7–12.

b 1 Nif. 17:23–25.

c 1 κΖ Khethiweyo.

d 1 OoKum. 8:51–53.

1 κΖ Sirayeli.

27a I&M 88:47; Moses 1:8.

1 κΖ Mbono.

29a 1 κΖ Mhlaba.

31a Dut. 5:4; Moses 1:11.

b Isaya 45:17–18;

2 Nif. 2:14–15.

32a Yoh. 1:1–4, 14;

Heb. 1:1–3; Isityh. 19:13;

Yakobi 4:9;

Moses 2:1, 5.

1 κΖ Yesu Krestu.

b IiNd. 19:1; Moses 5:7–8.

1 κΖ Babalo.

c 1 κΖ Nyaniso.

33a IiNd. 8:3–4;

I&M 76:24;

Moses 7:29–30.

b 1 κΖ Dala, Ndalo.

c Moses 1:6.

34a Moses 3:7.

b Abr. 1:3.

1 κΖ Adam.

c Moses 4:26; 6:9.

35a Moses 1:6; 7:36.

1 κΖ Azi Izinto Zonke.

37 Kwaye iNkosi uThixo yathetha kuMoses, isithi: "Amazulu maninzi, kwaye akanako ukubaleka emntwini; kodwa ayabaleka kum, kuba ngawam.

38 Kwaye njengokuba umhlabba omnye uya kudlula, namazulu awo nkqu kunjalo omnye uya kuza; kwaye akukho "siphelo emisebenzini yam, singekho na-semazwini am.

39 Kuba qaphela, lo "ngumsebenzi wam <sup>b</sup>nozuko lwam—ekwenneni kubekho <sup>c</sup>ukungafi <sup>d</sup>nobomi obungunaphakade bomntu.

40 Kwaye ngoku, Moses, nya-na wam, ndiya kuthetha nawe ngokunxulumene nalo mhlaba wena ome phezu kwavo; kwaye wena uya <sup>e</sup>kubhala izinto endiya kuzithetha.

41 Kwaye ngemini xa abantwana babantu baya kuthatha amazwi am njengelize baze <sup>f</sup>bathathe amaninzi awo encwadini oya kuyibhala, qaphela, ndiya kuphakamisa omnye <sup>g</sup>onjengawe; kwaye <sup>h</sup>baya kufunyanwa kwa-khona phakathi kwabantwana babantu—phakathi kwabaninzi njengoko beya kukholwa.

42 (La mazwi <sup>i</sup>athethwe kuMoses entaben, igama layo elingayi kwaziwa phakathi kwabantwana

babantu. Kwaye ngoku athethwa kuwe. Ungawabonisi kuye nabanna ngaphandle kwabo bakholwayo. Nkqu kunjalo. Amen.)

## ISAHLUKO 2

(Juni–Oktobha 1830)

*UThixo udala amazulu nomhlaba—Zonke iintlobo zobomi zidalive—UThixo wenza umntu aze amniike ubukhosи phezu kwento zonke.*

KWAYE kwenzekile okokuba iNkosi yathetha noMoses, isithi: Qaphela, <sup>a</sup>ndityhila kuwe ngokunxulumene neli <sup>b</sup>zulu, nalo <sup>c</sup>mhlaba; bhala amazwi endiwathethayo. NdiSisiqalo neSiphelo, uThixo <sup>d</sup>uSomandla; ngowam <sup>e</sup>oKuphela koZelweyo <sup>f</sup>ndadala ezi zinto; ewe, ekuqalekeni ndadala izulu, nomhlaba wena omi phezu kwavo.

2 Kwaye <sup>g</sup>umhlaba wawungena-mo, kwaye usenyanyeni; kwaye ndenza ubumnyama buze phezu kobuso benzulu; kwaye uMoya wam wafukama phezu kobuso bamanzi; kuba ndinguThixo.

3 Kwaye mna, Thixo, ndathi: Makubekho <sup>h</sup>ukukhanya; kwaza kwakho ukukhanya.

4 Kwaye mna, Thixo, ndabona ukukhanya; nokokuba ukukhanya

37a Abr. 4:1.

I<sub>KZ</sub> Zulu.

38a Moses 1:4.

39a Rom. 8:16–17;

2 Nif. 2:14–15.

I<sub>KZ</sub> Cebo lenkululeko.

b I<sub>KZ</sub> Zuk.

c I<sub>KZ</sub> Kungafi, Ukungafi.

d I<sub>KZ</sub> Bom

obungunaphakade.

40a 2 Nif. 29:11–12.

41a 1 Nif. 13:23–32;

Moses 1:23.

b 2 Nif. 3:7–19.

c 1 Nif. 13:32, 39–40;

I&M 9:2.

42a Moses 1:1.

2 1a Moses 1:30, 36.

b I<sub>KZ</sub> Zulu.

c Moses 1:8.

d I<sub>KZ</sub> Thixo, Ntloko

yoButhixo—Thixo

uBawo.

e I<sub>KZ</sub> Kuphela

koZelweyo.

f I<sub>KZ</sub> Dala, Ndalo.

2a Gen. 1:2; Abr. 4:2.

3a I&M 88:6–13.

I<sub>KZ</sub> Khanyiso, Khanyiso lukaKrestu.

"kwakulungile. Kwaye mna, Thixo, ndahlula ukukhanya ebumnyameni.

5 Kwaye mna, Thixo ndathi ukukhanya yiMini; nobumnya-ma, ndathi buBusuku; kwaye oku ndakwenza "ngelizwi lamandla am, kwaye yenzeka njengoko "ndathethayo; kwaza ukuhlwa nentsasa zaba 'lusuku lokuqala.

6 Kwaye kwakhona, mna, Thixo, ndathi: Makubekho "isibhakabhaka phakathi kwamanzi kwaye kwaba njalo, nkqu njengoko ndathethayo; kwaye ndathi: Masaahlule amanzi emanzini; kwaye kwenzeka;

7 Kwaye mna, Thixo ndenza isibhakabhaka ndahlula "amanzi, ewe, amanzi amakhulu phantsi kwesibhakabhaka avela emanzini awayengentla kwesibhakabhaka, kwaye ayenjalo nkqu njengoko ndathethayo.

8 Kwaye mna, Thixo, ndathi isibhakabhaka "liZulu; kwaza ukuhlwa nentsasa zaba lusuku lwe-sibini.

9 Kwaye mna, Thixo, ndathi: Makahlanganisane kunye "endaweni enye amanzi angaphantsi kwezulu, kwaye kwaba njalo; kwaye mna, Thixo, ndathi: Makubekho umhlaba owomileyo; kwaye kwaba njalo.

10 Kwaye mna, Thixo, ndathi indawo eyomileyo "nguMhlab-a; kwaye intlanganisela kunye

yamanzi, ndathi luLwandle; kwaye mna, Thixo, ndabona ukuba zonke izinto endizenzileyo zazilungile.

11 Kwaye mna, Thixo, ndathi: Umhlaba mawuphume "uhlaza, imifuno evelisa imbewu, imithi yeziqhamo evelisa iziqhamo, ngohlobo lwayo, nemithi evelisa iziqhamo, embewu yayo imele ukuba yona iphezu komhlaba, kwaye kwaba njalo nkqu njengoko ndathethayo.

12 Kwaye umhlaba waphuma uhlaza, yonke imifuno evelisa imbewu ngohlobo lwayo, nemithi evelisa iziqhamo, embewu ikuyo, ngohlobo lwayo; kwaye mna, Thixo, ndabona okokuba zonke izinto endizenzileyo zazilungile;

13 Kwaza ukuhlwa nentsasa zaba lusuku lwasithathu.

14 Kwaye mna, Thixo, ndathi: Makubekho izikhanyiso esibhakabhakeni samazulu, zahlule imini kubusuku, kwaye mazibe zezemiqondiso, zibe zezamaxesha, zibe zezemihla, neminyaka;

15 Kwaye mazibe zizikhanyiso esibhakabhakeni samazulu, zikhanyise emhlabeni; kwaye kwaye njalo.

16 Kwaye mna, Thixo, ndenza izikhanyiso ezikhulu zazibini; "isikhanyiso esikhulu ngakumbi silawule imini, kwaye isikhanyiso esinganeno silawule ubusu-ku, kwaye isikhanyiso esikhulu

4a Gen. 1:4; Abr. 4:4.

5a Moses 1:32.

b II Kor. 4:6.

c Gen. 1:5.

6a Gen. 1:6-8.

7a Abr. 4:9-10.

8a 1<sup>st</sup>Z Zulu.

9a Gen. 1:9; Abr. 4:9.

10a 1<sup>st</sup>Z Mhlab-a.

11a Gen. 1:11-12;

Abr. 4:11-12.

16a Gen. 1:16.

ngakumbi saba lilanga, kwaye isikhanyiso esinganeno saba yinyanga; kwaye neenkwenkwezi kanjalo zenziwa nkqu ngokwelizwi lam.

17 Kwaye mna, Thixo ndazibeka esibhakabhakeni samazulu ukuze zikhanyisele umhlaba,

18 Lize ilanga lilawule imini, ne nyanga ilawule ebusuku nokwahlula ukukhanya ebumnyameni; kwaye mna, Thixo, ndabona okokuba zonke izinto endizenzileyo zazilungile;

19 Kwaza ukuhlwa nentsasa zaba lusuku lwesine.

20 Kwaye mna, Thixo, ndathi: Amanzi makavelise inyakanayaka yendalo enobomi, kwaye neentaka eziphaphazela phezu komhlaba esibhakabhakeni sezulu.

21 Kwaye mna, Thixo, ndadala “iminenga emikhulu, nayo yonke imiphefumlo ephilileyo enambuzelayo, eyanyakazela emanzini, ngohlobo lwayo, neentaka zonke ezinamaphiko ngohlobo lwazo; kwaye mna, Thixo, ndabona okokuba zonke izinto endandizidalile zazilungile.

22 Kwaye, mna, Thixo, ndaziskelela, ndisithi: Qhamani, “nande, nize niwazalise amanzi aselwandle; neentaka mazande emhlabeni;

23 Kwaza ukuhlwa nentsasa zaba lusuku lwesihlanu.

24 Kwaye mna, Thixo, ndathi: Umhlaba mawuelise imiphefumlo ephilileyo ngohlobo lwayo, izinto ezizitho zine, nezinambuzane, nezinto eziphilileyo zomhlaba ngohlobo lwazo, kwaza kwabanjalo;

25 Kwaye mna, Thixo, ndenza izinto eziphilileyo zomhlaba ngohlobo lwazo, nezinto ezizitho zine ngohlobo lwazo, nazo zonke izinambuzane zomhlaba ngohlobo lwazo; kwaye mna, Thixo, ndabona okokuba ezi zinto zazilungile.

26 Kwaye mna, Thixo, ndathi kowam “oKuphela koZelweyo, owaye kunye nam ukususela ekuqalekeni: <sup>b</sup>Masenze umntu ‘ngokomfanekiselo wethu, ngokufana nathi; kwaye kwaba njalo. Kwaye mna, Thixo, ndathi: Mababe <sup>d</sup>nobukhosи ezintlanzini zolwandle, nasezintakeni zezulu, nakwizinto ezizitho zine, naphezu komhlaba wonke, naku zo zonke izinto ezinambuzelayo emhlabeni.

27 Kwaye, mna, “Thixo, ndadala umntu ngokomfanekiselo ongo-wam, ngokufana nowam oKuphela koZelweyo ndamdala; ndadala indoda nomfazi.

28 Kwaye mna, Thixo, ndibasikelele kwaye ndathi kubo: Qhamani, “nande, nize niwazalise umhlaba, nize niweyise, nibe nobukhosи ezintlanzini zolwandle, nasezintakeni zezulu,

21a Gen. 1:21;

Abr. 4:21.

22a Gen. 1:22–25;

Abr. 4:22–25.

26a 1κΖ Yesu Krestu.

b 1κΖ Dala, Ndalo.

c Gen. 1:26–27;

Moses 6:8–10;

Abr. 4:26–27.

d Gen. 1:28;

Moses 5:1;

Abr. 4:28.

27a 1κΖ Thixo, Ntloko

yoButhixo.

28a Moses 5:2.

nasezintweni zonke eziphilileyo ezinambuzelayo.

29 Kwaye mna, Thixo, ndathi ebantwini: Yabonani, ndininikile yonke imifuno evelisa imbewu, esebusweni bawo wonke umhlab-a, nayo yonke imithi eya kuba neziqhamo evelisa imbewu; ziya kuba “kukudla kuni.

30 Kwaye kuzo zonke izinto eziphilileyo zomhlaba, nakuzo zonke iintaka zezulu, nakuzo zonke izinto ezinambuzela emhlabeni, kuzo endinike ubomi, ndiya kuzinika yonke imifuno eluhlaza ibe kukudla kuzo; kwaye kwaba njalo, nkqu nje-goko ndathethayo.

31 Kwaye mna, Thixo, ndabona ukuba yonke into endiyenzileyo, kwaye, yabonani, zonke izinto endizenzileyo “zazilungile; kwaza ukuhlwa nentsasa zaba <sup>b</sup>lusuku lwesithandathu.

### ISAHLUKO 3

(Juni–Oktobha 1830)

*UTHixo wadala zonke izinto ngo-kwasemoyeni phambi kokuba zibe sendalweni phezu komhlaba—Wadala indoda, inyama yokuqala, phezu komhlaba—Umfazi ngumncedi ofanelekileyo wendoda.*

NJALO <sup>a</sup>agqitywa amazulu nomhlab-a, nawo wonke <sup>b</sup>umkhosi wazo.

2 Kwaye ngomhla wesixhenxe mna, Thixo, ndawugqiba umsebenzi wam, nazo zonke izinto endizenzileyo; ndaza “ndaphumla <sup>b</sup>ngomhla wesixhenxe kuwo wonke umsebenzi, kwaye zonke izinto endizenzileyo ndazigqiba, ndaye mna, Thixo ndabona okukuba zazilungile;

3 Kwaye, mna, Thixo, “ndawusikelela umhla wesixhenxe, ndaza ndawungcwalisa; ngenxa yokuba ndaphumla kuwo wonke <sup>b</sup>umsebenzi mna, Thixo, endawudalayo ndaze ndawenza.

4 Kwaye ngoku, qaphela, ndithi kuwe, okokuba ezi zizizukulwana zamazulu nezomhlaba, xa zazidaliwe, kuwo umhla mna, iNkosi uThixo, ndenza amazulu nomhlaba,

5 Kwaye onke amatyholo asendle “engekaveli emhlabeni, nayo yonke imifuno yasendle ingekantshuli. Kuba mna, iNkosi uThixo, <sup>b</sup>ndadala zonke izinto, ezo ndithethe ngazo, ‘ngokwasemoyeni, phambi kokuba zibe sendalweni phezu kobuso bomhlaba. Kuba mna, iNkosi uThixo, ndenze ukuba imvula ine phezu kobuso bomhlaba. Kwaye mna, iNkosi uThixo, <sup>d</sup>ndidale bonke abantwana babantu; kwaye kungekho mntu wokuwusebe-nza ‘umhlaba; kuba <sup>f</sup>emazulwini

29a Gen. 1:29–30;  
Abr. 4:29–30.

31a Gen. 1:31;  
I&M 59:16–20.  
*b* Eks. 20:11;  
Abr. 4:31.

3 1a I<sub>KZ</sub> Dala, Ndalo.

*b* Gen. 2:1; Abr. 5:1.  
2a Gen. 2:2–3; Abr. 5:2–3.

I<sub>KZ</sub> Phumla.  
*b* I<sub>KZ</sub> Umlha weSabatha.

3a Moz. 13:19.  
*b* Eks. 31:14–15.

5a Gen. 2:4–5; Abr. 5:4–5.

*b* Moses 6:51.  
*c* I&M 29:31–34;

Abr. 3:23.  
I<sub>KZ</sub> Ndalo yomoya.

*d* I<sub>KZ</sub> Moya.  
*e* Gen. 2:5.  
*f* I<sub>KZ</sub> Zulu.

<sup>g</sup>ndabadal; kwaye kungekho nya-ma phezu komhlaba, nasemanzini na-semazulwini;

6 Kodwa mna, iNkosi uThixo, ndathetha, kwanyuka "inku-nku iphuma emhlabeni, yaza yabunyakamisa bonke ubuso bomhlaba.

7 Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndabumba umntu "ngothuli lwa-semhlabeni, kwaye ndaphefum-lela emathatheni akhe impefum-lo yobomi; kwaye <sup>b</sup>umntu waba "ngumphefumlo ophilileyo, <sup>a</sup>inya-ma yokuqala phezu komhlaba, kanjalo umntu wokuqala; nangona kunjalo, zonke izinto zazikho phambi kokudalwa; kodwa zazi-dalwe zaza zenziwa ngokwase-moyeni ngokwelizwi lam.

8 Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndatyalu umyezo ngasempumala-nга "e-Eden, kwaye apho ndabeka umntu endimbumbileyo.

9 Kwaye ngaphandle komhlaba mna, iNkosi uThixo, ndenza kuntu-shule yonke imithi, ngokwase-ndalweni, enqwenelekayo ngo-kukhangeleka emntwini; kwaye umntu ebenako ukuyiqaphela. Kwaye yaba yimiphefumlo ephi-lileyo. Kuba yayisemoyeni emini endayidala ngayo; kuba yasala kwindawo mna, Thixo endiyi-dale kuyo, ewe, nkqu zonke izi-nto endazilungiselela ukusetye-nziswa ngumntu; kwaye abantu

bazibona ukuba zazilungele uku-dliwa, Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndatyalu "umthi wobomi ka-njalo esazulwini somyezo, kwaye kanjalo <sup>b</sup>umthi wokwazi okulu-nigleyo nokubi.

10 Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndenza umlambo ophuma e-Eden wokunyakamisa umyezo; kwaye wahluka apho, kwaye waba "zii-mbaxa ezine.

11 Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndathi igama lowokuqala yiPi-shon, kwaye ujikeleze lonke ilizwe laseHavila, apho mna, iNkosi uThixo ndadala igolide eninzi;

12 Kwaye igolide yelo lizwe ya-yintle, kwaye kwakukho ibhedo-laki nelitye lebherilo.

13 Kwaye igama lowesibini umlambo lalibizwa iGihon; ngo-kufanayo ujikeleze lonke ilizwe lakwaKushi.

14 Kwaye igama lowesithathu umlambo laliyiHidekele; lowo uya ngasempumalanga yase-Asiriya. Kwaye owesine umlambo wawungumEfrati.

15 Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndathabatha umntu, ndaza nda-mbeka eMyezweni we-Eden, uku-ba awusebenze, kwaye awugcine.

16 Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndamyalela umntu, ndisithi: Yon-ke imithi yomyezo ungayidla ngokukhululekileyo,

17 Kodwa umthi wokwazi

5g <sup>I</sup>кZ Abantu/Amadoda,  
Mntu/Ndoda—Um-  
ntu, ngumntwana ngo-  
kwasemoyeni kaBawo  
wasemaZulwini.

6a Gen. 2:6.

7a Gen. 2:7;  
Moses 4:25; 6:59;  
Abr. 5:7.  
<sup>b</sup> <sup>I</sup>кZ Adam.  
<sup>c</sup> <sup>I</sup>кZ Mphefumlo.  
<sup>d</sup> Moses 1:34.

8a <sup>I</sup>кZ Eden.  
9a <sup>I</sup>кZ Mthi wobomi.  
<sup>b</sup> Gen. 2:9.  
10a Gen. 2:10.

okulungileyo nokubi, uze unga-wudli, nangona kunjalo, umele "ukuzikhethela, kuba kunikiwe kuwe; kodwa khumbula okoku-ba ndikwalele, kuba <sup>b</sup>mhla kuwo wadla kuwo ngokuqinisekileyo uya <sup>c</sup>kufa.

18 Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndathi kowam "oKuphela koZelweyo, okokuba kwakungalunga-nга okokuba umntu abe yedwa; ngako oko, ndiya kumenzela <sup>b</sup>umncedi onguwabo.

19 Kwaye ngomhlaba mna, iNkosi uThixo, ndabumba izinto eziphilileyo zasendle, nazo zonke iintaka zezulu; kwaye ndayale-la okokuba ziya kuza kuAdam, ukuba zibone ukuba uya kuzibiza njani; kwaye zaziyimiphefumlo ephilileyo kanjalo; kuba mna, Thixo, ndaziphefumlela impefumlelo yobomi, kwaye ndayalela okokuba nanjengokuba uAdam wabiza izidalwa eziphilileyo, iya kuba ligama layo.

20 Kwaye uAdam wanika amaga-ma kuzo zonke izinto ezizitho-zine, nasezintakeni zezulu, na-kuzo zonke izinto eziphilileyo zasendle; kodwa uAdam, akafu-nyanelwanga mncedi unguwabo.

21 Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndawisa ubuthongo obukhulu phezu koAdam; kwaye walala, kwaye ndathabatha lwalunye

ezimbanjeni zakhe ndaye ndavingca ngenyama esikhundleni salo;

22 Kwaye ubambo mna, iNkosi uThixo endiluthabathe endodeni, ndenza "umfazi, kwaye ndamzisa endodeni.

23 Kwaye uAdam wathi: Eli ke ngoku ndiyalazi lithambo lasemathanjeni am, "yinyama yasenya-meni yam; uya kubizwa kuthiwe nguMfazi, ngokuba ethatyathwe endodeni.

24 Ke ngoko indoda iya kumshiy-a uyise nonina, kwaye iya "ku-namathela kumkayo; baye baya kuba <sup>b</sup>nyama-nye.

25 Kwaye bobabini bahamba ze, umntu nomkakhe, baye bengena-zintloni.

#### ISAHLUKO 4 (Juni–Oktobha 1830)

*USathana waba ngumtyholi kanja-ni—Uhenda uEva—UAdam noEva bayawa, kwaza ukufa kwangena ehla-bathini.*

KWAYE mna, iNkosi uThixo, ndathetha noMoses, ndisithi: Loo "Sa-thana, omyalele egameni lowam oKuphela koZelweyo, ikwa nguye owayekho ukususela <sup>b</sup>ekuqaleke-ni, kwaye weza phambi kwam, esithi—Qaphela, ndikho, thuma mna, ndiya kuba ngunyana

17a Moses 7:32.

<sup>a</sup> 1<sup>c</sup>Z Kuzikhethela.

<sup>b</sup> Abr. 5:13.

<sup>c</sup> Gen. 2:17.

<sup>a</sup> 1<sup>c</sup>Z Kufa,

kwasenyameni;

Mzimba onokufa.

18a 1<sup>c</sup>Z Kuphela

koZelweyo.

<sup>b</sup> Gen. 2:18;

Abr. 5:14.

22a 1<sup>c</sup>Z Bafazi, Mfazi;

Eva.

23a Gen. 2:23;

Abr. 5:17.

24a Gen. 2:24;

I&M 42:22; 49:15–16;

Abr. 5:17–18.

<sup>b</sup> 1<sup>c</sup>Z Mtshato, Tshata.

4 1a 1<sup>c</sup>Z Mtyholi.

<sup>b</sup> I&M 29:36–37.

wakho, ndaye ndiya kulukhulula lonke uluntu, kwaye akukho namnye umphefumlo oya kulahleka, ndaye ngokuqinisekileyo ‘ndiya kukwenza; ngako oko ndinike imbeko yakho.

2 Kodwa, qaphela, “uNyana wam oyiNtanda, owayeyiNtanda Yam <sup>b</sup>noKhethiweyo ukususela ekuqalekeni, wathi kum—<sup>c</sup>Bawo, <sup>d</sup>intando yakho mayenziwe, <sup>e</sup>nozuko ibe lolwakho ngonaphakade.

3 Ngako oko, ngenxa yokuba uSathana “wavukela ngokuchasene nam, kwaye wafuna ukutshabalalisa <sup>b</sup>ilungelo lokuzikhethebla lomntu, mna, iNkosi uThixo endamnikayo, kananjalo, okokuba ndinike yena amandla angawam; ngamandla owam oKuphela ko-Zelweyo, ndenza ukuba ‘aphose-lwe ezantsi;

4 Kwaye waba nguSathana, ewe nkqu umtyholi, uyise wabo bonke “ubuxoki, ekhohlisa kwaye emfamekisa abantu, aze abakhokelelele ekuthinjweni ngentando yakhe, nkqu njengoko abarinzi bengayi kuphulaphula elizwini lam.

5 Kwaye ngoku inyoka “yayinobuqhophololo obungakumbi ngapezu kunazo naziphina izinto eziphilileyo zasendle mna, iNkosi uThixo, endizenzileyo.

6 Kwaye uSathana wakubeka entliziyweni yenyoka, (kuba wafunekude abaninzi kunye naye,) kwaye wafuna kanjalo ukuluhla “uEva, kuba wayengaya-zingqondo kaThixo, ngako oko wafuna ukutshabalalisa ihlabathi.

7 Kwaye wathi kumfazi: Ewe, uThixo utshilo—Anisayi kudla kuyo yonke imithi “yomyezo? (Kwaye wathetha ngomlomo we-nyoka.)

8 Kwaye umfazi wathi kuyo inyoka: Sinokudla eziqhameni zemithi yomyezo;

9 Kodwa eziqhameni zomthi wena owubonayo phakathi komyezo, uThixo uthé—Anisayi kudla kuzo, ze ningazichukumisi, hlezene nife.

10 Kwaye inyoka yathi kumfazi: Anisayi kufa;

11 Kuba uThixo esazi ukuba mhlana nithe nadla, ngoko ke “amehlo enu aya kuqabuka, kwaye niya kuba njengoouthixo, <sup>b</sup>nazi okulungileyo nokubi.

12 Kwaye xa umfazi wabonyo ukuba umthi wawulungele ukudliwa, nokuba uyakhanukeka emehlwani, nomthi “onqwenelekela ukuqiqisa, wathabatha eziqhameni zawo, waza <sup>b</sup>wadla, kananjalo wanika indoda yakhe inaye, yaza yadla.

<sup>1c</sup> Isaya 14:12-15.

<sup>2a</sup> I<sub>KZ</sub> Yesu Krestu.

<sup>b</sup> Moses 7:39; Abr. 3:27.

I<sub>KZ</sub> Kumiselwa

kwangaphambili.

<sup>c</sup> I<sub>KZ</sub> Thixo, Ntloko yoButhixo—Thixo uBawo.

<sup>d</sup> Luka 22:42.

<sup>e</sup> I<sub>KZ</sub> Zuko.

<sup>3a</sup> I<sub>KZ</sub> Qumrhu eliseZulwini.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Kuzikhethela.

<sup>c</sup> I&M 76:25-27.

<sup>4a</sup> 2 Nif. 2:18;

I&M 10:25.

I<sub>KZ</sub> Khohlisa, Nkohliso;

Xoka.

<sup>5a</sup> Gen. 3:1; Moz. 16:3;

Alma 12:4.

<sup>6a</sup> I<sub>KZ</sub> Eva.

<sup>7a</sup> I<sub>KZ</sub> Eden.

<sup>11a</sup> Gen. 3:3-6; Moses 5:10.

<sup>b</sup> Alma 12:31.

<sup>12a</sup> Gen. 3:6.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Kuwa kuka-Adam noEva.

13 Kwaye amehlo abo bobabini aqabuka, kwaye bazi ukuba "babehamba ze. Kwaye bathunga amaggabi omkhiwane kwaye bazzenzela imibhinquo.

14 Kwaye beva ilizwi leNkosi uThixo, njengoko "babehamba emyezweni, empempheni yasemini; kwaye uAdam nomkakhe bemka bazimela ebusweni beNkosi uThixo phakathi kwemithi yomyezo.

15 Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndabiza uAdam, kwaye ndathi kuye: "Uphina?

16 Kwaye wathi: Ndive isandi sakho emyezweni, ndasuka ndoyika, ngokuba ndabona okokuba ndihamba ze, ndaze ndazimela.

17 Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndathi kuAdam: Uxelelwe ngubani na ukuba uhamba ze? Udlike na kuwo umthi endakuwisela umthetho ngawo ndathi ungdali kuwo, ukuba kunjalo ngokuqinisekileyo uya "kufa?

18 Kwaye indoda yathi: Umfazi owandinikayo, kwaye omyalele okokuba abe kunye nam, nguye ondinikileyo kuso isiqhamo somthi ndaza nadadla ke.

19 Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndathi kumfazi: Yintoni le uyenzileyo? Kwaye umfazi wathi: Inyoka "indilukuhlile, ndaza nadadla ke.

20 Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndathi kwinyoka: Ngokuba wena uyenzile le nto uya "kuqalekiswa ngaphezu kwezinto zonke

ezizitho zine, nangaphezu kwezinto zonke eziphilileyo zasendle; uya kuhamba ngesisu, kwaye uya kudla uthuli yonke imihla yobomi bakho;

21 Kwaye ndiya kumisa ubutshaba phakathi kwakho nomfazi, phakathi kwembewu yakho nembewu yakhe; kwaye yona iya kukutyumza intloko yakho, kwaye wena uya kuyityumza isithende sayo.

22 Kuye umfazi, mna, iNkosi uThixo, ndathi: Ndiya kukwandsa kakhulu ukubulaleka kwakho nasekumitheni. Uya kuzala abantwana "unembulaleko, kwaye inkano yakho iya kuba sendodenii yakho, kwaye iya kukulawula.

23 Kwaye kuAdam, mna, iNkosi uThixo, ndathi: Ngokuba uphulaphule izwi lomkakho, waza wadla kuso isiqhamo somthi endakuwisesla umthetho ngaso, ndisithi—Uze ungdali kuwo, uya kuqalekiswa umhlaba ngenxa yakho; uya kudla ukubulaleka kuwo yonke imihla yobomi bakho.

24 Kanjalo uya kuntshula imithana enameva nenkunzane, kwaye uya kudla imifuno yasendle.

25 "Ngokubila kobuso bakho uya kudla ukudla, ude ubuyele emhlabeni—kuba uya kufa ngokuqinisekileyo—kuba uthatyathwe kuwo: kuba <sup>b</sup>wawuluthuli, kwaye kwaseluthulini uya kubuyela.

26 Kwaye uAdam wambiza umkakhe ngegama elinguEva,

13a Gen. 2:25.

14a Gen. 3:8.

15a Gen. 3:9.

17a Moses 3:17.

19a Gen. 3:13;

Moz. 16:3.

20a Gen. 3:13–15.

22a Gen. 3:16.

25a Gen. 3:17–19.

I<sub>KZ</sub> Kuwa kuka-Adam

noEva.

<sup>b</sup> Gen. 2:7;

Moses 6:59;

Abr. 5:7.

ngokuba yena engunina wako konke okuphilileyo; kuba njalo mna, iNkosi uThixo, ndimbize njalo owokuqala wabo bonke abafazi “abaninzi.

27 KuAdam, kananjalo naku-mkakhe, mna, iNkosi uThixo, ndabenzela iingubo zezintsu, ndaze “ndabambathisa.

28 Kwaye mna, iNkosi uThixo, ndathi kowam oKuphela koZelweyo: Yabonani, “umntu usuke waba njengomnye wethu <sup>b</sup>ukwazi okulungileyo nokubi; kwaye ngo-ku hleze ke olule isandla sakhe, ‘athabathe nakuwo <sup>d</sup>umthi wobomi, aze adle aze aphile ngona-phakade,

29 Ke ngoko mna, iNkosi uThixo, ndiya kumndulula eMyezweni “se-Eden, ukuba asebenze umhlaba abethatyathwe kuwo;

30 Kuba njengoko mna, iNkosi uThixo, ndiphila, nkqu kunjalo “amazwi am akanako ukubuyela kum elambahtha, kuba njengoko ephuma emlonyeni wam amele ukuzaliseka.

31 Njalo ke ndamgxotha umntu, kwaye ndabeka ngasempumala-nга kuwo uMyezo we-Eden, “ii-kherubhi nelangatye lekrele, elijikajikayo lokugcina indlela eya emthini wobomi.

32 (Kwaye la ngamazwi endawathetha esicakeni sam uMoses,

kwaye ayinyani nkqu njengoko ndiya kwenza; kwaye ndiwathe-thile kuwe. Bona ukuba akuwa-bonisi mntu, ndide ndibe ndiyakuyalela, ngaphandle kwabo bakholwayo. Amen.)

### ISAHLUKO 5 (Juni–Oktobha 1830)

*UAdam noEva bazala abantwana—  
uAdam wanikela ngedini waza wa-khonza uThixo—UKayin noAbheli bayazalwa—UKayin uvukela, uthanda uSathana ngaphezu kukaThixo, aze abe nguNyana weSihogo—Ubu-gebenga nenkohlakalo zanaba—Iva-negeli ishunyayelwe ukususela eku-qalekeni.*

KWAYE kwenzekile okokuba emva kokuba mna, iNkosi uThixo, ndithe ndabagxotha, uthе uAdam waqalisа ukusebenza umhlaba, nokuba “nobukhosи phezu kwezinto zonke eziphilileyo zasendle, nokuba adle ukudla kwakhe ngo-kubila kwebunzi lakhe, njengoko mna iNkosi ndamyalelayo. No-Eva, kanjalo, umkakhe, wasebe-nza kunye naye.

2 Kwaye uAdam wamazi umkakhe, kwaye “wamzalela oonyana <sup>b</sup>neentombi, kwaye ba-qalisa ‘ukwanda nokuwuzalisa umhlaba.

26a Moses 1:34; 6:9.

27a I<sup>KZ</sup> Sidima.

28a Gen. 3:22.

I<sup>KZ</sup> Abantu/Amadoda,  
Mntu/Ndoda—Um-  
ntu, unamandla alele-  
yo okuba njengoBawo  
wasemaZulwini.

b I<sup>KZ</sup> Lwazi.

c Alma 42:4–5.

d Gen. 2:9;

1 Nif. 11:25;

Moses 3:9.

I<sup>KZ</sup> Mthi wobomi.

29a I<sup>KZ</sup> Eden.

30a I OoKum. 8:56;

I&M 1:38.

31a Alma 42:3.

I<sup>KZ</sup> likerubhi.

5 1a Moses 2:26.

2a Gen. 5:4.

b I&M 138:39.

c Gen. 1:28;

Moses 2:28.

3 Kwaye ukususela kweloo xesha kuye phambili, oonyana "neentombi zika-Adam baqalisa ukuzahlula ngambini ngambini elizweni, nokusebenza umhlaba, nokwalusa imihlambi, kwaye bazala kanjalo oonyana neentombi.

4 Kwaye uAdam noEva, umkakhe, babiza egameni leNkosi, kwaye beva ilizwi leNkosi livela endleleni engaseMyezweni "we-Eden, lithetha kubo, baye bengamboni; kuba babevalelwé ngaphandle <sup>b</sup>ebusweni bakhe.

5 Kwaye wabanika imiyalelo, okokuba "banqule iNkosi uThixo wabo baze banikele <sup>b</sup>ngamazibulo emihlambi yabo, angumnikelo eNkosini. Kwaye uAdam <sup>c</sup>wathobeka kuyo imiyalelo yeNkosi.

6 Kwaye emva kweentsuku ezininzi "ingelosi yeNkosi yabonakala kuAdam, isithi: Kungokuba kutheni na unikela <sup>b</sup>amadini eNkosini? Kwaye uAdam wathi kuyo: Andazi, ngaphandle kokuba iNkosi indiyalele.

7 Kwaye ngoko ingelosi yathetha, isithi: Le nto <sup>a</sup>kukufana <sup>b</sup>kwendini loKuphela koZelweyo kaYise, ozele <sup>c</sup>ubabalo nenyano.

8 Ngako oko, wena uya kwenza konke okwenzayo "egameni lo-Nyana, kwaye wena uya <sup>b</sup>kugukuka uze <sup>c</sup>ubize kuThixo egameni loNyana ngonaphakade.

9 Kwaye kuwo loo mhla <sup>a</sup>uMo-ya oyiNgcwele wehla phezu ko-Adam onika ubungqina boYise noNyana, usithi: <sup>b</sup>NdingoKuphe-la koZelweyo kaBawo ukususe-la ekuqalekeni, kuye phambili nangonaphakade, kuba njengo-ko wena <sup>c</sup>uwile umele ube <sup>d</sup>no-kukhululwa, nalo lonke uluntu, nkqu njengoko kwabaninzi kuya kwenziwa.

10 Kwaye kuwo loo mhla uA-dam wasikelelwá nguThixo kwaye "wazaliswa, kwaye waqalisa <sup>b</sup>ukuprefetha ngokunxulumene nazo zonke iiintsapho zomhlaba, esithi: Malisikelelwá igama lika-Thixo, kuba ngenxa yezigqitho zam amehlo am avulekile, kwaye kobi bomi ndiya kuba <sup>c</sup>novuyo, kwaye kwakhona ndiya kumbona uThixo <sup>d</sup>ndisenyameni.

11 Kwaye <sup>a</sup>uEva, umkakhe, wa-ziva zonke ezi zinto kwaye wa-yevuya, esithi: Ukuba bekungesi-so isigqitho sethu ngesingazange

*3a* Moses 5:28.

*4a* 1<sup>K</sup>Z Eden.

*b* Alma 42:9.

*5a* 1<sup>K</sup>Z Nqula.

*b* Eks. 13:12–13;

Num. 18:17; Moz. 2:3.

1<sup>K</sup>Z Zibulo.

*c* 1<sup>K</sup>Z Ntobeko, Thobeki-leyo, Thobela.

*6a* 1<sup>K</sup>Z Lingelosi.

*b* 1<sup>K</sup>Z Dini.

*7a* 1<sup>K</sup>Z Yesu Krestu—  
Iintlobo okanye

imiqondiso kaKrestu.

*b* Alma 34:10–15.

1<sup>K</sup>Z Gazi.

*c* Moses 1:6, 32.

1<sup>K</sup>Z Babalo.

*8a* 2 Nif. 31:21.

*b* Moses 6:57.

1<sup>K</sup>Z Guquka, Inguquko.

*c* 1<sup>K</sup>Z Mthandazo.

*9a* 1<sup>K</sup>Z Moya oyiNgcwele.

*b* 1<sup>K</sup>Z Kuphela

koZelweyo;

Yesu Krestu.

*c* 1<sup>K</sup>Z Kufa, kwasemoye-ni; Kuwa kuka-Adam

noEva.

*d* Moz. 27:24–26;

I&M 93:38;

V zoK 1:3.

1<sup>K</sup>Z Cebo lenkululeko;  
Khulula, Khululiweyo,  
Nkululeko.

*10a* 1<sup>K</sup>Z Kuzalwa  
kwakhona, Kuzalwa  
nguThixo.

*b* I&M 107:41–56.

1<sup>K</sup>Z Profetha,

Siprofetho.

*c* 1<sup>K</sup>Z Gcoba.

*d* Yobhi 19:26;

2 Nif. 9:4.

*11a* 1<sup>K</sup>Z Eva.

sibe <sup>b</sup>nembewu, kwaye ngesingazange sikwazi okulungileyo nokubi, novuyo lokukhululwa kwe-thu, nobomi obungunaphakade uThixo abunika kubo bonke abathobekileyo.

12 Kwaye uAdam noEva balsikelela igama likaThixo, kwaye benza zonke izinto <sup>a</sup>zazeke koon-yana babo neentombi zabo.

13 Kwaye <sup>a</sup>uSathana weza phakathi kwabo esithi: Ndigungunya-na kaThixo kanjalo; kwaye wabalyela, esithi: Sanukukholelw-a; kwaye <sup>b</sup>abakukholewanga, kwaye <sup>c</sup>bathanda uSathana ngaphezu koThixo. Kwaye abantu baqalisa ukususela kweloo xesha ukuya phambili <sup>d</sup>bangaben-yama, bemvelo, nababudemoni.

14 Kwaye iNkosi uThixo yababi-za abantu <sup>a</sup>ngoMoya oyiNgcwele kwiindawo zonke kwaye yabaya-lela okokuba baguquke;

15 Kwaye njengabaninzi <sup>a</sup>aba-kholwayo kuNyana, kwaye aba-guqukayo ezonweni zabo, baya <sup>b</sup>kusindiswa; kwaye njengabani-nzi babengakholwa, kwaye aba-guquka, babeya <sup>c</sup>kugwetywa; namazwi aphuma emlonyeni kaThixo esemmiselweni ongqi-ngqwa; ngako oko amele ukuzalisekiswa.

16 Kwaye uAdam noEva, umka-khe, abazange bayeke ukubiza uThixo. Kwaye uAdam wamazi

uEva umkakhe, kwaye wamitha waza wazala <sup>a</sup>uKayin, kwaye wa-thi: Ndizuze indoda eNkosini; ngako oko ize ingabi nakuwa-la amazwi ayo. Kodwa qaphela, uKayin akawaphulaphulanga, esithi: Ngubani iNkosi emandiyazi?

17 Kwaye kwakhona wami-tha waza wazala umntakwabo <sup>a</sup>uAbheli. Kwaye uAbheli <sup>b</sup>wa-phulaphula elizwini leNkosi. Kwaye uAbheli waba ngumalu-si wezimvu, kanti uKayin waba ngumsebenzi womhlaba.

18 Kwaye uKayin <sup>a</sup>wathanda uSathana ngaphezulu koThixo. Kwaye uSathana wamyalela esithi: <sup>b</sup>Yenza umnikelo eNkosini.

19 Kwaye ke ekuhambeni kwe-xesha kwaye kwenzeka okokuba uKayin azise iziqhamo zomhlaba zingumnikelo eNkosini.

20 Kwaye uAbheli, kanjalo wa-zisa amazibulo omhlambi wakhe, natyebileyo awo. Kwaye iNkosi yamhlonela uAbheli, <sup>a</sup>nomnikelo wakhe;

21 Kodwa ayizanga imbeke uKa-yin, <sup>a</sup>nomnikelo wakhe. Ngoku uSathana wakwazi oku, kwaye kwamkholisa. Kwaye ke uKayin waba nomsindo kakhulu, kwaye ubuso bakhe basangana.

22 Kwaye yathi iNkosi kuKayin: Yini na ukuba uqumbe? Yini na ukuba busangane ubuso bakho?

23 Ukuba uthe walungisa, uya

<sup>11b</sup> 2 Nif. 2:22–23.

<sup>12a</sup> Dut. 4:9.

<sup>13a</sup> I<sub>KZ</sub> Mtyholi.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Kungakholwa.

<sup>c</sup> Moses 6:15.

<sup>d</sup> I<sub>KZ</sub> Muntu osenyameni;

Nyameni.

<sup>14a</sup> Yoh. 14:16–18, 26.

<sup>15a</sup> I<sub>KZ</sub> Kholwa, Nkolo.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Sindiso.

<sup>c</sup> I&M 42:60.

I<sub>KZ</sub> Mgwebo.

<sup>16a</sup> Gen. 4:1–2.

I<sub>KZ</sub> Kayin.

<sup>17a</sup> I<sub>KZ</sub> Abheli.

<sup>b</sup> Heb. 11:4.

<sup>18a</sup> I&M 10:20–21.

<sup>b</sup> I&M 132:8–11.

<sup>20a</sup> I<sub>KZ</sub> Dini; Mnikelo.

<sup>21a</sup> Gen. 4:3–7.

"kwamkeleka. Kwaye ukuba uthé akwalungisa, isono sibuthumile ngasesangweni, kwaye uSathana unqwenela ukukufumana; kwaye ngaphandle kokuba ube uya ku-phulaphula imiyalelo yam, ndiya kukukhulula, kwaye kuya kuba njalo kuwe ngokomnqweno wa-khe. Kwaye wena uya kulawula phezu kwakhe.

24 Kuba ukususela kweli xesha kuye phambili uya kuba nguyise wobuxoki bakhe; uya kubizwa "iSihogo; kuba kanjalo wawukho phambi kwehlabathi.

25 Kwaye kuya kuthiwa kwi-xesha elizayo—Okokuba la "masikizi afunyanwa kuKayin; kuba wala icebiso elikhulu ngakumbi elalifunyanwa kuThixo; kwaye esi sisiqalekiso endiya kusibeka phezu kwakho, ngaphandle ko-kuba uyaguquka.

26 Kwaye ke uKayin wayequ-mbile, kwaye akamamelanga ngakumbi elizwini leNkosi, na-kuAbheli, umntakwabo, owa-hamba ebungcweleni phambi kweNkosi.

27 Kwaye uAdam nomkakhe bazila phambi kweNkosi, ngenxa kaKayin nabazalwana bakhe.

28 Kwaye kwenzekile okokuba uKayin wathatha enye yeentombi zabantakwabo ukuba ibe ngumfa-zí, kwaye "bathanda uSathana ngaphezu kunoThixo.

29 Kwaye uSathana wathi kuKa-yin: Funga kum, ngomqala wakho kwaye ukuba uyaxela uya kufa; kwaye ufunge abazalwana ba-kho ngeentloko zabo, nangoThixo ophilileyo, okokuba bangasixeli; kuba ukuba bayasixela, baya kufa ngokuqinisekileyo; ukuze esi uyi-hlo angabi nakusazi; kwaye ngale mini ndiya kumnikela umntakwe-nu uAbheli ezandleni zakho.

30 Kwaye uSathana wafunga kuKayin ukuba uya kwenza ngo-kwemiyalelo yakhe. Kwaye zonke ezi zinto zenziwa emfihlakalweni.

31 Kwaye uKayin wathi: Inene ndinguMahan, umongameli we-mfihlakalo enkulu, ukuze ndibe "nokubulala ndize ndifumane inzuzo. Ngako oko uKayin kwa-thiwa nguMongameli <sup>b</sup>Mahan, kwaye waziqhayisa ngenkohla-kalo yakhe.

32 Kwaye uKayin waya endle, kwaye uKayin wathetha noAbheli, umntakwabo. Kwaye kwenzekile okokuba xa babese-nkle, uKayin wamvukela uAbheli, umntakwabo, kwaye wambulala.

33 Kwaye uKayin "waziqhayisa ngoko wayekwenzile, esithi: Ndi-khululekile, ngokuqinisekileyo imihlambi yomntakwethu iwela ezandleni zam.

34 Kwaye iNkosi yathi kuKa-yin: Uphi na uAbheli, umntak-wenu? Kwaye wathi: Andazi.

23a Gen. 4:7;

I&M 52:15; 97:8.

24a 1<sup>a</sup>Z Oonyana besihogo.

25a Hil. 6:26–28.

28a Moses 5:13.

31a 1<sup>a</sup>Z Bulala.

b UMZ. "INggondo,"

"umtshabalisi,"

"nomkhulu"

ziintsingiselo

ekunokwenzeka ukuba

ziinggaambu ezicacileyo

zika"Mahán."

33a 1<sup>a</sup>Z Kratshi;

Thanda izinto  
zehlabathi.

"Ndingumgcini womntakwethu yini na?

35 Kwaye iNkosi yathi: Wenzen toni na? Izwi legazi lomntakwenu liyakhala emhlabeni kum.

36 Kwaye ngoku uya kuqalekiswa emhlabeni okhamise umlomo wawo walithabatha igazi lomntakwenu esandleni sakho.

37 Xa usebenza umhlaba awusayi kukunika amandla awo. Uya kuba "sisibhadubhadu nomphalaphali emhlabeni.

38 Kwaye uKayin wathi eNkosini: USathana "wandihenda ngenxa yemihlambi yomntakwethu. Kwaye kanjalo ndandiqumbile; kuba wamkele umnikelo wakhe waza awawamkela owam; ityala lam likhulu kunokuba ndinokulithwala.

39 Yabona undigxothile namhla ebusweni beNkosi, nasebusweni bakho ndiya kusithela; kwaye ndiya kuba sisibhadubhadu nomphalaphali emhlabeni; kwaye kuya kwenzeka, okokuba lowo undifumanayo uya kundibulala, ngenxa yobugwenxa bam, kuba ezi zinto azifihlakalanga eNkosini.

40 Kwaye mna iNkosi ndathi kuye: Nabani na okubulalayo, impindezelu iya kwensiwa kuye kasixhenxe. Kwaye mna, iNkosi ndimisele "umqondiso kuKayin, hleze nabanina omfumanayo uya kumbulala.

41 Kwaye ke uKayin wavalelwangaphandle "ebusweni beNkosi, kwa kunye nomkakhe nabaninzi babazalwana bakhe bahlala elizweni likaNod, kwimpumalanga yase-Eden.

42 Kwaye uKayin wamazi umkakhe, kwaye wamitha waza wazala uEnoki, kwaye kanjalo wazala oonyana abaninzi neentombi. Kwaye wakha isixeko, kwaye igama "lesixeko walithiya emva kwegama lonyana wakhe, uEnoki.

43 Kwaye uEnoki wazala uIradi, nabanye oonyana neentombi. Kwaye uIradi wazala uMehuyaheli, nabanye oonyana neentombi. Kwaye uMehuyaheli wazala uMetusaheli nabanye oonyana neentombi. Kwaye uMetusaheli wazala uLameki.

44 Kwaye uLameki wazithathela abafazi ababini; igama lomnye linguAda, negama lomnye, linguZila.

45 Kwaye uAda wazala uYabhali; wayenguyise wabo bonke abahlala ezintenteni, kwaye bengabagcini bezilo ezizitho zine; kwaye igama lomntakwabo lalinguYubhali, owayenguyise wabo bonke abaphatha uhadi nogwali.

46 Kwaye uZila, kanjalo wazala uTubhalekayin, obekhanda yonke impahla enobukhali yobhedu nesinyithi, Nodade boTubhalekayin ebenguNahama.

34a Gen. 4:9.

37a Gen. 4:11–12.

38a 1<sup>z</sup> Henda, Sihendo;  
Nqwenela.

40a Gen. 4:15.

41a Moses 6:49.

42a UMZ. Kwakukho indoda egama linguEnoki kumlibo kaKayin, nesixeko seloo gama phakathi kwabantu bakhe. Musa ukuphazamisa

ez noEnoki womlibo olungileyo kaSete nesixeko sakhe, iZiyon, kanjalo kwathiwa si "Sixerko sikaEnoki."

47 Kwaye uLameki wathi kubafazi bakhe, uAda noZila: Liveni ilizwi lam, bafazi bakaLameki, phulaphulani intetho yam; kuba sendibulele indoda yenxeba lam, nandodana ngenxa yomvumbowam.

48 Kuba uKayin uya kuperindzelwa kasixhenxe, ngenene uLameki uya kuba “ngamashumi asixhenxe anesixhenxe;

49 Kuba uLameki engene “kumqophiso noSathana, emva kohlobo lukaKayin, apho abe ngu-Mongameli Mahan, umongameli walaa mfihlakalo inkulu eyankwa uKayin nguSathana; nolradi, unyana kaEnoki, besazi imfihlakalo yabo, baqalisa ukuyityhilela oonyana baka-Adam;

50 Ngako oko uLameki enomsindo, wambulala, engafani noKayin, kumntakwabo uAbheli, ngenxa yokufumana inzuzo, kodwa wambulalela isizathu sesifungo.

51 Kuba, ukususela kwimihla kaKayin, kwakukho “amayelenqe afihlakeleyo, kwaye imisebenzi yawo yayisemnyameni, kwaye babesazi okokuba wonke umntu ungumzalwana.

52 Ngako oko iNkosi yamqalekisa uLameki, nendlu yakhe, nabo bonke abathe banqophisana noSathana; kuba abayigcinanga imiyalelo kaThixo, kwaye oko akumkholisanga uThixo, kwaye

ke akafundisanga kubo bonke, kwaye imisebenzi yabo yayingamasikizi, kwaye ke kwaqala ukunaba phakathi kwabo bonke “oonyana babantu. Kwaye ke kwaba phakathi koonyana babantu.

53 Kwaye phakathi kweento- mbi zabantu ezi zinto zazingathethwa, ngenxa yokuba uLameki wayethe wayithetha imfihlelo ku- bafazi bakhe, kwaye bamvukela, kwaye bazibhengeza ezi zinto phandle, baza ababi namfesane;

54 Ngako oko uLameki wace- kiswa, kwaye waphoselwa ngaphandle, kwaye akeza phakathi koonyana babantu, hleze abe uya kufa.

55 Kwaye njalo imisebenzi “yo- bumnyama yaqalisa ukoyisa phakathi koonyana babantu.

56 Kwaye uThixo wawuqalekisa umhlaba ngesiqalekiso esibuhlu- ngu, kwaye enomsindo kwabakhohlakeleyo, nabo bonke oonyana babantu awabenzayo;

57 Kuba babengaphulaphulanga elizwini lakhe, bengakholelwanga kowakhe “oKuphela koZelweyo uNyana, nkqu lowo ambhengeze ekubeni uya kuza ngexesha eligqibeleyo, owayelungiselellwe ukususela phambi kwesiseko sehlabathi.

58 Kwaye njalo “iVangeli ya- qaliswa ukushunyayelwa, ukususela ekuqalekeni, ibhengezwa

48a UMZ. ULameki wagwagwisa ngokuba uSathana uya kumenzela ngakumbi kunoko wakwenzela uKayin. Izizathu zentelekelelo yakhe

zinikwe kwiivesi 49 ne50.  
Gen. 4:24.  
49a I<sub>KZ</sub> Sifungo.  
51a I<sub>KZ</sub> Amayelenqe afihlakeleyo.  
52a Moses 8:14–15.

55a I<sub>KZ</sub> Bumnyama, basemoyeni; Khohlakele, Nkohlakalo.  
57a I<sub>KZ</sub> Yesu Krestu.  
58a I<sub>KZ</sub> Vangeli.

<sup>b</sup>ziingelosi ezingcwele ezithunye-lwe ngaphambili zivela ebusweni bukaThixo, nangelizwi elilelakhe, <sup>c</sup>nangesipho soMoya oyiNgcwele.

59 Kwaye njalo zonke izinto za-qiniselwa kuAdam ngommiselo ongcwele, kwaye iVangeli yashu-nyayelwa, nommiselo wathunye-lwa ngaphambili, ukuze ube uya kuba sehlabathini, kude kube si-siphelo salo; kwaye ke kwaba njalo. Amen.

### ISAHLUKO 6 (Novemba–Disemba 1830)

*Imbewu ka-Adam igcina incwadi yeenkumbulo—Isizukulwana sa-khe esilungileyo sishumayela ingu-quko—UThixo uzityhila ngeNkku kuEnoki—UEnoki ushumayela iva-negeli—Icebo losindiso latyhilwa ku-Adam—Wafumana ubhaptizo nobu-bingeleli.*

KWAYE <sup>a</sup>uAdam waphulaphula ilizwi likaThixo, kwaye wabize-la oonyana bakhe ekuguqukeni.

2 Kwaye uAdam wamazi umka-khe kwakhona, kwaye ke wazala unyana, kwaye wathi igama lakhe <sup>a</sup>nguSete. Kwaye uAdam walizu-kisa igama likaThixo; kuba wathi: UThixo undimisele enye imbewu esikhundleni sika-Abheli, lowo uKayin wambulalayo.

3 Kwaye uThixo wazityhila ku-Sete, kwaye akazange avukele, kodwa wanikela <sup>a</sup>idini elamkele-kileyo, njengelomntakwabo uAbheli. Kwaye kuye kanjalo kwaza-lwa unyana, kwaye wathi igama lakhe nguEnoshe.

4 Kwaye ngoko baqala aba bantu <sup>a</sup>ukubiza egameni leNkosi, kwaye iNkosi yabasikelela.

5 Kwaye <sup>a</sup>incwadi yeenkumbu-lo yagcinwa, kuyo kwabhalwa, ngolwimi luka-Adam, kuba ya-yinikwa abaninzi njengoko babebiza uThixo babbale ngomoya <sup>b</sup>wempembelelo;

6 Kwaye ngabo abantwana babo babefundiswa ukufunda noku-bhala, benolwimi olwalusulunge-kile kwaye lungangcolisekanga.

7 Ngoku obu <sup>a</sup>Bubingeleli bu-fanayo, obabukho ekuqalekeni, buya kubakho esiphelweni sehla-bathi kananjalo.

8 Ngoku uAdam wathetha esi siprofetho, njengoko eqhutywa <sup>a</sup>nguMoya oyiNgcwele, kwaye <sup>b</sup>nomlibo <sup>c</sup>wabantwana bakaThixo wawugciniwe. Kwaye wona <sup>d</sup>wawuyincwadi yezizukulwana zika-Adam, esithi: Ngawo umhla uThixo awadala umntu, wamenza ngemfano kaThixo;

9 <sup>a</sup>Ngokomfanekiselo womzi-mba ongowakhe, <sup>b</sup>wabadala,

58b Alma 12:28–30;  
Moro. 7:25, 29–31.

<sup>c</sup> I<sub>KZ</sub> Ilingelosi.

<sup>c</sup> I<sub>KZ</sub> Sipho soMoya  
oyiNgcwele.

6 1a I<sub>KZ</sub> Adam.

2a Gen. 4:25.

I<sub>KZ</sub> Sete.

3a I<sub>KZ</sub> Dini.

4a Gen. 4:26.  
I<sub>KZ</sub> Mthandazo.

5a Abr. 1:28, 31.

I<sub>KZ</sub> Ncwadi  
yeenkumbulo.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Mpembelelo,  
Phembelela.

7a I<sub>KZ</sub> Bubingeleli.

8a II Petr. 1:21.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Mlibo.

<sup>c</sup> I<sub>KZ</sub> Oonyana neento-mbi zikaThixo.

<sup>d</sup> Gen. 5:1.

9a Gen. 1:26–28;

Moses 2:26–29;

Abr. 4:26–31.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Abantu/Amadoda,  
Mntu/Ndoda.

indoda nomfazi, kwaye wabasi-kelela, kwaye wathi <sup>a</sup>igama labo nguAdam, ngawo umhla xa ba-bedalwa baza baba <sup>b</sup>yimiphefumlo ephilileyo emhlabeni phezu kwawo <sup>c</sup>kusisihlalo seenyawo zi-kaThixo.

10 Kwaye <sup>a</sup>uAdam waphila ikhulu elinamashumi amathathu leminyaka, kwaye wazala unyana kwimfano eyiyeyakhe, <sup>b</sup>ngoko-mfanekiselo ongowakhe, kwaye wathi igama lakhe nguSete.

11 Kwaye imihla ka-Adam, emva kokuba efumene uSete, yayingamakhulu asibhozo eminyaka, kwaye ke wazala oonyana abaninzi neentombi;

12 Kwaye yonke imihla uAdam awayiphilayo yayingamakhulu alithoba anamashumi amathathu eminyaka, waza wafa.

13 USete waphila ikhulu elinesihlanu leminyaka, kwaye wazala uEnoshe, kwaye ke waprofetha kuyo yonke imihla yakhe, nokuba wafundisa unyana wakhe uEnoshe ezindleleni zikaThixo; ngako oko uEnoshe kanjalo waprofetha.

14 Kwaye uSete waphila, iminyaka engamakhulu asibhozo anesixhenxe, emva kokuba wazala oonyana abaninzi neentombi.

15 Kwaye abantwana baba-ntru babebaninzi phezu kobuso bomhlaba. Kwaye kuloo mihla uSathana <sup>a</sup>wayenobukhosipha-kathi kwabantu, kwaye edwa-nguza ezintliziyweni zabo; kwaye

ukususela ngoko kuye phambili kweza iimfazwe nempalalo-gazi; kwaye isandla somntu sasichasene nomntakwabo, ekwenzeni ukufa, ngenxa <sup>b</sup>yemisebenzi efi-hlakeleyo, befuna amandla.

16 Yonke imihla kaSete yayi-ngamakhulu alithoba aneshumi elinesibini eminyaka, waza wafa.

17 Kwaye ke uEnoshe waphila amashumi alithoba eminyaka, waza wazala <sup>a</sup>uKenan. Kwaye uEnoshe nentsalela yabantu ba-kaThixo baphuma elizweni, elalibizwa ngokuba yiShulon, kwaye wahlala elizweni lesithembiso, awalibiza emva konyana ongo-wakhe, awayemthiye ngokuba ngenKenan.

18 Kwaye uEnoshe waphila, iminyaka engamakhulu asibhozo aneshumi elinesihlanu, emva kokuba wazala uKenan, waza wazala oonyana abaninzi neentombi. Kwaye iyonke ke imihla kaEnoshe yayingamakhulu alithoba anesi-hlanu eminyaka, waza wafa.

19 Kwaye uKenan waphila amashumi asixhenxe eminyaka, kwaye wazala uMahalaleli; kwaye uKenan waphila iminyaka engamakhulu asibhozo anamashumi amane emva kokuba wazala uMahalaleli, waza wazala oonyana neentombi. Kwaye iyonke imihla kaKenan yayingamakhulu alithoba aneshumi eminyaka, waza wafa

20 Kwaye uMahalaleli waphila

<sup>9c</sup> Moses 1:34; 4:26.

<sup>d</sup> 1<sup>z</sup> Mphefumlo.

<sup>e</sup> Abr. 2:7.

<sup>10a</sup> I&M 107:41–56.

<sup>b</sup> Gen. 5:3;

I&M 107:42–43; 138:40.

<sup>15a</sup> Moses 5:13.

<sup>b</sup> 1<sup>z</sup> Amayelenqe

afihlakeleyo.

<sup>17a</sup> Gen. 5:10–14;

I&M 107:45, 53.

iminyaka engamashumi amathandathu anesihlanu, kwaye wazala uYerede; kwaye uMahalaleli waphila, iminyaka engamakhulu asibhozo anamashumi amathathu, emva kokuba wazala uYerede, waza wazala oonyana neentombi. Kwaye iyonke imihla kaMahalaleli yayingamakhulu asibhozo anamashumi alithoba anesihlanu eminyaka, waza wafa.

21 Kwaye uYerede waphila ikhulu elinamashumi amathandathu anesibini eminyaka, kwaye wazala "uEnoki, waza wazala oonyana neentombi. Kwaye uYerede wafundisa uEnoki ezindleleni zikaThixo.

22 Kwaye lo mlibo woonyana baka-Adam, "owayengunyana kaThixo, uThixo, ubuqu bakhe, wawuncokola kunye naye.

23 Kwaye "babengabashumayeli bobulungisa, babethetha yaye "beprofetha, kwaye babebziba bonke abantu, ezindaweni zonke, "baguquke; "nokholo lwalufundi-swa ebantwaneni babantu.

24 Kwaye kwenzekile okokuba iyonke imihla kaYerede yayiyiminyaka engamakhulu alithoba anamashumi amathandathu anesibini, waza wafa.

25 Kwaye uEnoki waphila iminyaka engamashumi amathandathu anesihlanu, kwaye ke wazala "uMethusela.

26 Kwaye kwenzekile okokuba uEnoki wahambahamba elizweni, phakathi kwabantu; nanjengoko ehambahamba, uMoya kaThixo wehla uphuma ezulwini, kwaye wahlala phezu kwakhe.

27 Kwaye weva ilizwi livela ezu-lwini, lisithi: Enoki, nyana wam, profetha kwaba bantu, uze uthi kubo—Guqukani, kuba itsho njalo iNkosi: "Ndinomsindo ngaba bantu, kwaye umsindo wam owo-yikekayo uphenjelelwe ngokuchasene nabo; kuba iintliziyo zabo ziqlise ukuba lukhuni, "neendle-be zabo zithe nkqi, namehlo abo 'akanako ukubona kude;

28 Kwaye kwezi zizukulwana zininzi, ukususela ngomhla endabdalayo, bathe "balahleka, kwaye bandikhanyela, baze bafuna iingcebiso ezizezabo emnyameni, namasikizi angawabo aqulunqe ubugebenga, baze abayigcina imiyalelo, endayinika uyise wabo, uAdam.

29 Ngako oko, bazifungele tanci, kwaye "ngesifungo sabo, bazizisele phezu kwabo ukufa; kwaye ndibalungiselele "isihogo, ukuba abaguuki;

30 Kwaye lo ngummiselo, endiwuthumele ngaphambili ekuqalekeni kwehlabathi, uvela emlonyeni ongowam, ukususela kwisiseko salo, nangemilomo yezicaka zam, ooyihlo, ndiwumisele, nkqu

21a Gen. 5:18–24;  
Moses 7:69; 8:1–2.  
I&Z Enoki.

22a Luka 3:38.  
23a I&Z Mprofeti.  
b I&Z Profetha,

Siprofetho.  
c I&Z Guquka, Inguquko.  
d I&Z Kholo.  
25a I&Z Methusela.  
27a I&M 63:32.  
b Mat. 13:15; 2 Nif. 9:31;

Moz. 26:28;  
I&M 1:2, 11, 14.  
c Alma 10:25; 14:6.  
28a I&Z Vukelo.  
29a I&Z Sifungo.  
b I&Z Sihogo.

njengoko uya kuthunyelwa ngaphambili ehlabathini, kuye ezi-phelweni zalo.

31 Kwaye xa uEnoki wathi weva la mazwi, waqubuda emhlabeni, phambi kweNkosi, waye watetha phambi kweNkosi, esithi: Kungokuba kutheni ndifumene ukuthandwa ebusweni bakho, ndaye kodwa ndingumfana, kwaye bonke abantu bayandicaphukela; kuba “ndilithintitha; ngako oko ke ndisiso na isicaka sakho?

32 Kwaye iNkosi yathi kuEnoki: Yiya phambili uze wenze njengoko ndikuyaleleyo, kwaye akukho mntu uya kukugqobhoza. Vula “umlomo wakho, kwaye uya ku-zaliswa, ndaye ndiya kukunika intetho, kuba yonke inyama ise-andleni zam, ndaye ndiya kwenza njengoko ndikubona kulungile.

33 Yithi kwaba bantu: “Zikheteleni ngale mini, ukukhonza iNkosi uThixo owanenzayo.

34 Qaphela uMoya wam uphezu kwakho, ngako oko onke amazwi akho ndiya kuwalungisa; “neentaba ziya kusaba phambi kwakho, <sup>b</sup>nemilambo iya kujika endleleni yawo; kwaye wena uya kuhlala kum, ndize ndibe kuwe; ke ngoko ‘hamba kunye nam.

35 Kwaye iNkosi yathetha kuEnoki; yaze yathi kuye: Qaba amehlo akho ngodaka, uze uwahlambe, kwaye uya kubona. Kwaye ke wenza njalo.

36 Kwaye wabona “oomoya

uThixo awathi wabadala; kana-jalo wabona izinto ezazingabo-nakali kwiliso <sup>b</sup>lendalo; kwaye ukususela oko beza intetho ngaphesheya elizweni: ‘Imboni iNko-si iyiphakamisile ebantwini bayo.

37 Kwaye kwenzekile ukuba uEnoki waya ngaphambili elizweni, phakathi kwabantu, esima phezu kweenduli neendawo eziphaka-mileyo, uye wakhala ngelizwi elikhulu, engqina ngokuchasene nemisebenzi yabo; kwaye bonke abantu “babekhubekile ngenxa yakhe.

38 Kwaye beza ngaphambili bezoku-mphulaphula, phezu kweenda-wo eziphezulu, besithi kubagcini beentente: Hlalani nina apha nize nigcine iintente, xa siya ngaphaya sibone imboni, kuba iyaprofetha, kwaye kukho into engaqhelekanga elizweni; umntu oyindlobongela uze phakathi kwethu.

39 Kwaye kwenzekile xa bamvayo, akukho mntu wabeka izandla kuye; kuba uloyiko lweza kubo bonke abamvayo; kuba wayehamba noThixo.

40 Kwaye apho kwaphuma umntu weza kuye, ogama lakhe lalingu Mahijah, waza wathi kuye: Sixelele ngokucacileyo wena ungubani, kwaye uvela phi?

41 Kwaye wathi kubo: Ndivela kwilizwe likaKenan, ilizwe looba-wo, ilizwe lobulungisa kude kube ngulo mhla. Kwaye ubawo wan-difundisa ezindleleni zikaThixo.

<sup>31a</sup> Eks. 4:10–16; Yer. 1:6–9.

<sup>32a</sup> I&M 24:5–6; 60:2.

<sup>33a</sup> I<sub>KZ</sub> Kuzikhethela.

<sup>34a</sup> Mat. 17:20.

<sup>b</sup> Moses 7:13.

<sup>c</sup> Gen. 5:24; Moses 7:69.

I<sub>KZ</sub> Hamba, Hamba

noThixo.

<sup>36a</sup> I<sub>KZ</sub> Ndalo yomoya.

<sup>b</sup> Moses 1:11.

<sup>c</sup> I<sub>KZ</sub> Mboni.

<sup>37a</sup> 1 Nif. 16:1–3.

42 Kwaye kwenzekile, njengoko ndandihambahamba ukusuka elizweni likaKenan, ngolwandle lwasempumalanga, ndabona umbono; kwaye yabona, ndabona amazulu, kwaye iNkosi yathetha nam, yaye yandinika umyalelo; ngako oko, ngenxa yale njongo, ndithetha ngaphambili la mazwi, ukugcina umyalelo.

43 Kwaye ke uEnoki waqhuba intetho yakhe, esithi: INkosi eyathetha nam, ikwa nguThixo wamazulu, kwaye unguThixo wam, noThixo wenu, kwaye ningabazalwana bam, kwaye kungokuba kutheni “nizicebisa ngokwenu, nibe niphika uThixo wamazulu?

44 Wenza amazulu; “umhlaba <sup>b</sup>sisihlalo seenyawo zakhe; nesiseko sawo sesakhe. Qaphelani, wasibeka, wazisa phezu kobuso bawo isihlweli sabantu.

45 Kwaye ukufa kweza phezu koobawo; nangona kunjalo siyabazi, kwaye asinako ukuphika, nabo bonke nkqu abokuqala babo siyabazi, nkqu uAdam.

46 Kuba incwadi “yeenkumbulo siyibhalile phakathi kwethu, ngo-komfuziselo onikwe ngomnwe kaThixo; kwaye inikwe ngolwimi lwethu.

47 Kwaye njengoko uEnoki

wathetha ngaphambili amazwi kaThixo, abantu bangcangcazela, kwaye babengenako ukuma ebusweni bakhe.

48 Kwaye wathi kubo: Ngokuba ke uAdam “wawayo, sikho; na-nogokuwa kwakhe kweza <sup>b</sup>ukufa; kwaye senziwe abaxhamli be-nkxwaleko neenkathazo.

49 Qaphelani uSathana uthe weza phakathi kwabantwana bantu, yaye “wabahenda ukuze banqule yena; kwaye abantu babe <sup>b</sup>senyameni, <sup>c</sup>basendalweni baza babudemoni, kwaye <sup>d</sup>bavalelwé ngaphandle ebusweni bukaThixo.

50 Kodwa uThixo wenze kwazeka koobawo bethu okokuba bonke abantu bamele ukuguquka.

51 Kwaye wabiza ubawo wethu uAdam ngelizwi elilelakhe, esithi: NdinguThixo; ndenza ihlabathi, “nabantu <sup>b</sup>phambi kokuba babe senyameni.

52 Kwaye wathi kanjalo kuye: Ukuba uya kubuyela kum, kwaye upholaphule ilizwi lam, uze ukholwe, uze uguquke kuzo zonke izigqitho zakho, uze “ubhaptizwe, nakuwo amanzi, egameni lowam oKuphela koZelweyo uNyana, ozele <sup>b</sup>lubabalo nenyaniso, <sup>c</sup>onguYesu Krestu, okuphela <sup>d</sup>kwegama eliya kunikwa phantsi

43a ImiZ. 1:24–33;  
I&M 56:14–15.

44a Dut. 10:14.

<sup>b</sup> Abr. 2:7.

46a I<sub>KZ</sub> Ncwadi  
yeenkumbulo.

48a 2 Nif. 2:25.  
I<sub>KZ</sub> Kuwa kuka-Adam  
noEva.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Kufa,  
kwasenayameni.

49a Moses 1:12.

I<sub>KZ</sub> Henda, Sihendo.

<sup>b</sup> Moz. 16:3–4;

Moses 5:13.

I<sub>KZ</sub> Nyameni.

<sup>c</sup> I<sub>KZ</sub> Bumvelo, Wemvelo.

<sup>d</sup> I<sub>KZ</sub> Kufa,

kwasemoyeni.

51a I<sub>KZ</sub> Abantu/Amado-

da, Mntu/Ndoda—

Umuntu, ngumntwana

ngokwasemoyeni kaBa-  
wo wasemaZulwini.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Ndalo yomoya.

52a 3 Nif. 11:23–26.

I<sub>KZ</sub> Bhaptiza, Bhaptizo.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Babalo.

<sup>c</sup> I<sub>KZ</sub> Yesu Krestu.

<sup>d</sup> Izenzo 4:12;

2 Nif. 31:21.

kwamazulu, ngalo ‘usindiso luya kuza ebantwaneni babantu, uya kwamkela isipho soMoya oyi-Ngcwele, ucela zonke izinto ega-men i lakhe, kwaye nantoni na oya kuyicela, uya kuyinikwa.

53 Kwaye ubawo wethu uAdam wathetha eNkosini, kwaye wa-thi: Kungokuba kutheni okokuba abantu bemele ukuguquka baze babbaptizwe emanzini? Kwaye iNkosi yathi kuAdam: Qaphela “ndikuxolele isigqitho sakho eMyezweni wase-Eden.

54 Ukususela ngoko kweza inter-tho ngaphandle phakathi kwabantu, okokuba “uNyana kaThixo ‘ufele ityala lemvelo, kuko izono zabazali azinako ukuphendulelw a phezu kweentloko ‘zabantwana, kuba bakhululekile esisekwensi sehlabathi.

55 Kwaye iNkosi yathetha kuAd-am, isithi: Njengokuba abantwa-na bezalelwa esonweni, naku-ba kunjalo xa beqalisa ukukhula, “isono siyadaleka ezintliziyweni zabo, baze bangcamle ‘ubukrakra, ukuze babe nokukwazi ukuxabisa ukulunga.

56 Kwaye kunikiye kubo ukwa-zि ukulunga ebubini; ngako oko

“amandla akubo, kwaye ndinini-ke omnye umthetho nomyalelo.

57 Ngako oko wufundiseni kubo abantwana benu, ukuze bonke abantu, ezindaweni zonke, bame-le “ukuguquka, okanye abanako nangayiphi na indlela ukubudla ilifa ubukumkani bukaThixo, kuba ayikho into ‘engacocekanga eno-kuhlala aphi, okanye ‘ukuhlala ebusweni bakhe; kuba, kulwimi luka-Adam, “uMntu wobuNgcwe-le ligama lakhe, negama lowakhe oKuphela koZelweyo “linguNyana woMntu, nkqu uYesu Krestu, ‘uMgwebi olungleleyo, oya kuza ngexesha lobungangamsha.

58 Ke ngoko ndininika umyalelo, nifundise ezi zinto ngokukhulule-kileyo “ebantwaneni benu, nisithi:

59 Kuba ngesizathu sesigqitho kweza ukuwa, siwo eso sizise ukufa, kwaye njengokuba niza-lelwe kulo ihlabathi ngamanzi, negazi, “nomoya, endiwenzileyo, kwaza njalo ‘okuluthuli kwaba ngumphefumlo ophilileyo, nkqu kunjalo nimele ‘ukuzalwa kwa-khona kubukumkani bamazulu, “ngamanzi, nangoMoya, nize ni-hlanjululwe ngegazi nkqu ngegazi lowam oKuphela koZelweyo;

52e 1κΖ Sindiso.

53a 1κΖ Xolela.

54a 1κΖ Yesu Krestu.

b 1κΖ Hlawulela,  
Ntlawulelo.

c Moz. 3:16.

55a 1κΖ Sono.

b I&M 29:39.

1κΖ Bunzima.

56a 2 Nif. 2:26–27;

Hil. 14:29–30.

1κΖ Kuzikhethela.

57a 1 Kor. 6:9–10.

I κΖ Guquka, Inguquko.

b 1 Nif. 10:21.

I κΖ Cocekileyo  
nengacocekanga.

c IInd. 24:3–4;

1 Nif. 15:33–36;

Morm. 7:7;

I&M 76:50–62.

d Moses 7:35.

I κΖ Ndoda

yobuNgcwele.

e I κΖ Nyana woMntu.

f I κΖ Bulungisa,

Lungileyo;  
Yesu Krestu—Gweba.

58a 1κΖ Bantwana,  
Mntwana.

59a I Yoh. 5:8.

b Gen. 2:7;  
Moses 4:25;  
Abr. 5:7.

c I κΖ Kuzalwa kwakhona,  
Kuzalwa nguThixo.

d I κΖ Bhaptiza, Bhaptizo.

ukuze nibe nokungcwaliswa kuso sonke isono, nize “nivuyele <sup>f</sup>amazwi obomi obungunaphakade kweli hlabathi, nobomi obungunaphakade kwilizwe elizayo, nkqu <sup>g</sup>ubuqaqawuli obungafiyo;

60 Kuba “ngamanzi nigcina umyalelo; ngoMoya <sup>b</sup>niyaweteyelwa, <sup>c</sup>nangegazi <sup>d</sup>niyangcwaliswa;

61 Ke ngoko kunikiwe ukuhalla kuni; imbali yamazulu; <sup>e</sup>uMonwabis; izinto ezinoxolo zobraqawuli obungafiyo; inyaniso yezinto zonke; oko kudlisa ubomi zonke izinto, okwenza ziphile zonke izinto; owazi zonke izinto nonamandla onke ngokobulumko, inceba, inyaniso, ubulungisa, nomgwebo.

62 Kwaye ngoku, qaphela, ndithi kuwe: Eli <sup>f</sup>licebo losindiso kubo bonke abantu, ngegazi lowam <sup>g</sup>oKuphela koZelweyo, uya kuza ngexesha lobungangamsha.

63 Kwaye qaphela, zonke izinto zinokufana kwazo, kwaye zonke izinto zidalwe zaye zenziwa “ukunika ubungqina ngam, kune izinto ezizezenyama, nezinto ezizezomoya; izinto ezesemazulwini ngentla, nezinto ezesemhlaben, nezinto ezikuwo umhlaba, nezinto eziphantsi komhlaba,

kunye ngentla nangaphantsi: zonke izinto zinika ubungqina ngam.

64 Kwaye kwenzekile, xa iNkosi yathethayo noAdam, ubawo we-thu, okokuba uAdam wakhala eNkosini, kwaye waxwilwa “ngu-Moya weNkosi, kwaye wathwalewa phantsi emanzini, kwaye ke wabekwa phantsi <sup>b</sup>kwamanzi, wabe wakhutshelwa ngaphandle kwamanzi.

65 Kwaye njalo waba ubhaptiziwe, noMoya kaThixo wehlela phezu kwakhe, njalo waba “uze-lwe ngokoMoya, waza waba no-kudliswa ubomi <sup>b</sup>emntwini bo-nangaphakathi.

66 Kwaye weva ilizwi liphuma emazulwini, lisithi: Wena “ubhaptizwe ngomlilo, nangoMoya oyi-Ngcwele. Obu <sup>b</sup>bubungqina bo-Yise, noNyana, ukususela ngoku nangonaphakade;

67 Kwaye wena emva “kohlobo lwakhe lowo ungenaso isiqalo semihla okanye isiphelo seminyaka, ukusuka kuwo onke amaphakade kuye kuwo onke amaphakade.

68 Qaphela, wena “umnye nam, unyana kaThixo; nangokunjalo bonke banokuba <sup>b</sup>ngoonyana bam. Amen.

59e 2 Nif. 4:15–16;

Alma 32:28.

f Yoh. 6:68.

g 1<sup>a</sup>Z Buqaqawuli beselestiyali.

60a Moro. 8:25.

b 1<sup>a</sup>Z Gweba, Kugwetywa.

c 1<sup>a</sup>Z Gazi.

d 1<sup>a</sup>Z Ngcwalo.

61a 1<sup>a</sup>Z Moya oyiNgcwele.

62a 1<sup>a</sup>Z Cebo lenkululeko.

b 1<sup>a</sup>Z Kuphela koZelweyo.

63a Alma 30:44; I&M 88:45–47.

64a 1<sup>a</sup>Z Moya oyiNgcwele.

b 1<sup>a</sup>Z Bhaptiza, Bhaptizo.

65a 1<sup>a</sup>Z Kuzalwa kwakhona, Kuzalwa nguThixo.

b Moz. 27:25; Alma 5:12–15.

66a I&M 19:31.

1<sup>a</sup>Z Sipho soMoya oyiNgcwele.

b 2 Nif. 31:17–18; 3 Nif. 28:11.

67a 1<sup>a</sup>Z Bubingelei bukaMelkitsedeke.

68a I Yoh. 3:1–3; I&M 35:2.

b Yoh. 1:12; I&M 34:3. 1<sup>a</sup>Z Oonyana neentombi zikaThixo.

**ISAHLUKO 7**  
(Disemba 1830)

*UEnoki ufundisa, ukhokela abantu, aze ashukumise iintaba—Isixeko se-Ziyon siyamiswa—UEnoki ubona kwangaphambili ukuzo koNyana woMntu, idini lentlawulelo Lakhe, novuko lwabangcwele—Ubona kwanaphambili ubuyiselo, ukuhlanganiswa, ukuBuya kweSibini, nokubuyiswa kweZiyon.*

KWYE kwenzekile okokuba uEnoki waqhubeka nentetho yakhe, esithi: Qaphelani, ubawo wethu uAdam wafundisa ezi zinto, kwaye abaninzi bakholwa baza baba “ngonyana bakaThixo, kwaye abaninzi abakholwanga, baza batshabalalela ezonweni zabo, kwaye bejunge phambili <sup>b</sup>ngoloyiko, kwintuthumbo, kuba ingqumbo etshisayo yomsindo kaThixo ithuluelwe phezu kwabo.

2 Kwaye ukusuka kweloo xesha ukuya phambili uEnoki waqaliswa ukuprofetha, esithi ebantwini, okokuba: Njengoko ndandihambahamba, ndaye ndema phezu kwendawo iMahujah, ndaze ndakhala eNkosini, kweza ilizwi liphuma ezulwini, lisithi—Jika wena, uze uye phezu kwentaba iSimon.

3 Kwaye kwenzekile okokuba ndajika kwaye ndenyuka entaben; kwaye njengoko ndema phezu kwentaba, ndabona amazulu evuleka, ndaye ndanxietyiswa “ngobuqaqawuli;

4 Kwaye ndabona iNkosi; kwaye ke yema phambi kobuso bam, yaye yathetha nam, nkqu njengomtu ethetha omnye nomnye, “ubuso ngobuso; kwaye yathi kum: <sup>b</sup>Khangela, ndaye ndiya kubonisa ihlabathi isithuba sezizukulwana ezininzi.

5 Kwaye kwenzekile okokuba ndabona intlambo yeShum, kwaye ndabona, abantu abakhulu ababehlala ezintenteni, eyayingabantu baseShum.

6 Kwaye kwakhona iNkosi yathi kum: Khangela; ndaye ndajonga ngasentla, kwaye ke ndabona abantu baseKanan, ababehlala ezintenteni.

7 Kwaye iNkosi yathi kum: Profetha; ndaye ndaprofetha, ndisithi: Qaphelani abantu baseKanan, abaninzi, bayu kuya ngaphambili bekuluhlu lwemfazwe ngokuchasene nabantu baseShum, kwaye bayu kubabulala ukuze babe bayu kubatshabala-lisa ngokupheleleyo; nabantu baseKanan bayu kuzahlula elizweni, nelizwe liya kuba ngumqwebedu lize lingavelisi zi-qhamo, kwaye akukho abanye abantu abaya kuhlala apho ngaphandle kwabantu baseKanan;

8 Kuba qaphelani, iNkosi iya kuliqalekisa ilizwe ngobushushu obugqithisileyo, nobumqwebedu balo buya kuya phambili ngonaphakade; kwaye ke kwabakho “ubumnyama obeza phezu kwa-

7 1a 1xZ Oonyana  
neentombi zikaThixo.  
*b* Alma 40:11-14.

3a 1xZ Kwenziwa kuMila  
Kumbi.  
4a Gen. 32:30; Dut. 5:4;

Moses 1:2, 11, 31.  
*b* Moses 1:4.  
8a 2 Nif. 26:33.

bo bonke abantwana baseKanan, ukuze babe nokucekiseka phakathi kwabo bonke abantu.

9 Kwaye kwenzekile okokuBa iNkosi yathi kum: Khangela; ndaye ndajonga, kwaye ndabona ilizwe laseSharon, nelizwe likaEnoki, nelizwe likaOmna, nelizwe likaHeni, nelizwe likaShem nelizwe likaHaneri, nelizwe likaHananiha, nabo bonke abemi bawo;

10 Kwaye iNkosi yathi kum: Yiya kwaba bantu, uze uthi kuBo—“Guqukani, hlezé ndiphume ndize ndibabethe ngesiqalekiso, baze bafe.

11 Kwaye wandinika umyalelo okokuba ndiya “kubhaptiza ega-menI loYise, neloNyana, elizele <sup>b</sup>lubabalo nenyano, <sup>c</sup>neloMoya oyiNgcwele, onika ubungqina boYise noNyana.

12 Kwaye kwenzekile okokuba uEnoki waqhubeka ebiza bonke abantu, ukuba baguquke, ngaphandle kwabo babengabantu baseKanan;

13 Kwaye ke lwaba lukhulu njalo “ukholo lukaEnoki kuba wakhokela abantu bakaThixo, neentshaba zabo zeza kulwa ngo-kuchasene nabo; kwaye watetha ilizwi leNkosi, nomhlaba wangcangaçazela, <sup>b</sup>neentaba zasaba, na-ngokomyalelo wakhe; <sup>c</sup>nemilambo yamanzi yajika yaphuma

endleleni yawo; nomgqumo ween-gonyama waviwa uphuma entlango; nezizwe zonke zoyika kak-hulu, laba “namandla ngokunjalo ilizwi likaEnoki, namandla olwi-mi amakhulu kangako uThixo awayemnike wona.

14 Kanjalo apho kwenyuka ilizwe liphuma enzulwini yowlandle, kwaye lwaba lukhulu kangako uloyiko lweetshaba za-bantu bakaThixo, kuba basaba kwaye bema kude kwaye baya elizweni elanyukayo liphuma enzu-lwini yowlandle.

15 Kwaye “izigebenga zelizwe, kanjalo, zema kude; nalapho kweza ngaphambili isiqalekiso phezu kwabo bonke abantu abalwa ngo-kuchasene noThixo;

16 Kwaye ukususela ngeloo xesha ukuya phambili kwabakho iimfazwe nempalalo-gazi phakathi kwabo; kodwa iNkosi yeza yaze yahlala nabantu bayo, baza bahlala ebulungiseni.

17 <sup>a</sup>Uloyiko lweNkosi lwaluphe-zu kwazo zonke izizwe, lwaba lukhulu njalo uzuko lweNkosi olwaluphezu kwabantu bayo. Kwaye iNkosi <sup>b</sup>yalisikelela ilizwe, kwaye besikelelekile ke phezu kweenta-ba, naphezu kweendawo eziphe-zulu, baze ke bachuma.

18 Kwaye iNkosi yathi abantu bayo <sup>a</sup>YIZIYON, ngenxa yokuba <sup>b</sup>babenentliziyo enye nengqondo

10a Moses 6:57.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Guquka, Inguquko.

11a I<sub>KZ</sub> Bhaptiza, Bhaptizo.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Babalo.

<sup>c</sup> I<sub>KZ</sub> Moya oyiNgcwele.

13a I<sub>KZ</sub> Kholo.

b Mat. 17:20.

c Moses 6:34.

d I<sub>KZ</sub> Bubingelei;

Mandla.

15a Gen. 6:4;

Moses 8:18.

17a Eks. 23:27.

<sup>b</sup> I<sub>Iz</sub> Kr. 28:7–8;

1 Nif. 17:35.

18a I<sub>KZ</sub> Ziyon.

<sup>b</sup> Izenzo 4:32; Fil. 2:1–4.

I<sub>KZ</sub> Manzano.

enye, baye bahlala ebulungiseni; kwaza akwabakho mahlwempu phakathi kwabo.

19 Kwaye uEnoki waqhube ka eshumayela ebulungiseni kubo abantu bakaThixo. Kwaye kwenzekile kwimihla yakhe, okoku ba wakha isixeko esabizwa iSixeko sobuNgcwele, nkqu iZIYON.

20 Kwaye kwenzekile okoku ba uEnoki wathetha kunye ne-Nkosi; kwaye ke wathi eNkosini: Ngokwenene "iZiyon iya kuhlala elukhuselekweni ngonaphakade. Kodwa iNkosi yathi kuEnoki: IZiyon ndiyiskelele, kodwa intsalela yabantu ndiyiqalekisile.

21 Kwaye kwenzekile okokuba iNkosi yabonisa uEnoki bonke abemi bomhlaba; kwaye waqaphela, kwaye wabona, iZiyon, ekuhambeni kwexesha, "yathatya-thelwa phezulu ezulwini. Kwaye iNkosi yathi kuEnoki: Qaphela indawo yam yokuhlala ngonaphakade.

22 Kananjalo uEnoki wabona intsalela yabantu eyayingoonyana baka-Adam; kwaye babengumxube wembewu ka-Adam ngaphandle kwembewu kaKayin, kuba imbewu kaKayin "yayimnyama, kwaye yayingenandawo phakathi kwabo.

23 Kwaye emva kokuba iZiyon yathatyaathelwa "phezulu, ezulwini, uEnoki <sup>b</sup>waqaphela, kwaye

wabona, "zonke izizwe zomhlaba zaziphambi kwakhe;

24 Kwaye apho kweza isizukulwana phezu kwesizukulwana; kwaye uEnoki wayephezulu kwaye "ephakanyisiwe, nkqu esifubeni soYise, nesoNyana woMntu; waza waqaphela, amandla kaSathanha awayephezu kwabo bonke ubuso bomhlaba.

25 Kwaye wabona iingelosi zisehla ziphuma emazulwini; kwaye weva ilizwi elikhulu lisithi: Yeha, yeha kubo abemi bomhlaba.

26 Kwaye wabona uSathanha; waye "enetyathanga elikhulu esandleni sakhe, kwaye laligubungele bonke ubuso bomhlaba <sup>b</sup>ngobumnyama; kwaye wajonga phezulu waza wahleka, "neengelosi zakhe zivuya.

27 Kwaye uEnoki wabona "iingelosi zisehla ziphuma emazulwini, zinika <sup>b</sup>ubungqina boYise noNyana; noMoya oyiNgcwele wehla kwabaninzi, kwaye baxwilewa eZiyon ngamandla asezulwini.

28 Kwaye kwenzekile okokuba uThixo wamazulu wajonga phezu kwentsalela yabantu, kwaye ke walila; waze ke uEnoki wanika ubungqina boko, esithi: Kwenze ka njani ukuba amazulu alile, abe achithela ngaphambili iinyembezi zawo njengemvula phezu kweentaba?

29 Kwaye uEnoki wathi eNkosi-

20a Moses 7:62–63.

<sup>1</sup>KZ Yerusalem  
eNtsha.

21a Moses 7:69.

22a 2 Nif. 26:33.

23a 1KZ Zulu.

<sup>b</sup> 1KZ Mbono.

<sup>c</sup> 1&M 88:47;  
Moses 1:27–29.

24a II Kor. 12:1–4.

26a Alma 12:10–11.

<sup>b</sup> Isaya 60:1–2.

<sup>c</sup> Yuda 1:6;  
1&M 29:36–37.

27a 1KZ Lingelosi.

<sup>b</sup> 1KZ Ngqina/Bungqina.

ni: Kwenzeka njani ukuba wena ungenako “ukulila, ndibona ukuba wena uncwele, yaye ususela kuwo onke amaphakade kuye kuwo onke amaphakade?

30 Kwaye kunokwenzeka na ukuba umuntu abenako ukubala amasuntswana omhlaba, ewe, izigidi “zemihlabo ezinje ngale, ibingayi kuba sisipalo eqeleni <sup>b</sup>lendalo yakho; kwaye izigqumathelo zakho zisanabele ngaphandle; kwaye wena uselapho, nesifuba sakho silapho; kananjalo wena ulilungisa; wena unenceba nokulunga ngonaphakade;

31 Kwaye iZiyon uyithabathele esifubeni esisesakho, kuyo yonke indalo yakho, ukususela kuwo onke amaphakade kuye kuwo onke amaphakade; kwaye kungekho nto kodwa <sup>a</sup>iluxolo, <sup>b</sup>ubulu-nqisa, kwaye <sup>c</sup>inyaniso ingummi wetrone; kwaye uxolo luya kuya phambi kobuso bakho ize ingabi nasiphelo; kwenzeka njani ukuba wena ungenako ukulila?

32 INKosi yathi kuEnoki: Qaphela aba ngabazalwana bakho; bangumsebenzi “wezandla ezi-zam, kwaye ndabanika <sup>b</sup>ulwazi lwabo, ngawo umhla endabada-layo; kwaye eMyezweni we-Eden, ndamnika igunya lakhe <sup>c</sup>lokuzikhethela;

33 Kwaye ke kuba abazalwana

bakho ndithe, kananjalo ndinike umyalelo, ukuba bayo “kuthandana, nokokuba bayo kukhetha mna, uYise wabo; kodwa qaphela, abanabubele, kwaye balithiyile igazi elilelabo;

34 Kwaye “umlilo womsindo wam uyavutha ngokuchasene nabo; kwaye ekungakhollisekeni kwam okushushu ndiya kuthumela <sup>b</sup>unogumbe phezu kwabo, kuba umsindo wam owoyikekyo uyavutha ngokuchasene nabo.

35 Qaphela, ndinguThixo; <sup>a</sup>iNdoda yobuNgcwele ligama lam; iNdoda yeCebiso ligama lam; noNgenasiphelo naNgonaphakade kanjalo, <sup>b</sup>ligama lam.

36 Ngako oko, ndinako uko-lulela ngaphambili izandla zam ndize ndiphathethe yonke indalo endiyenzileyo; <sup>a</sup>neliso lam linako ukubagqobhoza kanjalo, naphakathi kwawo wonke umsebenzi wezandla zam akuzange kubekho enkuIu kangako <sup>b</sup>inkohlakalo njengaphakathi kwabazalwana bakho.

37 Kodwa qaphela, izono zabo ziya kuba phezu kweentloko zooyise; uSathana uya kuba nguyise wabo, nenkwaleko iya kuba ngumgwebo wabo; namazulu onke aya kulila phezu kwabo, nkqu wonke umsebenzi wezandla zam; ngako oko awayi kulila na

29<sup>a</sup> Isaya 63:7–10.

30<sup>a</sup> I&M 76:24; Moses 1:33.

<sup>b</sup> 1<sup>c</sup>Z Dala, Ndalo.

31<sup>a</sup> 1<sup>c</sup>Z Xolo.

<sup>b</sup> 1<sup>c</sup>Z Bulungisa,  
Lungileyo.

<sup>c</sup> 1<sup>c</sup>Z Nyaniro.

32<sup>a</sup> Moses 1:4.

<sup>b</sup> 1<sup>c</sup>Z Lwazi.

32<sup>c</sup> 1<sup>c</sup>Z Kuzikhethela.

33<sup>a</sup> 1<sup>c</sup>Z Thando.

34<sup>a</sup> Isaya 30:27;

Nahum 1:6;

I&M 35:14.

<sup>b</sup> Gen. 7:4, 10;

Moses 8:17, 24.

1<sup>c</sup>Z Nogumbe ngexe-sha likaNowa.

35<sup>a</sup> Moses 6:57.

<sup>b</sup> Moses 1:3.

36<sup>a</sup> I&M 38:2; 88:41;

Moses 1:35–37.

<sup>b</sup> Gen. 6:5–6;

Moses 8:22, 28–30.

amazulu, ebona aba abaya kubulaleka?

38 Kodwa qaphela, aba amehlo akho aphezu kwabo baya kutshabalala kunogumbe; kwaye qaphela, ndiya kubavalela; ndibalungi-selela “intolongo.

39 Kwaye “lowo endimkhethileyo ucenge phambi kobuso bam. Ngako oko, ubulalekele izono zabo; njengokuba beya kuguiska ngomhla <sup>b</sup>endiBakhethileyo bam abaya kubuyela kum, kwaye ke kude kube nguloo mhla baya kuba ‘kwintuthumbo;

40 Ngako oko, ngoku amazulu aya kulila, ewe, nawo wonke umsebenzi wezandla zam.

41 Kwaye kwenzekile ukuba iNkosi yathetha kuEnoki, kwaye yaxelela uEnoki zonke izenzo zabantwana babantu; ngako oko uEnoki wazi, waye wajonga phezu kwenkohlakalo yabo, nenkxwaleko yabo, kwaye walila waye olulele ngaphambili iingalo zakhe, kwaye “intliziyo yakhe yakhukhumala ngokubanzi njengephakade; nezibilini zakhe zalangazeleta; nawo onke amaphakade ashukuma.

42 Kwaye uEnoki kanjalo wabona “uNowa, <sup>b</sup>nosapho lwakhe; nokokuba izizukulwana zabo bonke oonyana bakaNowa ziya ku-sindiswa ngosindiso lwexeshana;

43 Ngako oko uEnoki wabona

okokuba uNowa wakha “umkhambe; nokokuba iNkosi yancuma phezu kwavo, kwaye yawuphatha esandleni esisesayo; kanti ke phezu kwentsalela yabakhohla-keleyo kweza unogumbe waza wabaginya.

44 Nanjengokuba uEnoki wabona oku, waba nobukrakra bomphefumlo, kwaye ke walila ngabazalwana bakhe, kwaye wathi kuwo amazulu: Ndiya “kwala ukuthuthuzeleka; kodwa yathi iNkosi kuEnoki: Phakamisela phezulu intliziyo yakho, uze uvu-ye; uze ujunge.

45 Kwaye kwenzekile okokuba uEnoki wajonga; yaye ke ukususela kuNowa, wabona zonke iintsapho zomhlaba, yaye ke wa-khala eNkosini, esithi: Iya kufika nini imini yeNkosi? Xa igazi la-Malungisa liya kuphalala, ukuze bonke abo balilayo babe “nokungcwaliswa baze babe nobomi obungunaphakade?

46 Kwaye iNkosi yathi: Kuya kuba njalo ngexesha “lobunga-ngamsha, ngemihla yenkohlakalo nempindezelo.

47 Kwaye qaphela, uEnoki wabona umhla wokuza koNyana woMntu, nkqu esenyameni; kwaye umphefumlo wakhe wagcoba, esithi: Amalungisa anyuselwe phezulu, “neMvana ibulewe ukususela kwisiseko sehlabathi;

38a I Petr. 3:18–20.

I κΖ Sihogo.

39a UMZ. uMsindisi.

b Moses 4:2; Abr. 3:27.

I κΖ Yesu Krestu.

c I κΖ Mgwebo.

41a Moz. 28:3.

I κΖ Mfesane.

42a I κΖ Nowa, solusapho

waseBhayibhileni.

b Moses 8:12.

43a Gen. 6:14–16;

Etere 6:7.

44a IiNd. 77:2;

Etere 15:3.

45a I κΖ Ngcwaliso.

46a Moses 5:57.

47a I κΖ Mvana kaThixo.

kwaye ngokholo ndisesifubeni si-kaBawo, kwaye qaphela, <sup>b</sup>iZiyon ikunye nam.

48 Kwaye kwenzekile okokuba uEnoki wajonga phezu “komhlaba; kwaye weva ilizwi livela ezi-bilinini zaho, lisithi: Yeha, yeha ndim, unina wabantu; ndihlungisiwe, ndidiniwe, ngenxa yenko-hlakalo yabantwana bam. Ndiya <sup>b</sup>kuphumla nini, ndize ndicocwe <sup>c</sup>kubunyhuku-nyhuku obuhambale phambili buphuma kum? UMdali wam uya kundingcwalisa nini, ukuze ndibe nokuphumla, buze ubulungisa okwexesha bu-hlale phezu kobuso bam?

49 Waza xa uEnoki weva umhlabu uzilile, walila, kwaye wakhala eNkosini, esithi: Owu Nkosi, awunayo na imfesane ngomhlaba? Akusayi kubasikelela na abantwana bakaNowa?

50 Kwaye kwenzekile okokuba uEnoki waqhubekeskisa isikhalo sakhe eNkosini, esithi: Ndicela wena, Owu Nkosi, egameni lowakho oKuphela koZelweyo, nkqu uYesu Krestu, okokuba ube uya kuba nenceba phezu koNowa nembewu yakhe, ukuze umhlabu ube awunakuze kwakhona ugqu-nyelelwu ngunogumbe.

51 Kwaye iNkosi ayizange ibenako ukuzibamba; kwaye yanqophisana kunye noEnoki, kwaye

yafunga kuye ngesifungo, okokuba iya kumphelisa “unogumbe; kuba iya kubiza abantwana bakaNowa;

52 Kwaye yathumela phambili ummiselo ongenakuguqulwa, okokuba “intsalela yembewu yakhe iya kufunyanwa rhoqo phakathi kwazo zonke izizwe, kangangokuba umhlabu uya kuma;

53 Kwaye iNkosi yathi: Usikelelekile lowo ngembewu yakhe uMesiya aya kuza; kuba ithi—“ndinguMesiya, <sup>b</sup>uKumkani weZiyon, <sup>c</sup>Liwa leZulu, obanzi njengephakade; lowo ungena ngesango aze “anyuke ngam akasayi kuwa; ngako oko, basikelelekile abo ndithethe ngabo, kuba baya kuza ngaphambili <sup>c</sup>ngeengoma zokugcoba kwanaphakade.

54 Kwaye kwenzekile okokuba uEnoki wakhala eNkosini, esithi: Xa uNyana woMntu esiza esenyameni, umhlabu uya kuphumla na? Ndiyakuthandaza, ndibonise ezi zinto.

55 Kwaye iNkosi yathi kuEnoki: Khangelu, kwaye wakhangelu kwaye wabona “uNyana woMntu enyuselwe <sup>b</sup>emnqamlezweni, ngo-kohlobo lwabantu;

56 Kwaye weva ilizwi elikhulu; namazulu ayegutuyngelwe; nendalo yonke kaThixo yazila; nomhlabu “wagcuma; namatyе

<sup>47b</sup> Moses 7:21.

<sup>48a</sup> I<sub>KZ</sub> Mhlaba—

Ukucocwa komhlaba.

<sup>b</sup> Moses 7:54, 58, 64.

<sup>c</sup> I<sub>KZ</sub> Bunyhuku-nyhuku, Nyhuku-nyhuku.

<sup>51a</sup> IiNd. 104:6–9.

<sup>52a</sup> Moses 8:2.

<sup>53a</sup> I<sub>KZ</sub> Mesiya.

<sup>b</sup> Mat. 2:2; 2 Nif. 10:14;

Alma 5:50; I&M 128:22.

<sup>c</sup> IiNd. 71:3; 78:35;

Hil. 5:12.

I<sub>KZ</sub> Lwalwa/Liwa.

<sup>d</sup> 2 Nif. 31:19–20.

<sup>e</sup> I<sub>KZ</sub> Mculo.

<sup>55a</sup> I<sub>KZ</sub> Nyana woMntu.

<sup>b</sup> 3 Nif. 27:14.

I<sub>KZ</sub> Kubethelwelwa

emnqamlezweni.

<sup>56a</sup> Mat. 27:45, 50–51.

ayeqhekekile; nabangcwеле <sup>b</sup>ba-vuka, kwaye <sup>c</sup>babethweswe <sup>d</sup>eku-nene koNyana woMntu, ngezi-thsaba zozuko;

57 Kwaye njengabaninzi <sup>e</sup>boo-moya <sup>f</sup>ababesentolongweni beza ngaphambili, kwaye bema eku-nene kukaThixo; nentsalela ya-yigcinwe emakhamandeleni obu-mnyama kude kube ngumgwebo womhla omkhulu.

58 Kwaye kwakhona uEnoki wa-lila kwaye wakhala eNkosini, esithi: Uya kuphumla nini umhlaba?

59 Kwaye uEnoki wabona uNyana woMntu enyukela phezulu kuBawo; kwaye wabiza eNkosini, esithi: Akusayi kuza na kwakhona phezu komhlaba? Ngenxa yokuba wena unguThixo, ndaye ndikwazi wena, kwaye wena wafunga kum, kwaye wandiyalela ukuba ndiya kucela egameni lowakho oKuphe-la koZelweyo; wena undenzile, waza wandinika ilungelo etroneni yakho, kwaye ingekokwam, kodwa ngobabalo olulolwakho; ngako oko, ndiyakubuza ukuba akuyi kuza na kwakhona emhlabeni.

60 Kwaye iNkosi yathi kuEnoki: Njengoko ndiphila, nkqu kunjalo ndiya kuza <sup>g</sup>kwimihla yokugqibela, ngemihla yenkohla-kalo nempindezelو, ukuzaliseki-sa isifungo endandisenze kuwe

ngokunxulumene nabantwana bakaNowa;

61 Kwaye umhla uya kuza oya-kuthi umhlaba "uphumle ngawo, kodwa phambi kwaloo mhla amazulu aya kwenziwa <sup>h</sup>mnyama, <sup>i</sup>nesiqqumathelo sobumnyama siya kuwugubungela umhlaba; kwaye amazulu aya kunyikima, nomhlaba kanjalo; neenkwaleko ezinkulu ziya kuba phakathi kwa-bantwana babantu, kodwa abantu bam ndiya <sup>j</sup>kabalondoloza;

62 Kwaye ndiya kuthume-la ezantsi <sup>k</sup>ubulungisa buphu-ma ezulwini; <sup>l</sup>nenyano ndiya kuyithumela phambil iphuma <sup>m</sup>emhlabeni, ukunika <sup>n</sup>ubungqi-na bowam oKuphela koZelwe-vo; <sup>o</sup>uvuko lwakhe kwabafleyo; ewe, novuko lwabo bonke aba-nitu kanjalo; kwaye ndiya kwenza ubulungisa nenyano zitshayele umhlaba njengokungathi kungo-nogumbe, <sup>p</sup>ndihlanganisela aba-nyulwa bam kuzo zone iimbo-mbo zomhlaba, kwindawo endiya kubalungiselela yona, iSixeko esiNgcwele, ukuze abantu bam babe nokubhinqa izinqe zabo, baze bajonge phambil ixesha lokuza kwam; kuba uya kubalapho umnquba wam, kwaye uya ku-bizwa ngokuba yiZiyon, <sup>q</sup>iYeru-salem eNtsha.

56b 1кZ Vuko.

c 1кZ Kuphakanyiswa;  
Sithsaba.

d Mat. 25:34.

57a 1кZ Moya.

b I&M 76:71–74; 88:99.

60a 1кZ Mihla  
yokuGqibela.

61a 1кZ Mhlaba—Isimo

sokugqibela somhlaba.

b I&M 38:11–12; 112:23.  
c 1кZ Khuselo.

d 1 Nif. 22:15–22;

2 Nif. 30:10.

62a IinD. 85:11.

1кZ Buyiselo

lweVangeli.

b 1кZ Ncwadi

kaMormoni.

c Isaya 29:4.  
d 1кZ Ngqina/Bungqina.

e 1кZ Vuko.

f 1кZ Sirayeli—  
Ukuhlanganiswa  
kukaSirayeli.

g 1кZ Yerusalem eNtsha.

63 Kwaye iNkosi yathi kuEnoki: Ngoko wena “nesixeko sakho sonke niya kuhlangana nabo apho, kwaye siya kubamkelela ezifube-ni zethu, kwaye baya kusibona; kwaye siya kuwela phezu kweentamo zabo, kwaye baya kuwela phezu kweentamo zethu, kwaye siya kwangana;

64 Kwaye iya kuba lapho indawo yam yokuhlala, kwaye iya kuba yiZiyon, eya kuza phambili iphuma kuyo yonke indalo endiyenzileyo; kwaye kangangesithuba “seminyaka eliwaka umhlaba uya <sup>b</sup>kuphumla.

65 Kwaye kwenzekile okokuba uEnoki wabona umhla “wokuza koNyana woMntu, ngemihla yokugqibela, ezokuhlala emhlabeni ebulungiseni isithuba seminyaka eliwaka;

66 Kodwa phambi kwaloo mhla wabona iinkxwaleko ezinkulu phakathi kwabakhohlakeleyo; kananjalo wabona ulwandle, olwalingaxolanga, neentliziyu zabantu ziya “koyika, zijonge phambili ngoloyiko <sup>b</sup>imigwebo kaThixo uSomandla, eziya kuza phezu kwabakhohlakeleyo.

67 Kwaye iNkosi yabonisa uEnoki zonke izinto, nkqu ukuya kwisiphelo sehlabathi; kwaye wabona umhla wamalungisa, ilixa lenkululeko yabo, kwaye bafumana “uvuyo olupheleleyo;

68 Kwaye imihla yonke “yeZiyon, ngemihla kaEnoki, yayingamakhulu amathathu anamashumi amathandathu anesihlanu.

69 Kwaye uEnoki nabantu bakhe bonke “bahamba noThixo, kwaye wahlala phakathi kweZiyon; kwaye kwenzekile okokuba iZiyon yathi shwaka, kuba uThixo wayamkelela phezulu esifube-ni esisesakhe; kwaye ukususela ngoko kuye phambili kwathiwa, iZIYON YABALEKA.

### ISAHLUKO 8 (Februwari 1831)

*UMethusela uyaprofetha—UNowa noonyana bakhe bashumayela ivangeli—Inkohlakalo enkulu iyoyisa—Ubizelu enguqukweni alunyamekelwa—UThixo umisela ukutshatyalaliswa kwayo yonke inyama ngoNogumbe.*

KWAYE imihla iyonke kaEnoki yaba ngamakhulu amane anamashumi amathathu eminyaka.

2 Kwaye kwenzekile okokuba “uMethusela, unyana kaEnoki, wayengathatyathwanga, ukuze iminqophiso yeNkosi ibe nokuzalisekiswa, eyayiyenze kuEnoki; kuba yanqophisana ngenene noEnoki okokuba uNowa abe ngowesiqhamo sesinqe sakhe.

3 Kwaye kwenzekile okokuba uMethusela waprofetha okokuba esinqeni sakhe kuya kuvela zonke

63a Isiyh. 21:9–11;  
I&M 45:11–12;  
Moses 7:19–21.

64a I<sup>c</sup>Z Mileniyam.  
<sup>b</sup> Moses 7:48.

65a Yuda 1:14.

I<sup>c</sup>Z KuBuya kwasibini  
kukaYesu Krestu.

66a Isaya 13:6–7.  
<sup>b</sup> I<sup>c</sup>Z Mgwebo,  
wokuGqibela.  
67a I<sup>c</sup>Z Gcoba.

68a Gen. 5:23; Moses 8:1.

69a Gen. 5:24;  
Moses 6:34.  
I<sup>c</sup>Z Hamba, Hamba  
noThixo.  
8 2a I<sup>c</sup>Z Methusela.

izikumkani zomhlaba (ngoNowa), kwaye wathabathela uzuko kuyo.

4 Kwaye kweza ngaphambili indlala enkulu elizweni, kwaye iNkosi yaqalekisa umhlaba ngesiqalekiso esibuhlungu, kwaye abemi bawo abaninzi bafa.

5 Kwaye kwenzekile okokuba uMethusela wahlala iminyaka elikhulu elinamashumi asixhenxe, waza wazala uLameki.

6 Kwaye uMethusela wahlala, emva kokuba ezele uLameki, iminyaka engamakhulu asixhenxe anamashumi asibhozo anesibini, kwaye wazala oonyana neentombi;

7 Kwaye imihla iyonke kaMethusela yaba ngamakhulu alithoba anamashumi amathandathu anethoba eminyaka, waza ke wafa.

8 Kwaye uLameki wahlala ikhulu elinamashumi asibhozo anesibini eminyaka, waza wazala unyana.

9 Kwaye wathi igama lakhe "nguNowa, esithi: Lo nyana uya kusithuthuzela ngokunxulumene nomsebenzi wethu ube ngumsebenzi wezandla zethu, ngenxa yomhlaba iNkosi <sup>b</sup>ewuqalekisileyo.

10 Kwaye uLameki wahlala, emva kokuba ezele uNowa, iminyaka engamakhulu amahlanu anamashumi alithoba anesihlanu, kwaye wazala oonyana neentombi;

11 Kwaye imihla iyonke kaLameki yaba ngamakhulu asixhenxe anamashumi asixhenxe anesixhenxe eminyaka, waza ke wafa.

12 Kwaye uNowa wayeneminyaka engamakhulu amane anamashumi amahlanu ubudala, waza "wazala uYafete; kwaye emva kweminyaka engamashumi amane anesibini wazala <sup>b</sup>uShem kuye awayengunina kaYafete, kwaye xa wayeneminyaka engamakhulu amahlanu ubudala wazala <sup>c</sup>uHam.

13 Kwaye "uNowa noonyana bakhe <sup>b</sup>bayiphulaphula iNkosi, baza banika inyameko, kwaye babebezwu ukuba <sup>c</sup>ngonyana bakaThixo.

14 Kwaye xa aba bantu bandayo ebusweni bomhlaba, kwaye neentombi zazalwa ngabo, "oonyana babantu babona ezoo ntombi ukuba zazintle, baye bazithatha bazeenza abafazi, nkqu njengoko befuna.

15 Kwaye iNkosi yathi kuNowa: Iintombi zoonyana bakho "zizithengisile; qaphela kuba umsindo wam uyavutha ngokuchasene noonyana babantu, kuba bengayi kuphulaphula ilizwi lam.

16 Kwaye kwenzekile okokuba uNowa waprofetha, kwaye wafundisa izinto zikaThixo, nkqu njengoko kwakunjalo ekuqalekeni.

17 Kwaye iNkosi yathi kuNowa:

9a <sup>c</sup>I&Z Nowa, solusapho waseBhayibhileni.

<sup>b</sup> Moses 4:23.

12a Gen. 5:32.

<sup>c</sup>I&Z Yafete.

<sup>b</sup>I&Z Shem.

<sup>c</sup>I&Z Ham.

13a I&M 138:41.

<sup>c</sup>I&Z Gabriyeli.

<sup>b</sup>I&Z Ntobeko, Thobekileyo, Thobela.

<sup>c</sup>I&Z Oonyana

neentombi zikaThixo.

14a Moses 5:52.

15a <sup>c</sup>I&Z Mtshato, Tshata—Umtshato phakathi kweenkolo ezimbini.

UMoya wam awuyi kusoloko “usebenza nomntu, kuba iya kwa-zi ukuba yonke <sup>b</sup>inyama iya kufa; kanti ke imihla yakhe iya kuba likhulu elinamashumi amabini eminyaka; kwaye ukuba abantu abaguuki, ndiya kubathumela ‘unogumbe phezu kwabo.

18 Kwaye ngaloo mihla kwaku-kho “izigebenga emhlabeni, kwaye zazifuna ukuthabatha ubomi bukaNowa; kodwa iNkosi yayikunye noNowa, <sup>b</sup>namandla eNkosi ayephezu kwakhe.

19 Kwaye iNkosi “yammisela <sup>b</sup>uNowa ‘ngokohlobo olulolwayo, kwaye yamyalela ukuba uya kuya phambili aze <sup>a</sup>abhengeze iVangeli yayo ebantwaneni babantu, nkqu njengoko yayinikwe uEnoki.

20 Kwaye kwenzekile okokuba uNowa wabiza abantwana babantu ukuba “mabaguuke; kodwa abazange bawaphulaphule amazwi akhe;

21 Kananjalo, emva kokuba bemvile, beza phezulu phambi kwaye, besithi: Qaphela, singoonyana bakaThixo; asithathelanga na kuthi iintombi zabantu? Kwaye “asidli kwaye asiseli na, kwaye asitshati nokunikela emtshatweni na? Kwaye abafazi bethu

basizalela abantwana, nangokunjalo ebantwini abanamandlakazi, abafana nabantu bakudala, abantu bodumo olukhulu. Kwaye ke abawaphulaphulanga amazwi kaNowa.

22 Kwaye uThixo wabona uku-ba “inkohlakalo yabantu iya ibankulu emhlabeni; kwaye wonke umntu wayephakanyiselwe phezulu kukuyila <sup>b</sup>kweengcinga zentliziyo yakhe, ibububi bodwa imihla yonke.

23 Kwaye kwenzekile ukuba uNowa waqhubeka “ukushumayela kwakhe ebantwini, esithi: Phulaphulani, nize ninike inyameko emazwini am;

24 “Kholwani nize niguuke ezonweni zenu nize <sup>b</sup>nibhaptizwe egameni likaYesu Krestu, uNyanya kaThixo, nkqu njengoobawo bethu, kwaye niya kwamkela uMoya oyiNgcwele, ukuze nibe nokuba nezinto zonke zenziwe ‘zibonakaliswe; kwaye ukuba anikwenzi oku, unogumbe uya kuza phezu kwenu; nangona kunjalo abaphulaphulanga.

25 Kwaye uNowa waba lusizi, nentliziyo yakhe yaba buhlungu kuba iNkosi yamenza umntu emhlabeni, kwaye oku kwamhlungisa entliziyweni.

17a Gen. 6:3; 2 Nif. 26:11;

Etere 2:15; I&M 1:33.

b 2 Nif. 9:4.

I<sub>KZ</sub> Nyama.

c Gen. 7:4, 10;

Moses 7:34.

18a Gen. 6:4; Num. 13:33;

Yosh. 17:15.

b I<sub>KZ</sub> Mandla.

19a I&M 107:52.

I<sub>KZ</sub> Misela, Ummiselo.

b Abr. 1:19.

c I<sub>KZ</sub> Bubingelei  
bukaMelkitsedeke.

d I<sub>KZ</sub> Msebenzi  
wobufundisi.

20a I<sub>KZ</sub> Guquka, Inguquko.

21a Mat. 24:38–39;

JS—Mateyu 1:41.

22a Gen. 6:5;

Moses 7:36–37.

b Moz. 4:30;

Alma 12:14.

I<sub>KZ</sub> Ngcginga.

23a I<sub>KZ</sub> Shumayela.

24a I<sub>KZ</sub> Kholwa, Nkolo.

b I<sub>KZ</sub> Bhaptiza, Bhaptizo—Inkukachacha  
zobhaptizo.

c 2 Nif. 32:2–5.

26 Kwaye iNkosi yathi: Ndiya "kumtshabalalisa umntu endimdalileyo, ebusweni bomhlabu, kunye umntu nesilo, nezinto ezinambuzelayo, neentaka zezulu; kuba kwenze lusizi uNowa ngokuba ndabadalayo, nokukuba ndabenzayo; kwaye ubabizele kum; kuba befune ubomi bakhe.

27 Kwaye njalo uNowa wafumana "ubabalo emehlweni eNkosi; kuba uNowa wayeyindoda elungileyo, nesizukulwana sakhe <sup>b</sup>sasigqibelele; kwaye <sup>c</sup>wahamba kunye noThixo, njengoko benza

kanjalo oonyana bakhe abathathu, uShem, uHam, noYafete.

28 Umhlaba "wawonakele phambni koThixo, kwaye wawuzele lugonyamelo.

29 Kwaye uThixo wajonga phezu komhlaba, kwaye, qaphela, wawonakele, kuba yonke inyama iwonakalisile umendo wayo phezu komhlaba.

30 Kwaye uThixo wathi kuNowa: Isiphelo sayo yonke inyama size phambi kwam, kuba umhlaba uzele lugonyamelo, kwaye qaphela ndiya "kuyitshabalalisa yonke inyama isuke emhlabeni.

26a I<sub>KZ</sub> Mhlaba—Ukuco-cwa komhlaba.

27a I<sub>KZ</sub> Babalo.

b Gen. 6:9.

c I<sub>KZ</sub> Hamba, Hamba noThixo.

28a Gen. 6:11–13.

30a I&M 56:3.

# INCWADI KA-ABRAHAM

IGUQUELWE ISUKA KWIPAPIRASI, NGUJOSEPH SMITH

*Uguqulelo lweeMbali ezithile, zamandulo ezazithe zawela ezandleni zethu zivela kumangcwaba angaphantsi aseYiputa. Imibhalo ka-Abraham ngethuba awayeseYiputa, lwabizwa ngokuba yiNcwadi ka-Abraham, ibhalwe ngesandla esisesakhe, phezu kwepapirasi.*

## ISAHLUKO 1

*UAbraham ufunu iintsikelelo zohlobu lukasolusapho—Uyatshutshiswa ngababingeleli bobuxoki eKaledi—UYehova uyamsindisa—Imvelaphi noburhulumente baseYiputa buyachazwa kwakhona.*

**K**WILIZWE “lamaKaledi, enda-  
weni yokuhlala yoobawo,  
mna, <sup>b</sup>Abraham, ndabona oko-  
kuba kuyimfuneko kum ukufu-  
mana enye indawo ‘yokuhlala;

2 Kwaye, ndifumene ukuba kwa-  
bakho kum “ulonwabo olukhulu  
ngakumbi noxolo <sup>b</sup>nokuphumla,  
ndafuna iintsikelelo zoobawo, ne-  
lungelo endiya kumiselwa kulo  
ekulungiseleleni okufanayo; eku-  
beni isiqu sam ndingumlandeli  
“wobulungisa, kanjalo ndinqwe-  
nela ndibe ngomnye onokuba <sup>d</sup>no-  
bulumko obukhulu, kwaye ndibe  
ngumlandeli omkhulu ngakumbi  
wobulungisa, nokuba nobulu-  
mko obukhulu ngakumbi, kwaye  
ndibe nguyise wezizwe ezininzi,

inkosana yoxolo, kwaye ndinqwe-  
nela ukwamkela imiyalelo, noku-  
gcina imiyalelo kaThixo, ndaba  
yindlalifa yenene, <sup>c</sup>uMbingeleli  
oMkhulu, ophethe flungelo eli-  
leloobawo.

3 “Lanikwa mna livela kooba-  
wo; lize lisehla livela koobawo,  
ukususela ekuqalekeni kwexe-  
sha, ewe, nkqu ekuqalekeni, oka-  
nye phambi kwesiseko somhlaba,  
ukuya ezantsi kwixesha elikhoyo,  
nkqu ilungelo <sup>b</sup>owamazibulo, oka-  
nye umntu wokuqala, <sup>c</sup>onguA-  
dam, okanye ubawo wokuqala,  
ngoobawo ukuza kum.

4 Ndafuna okwam “ukunyulwa  
kuBubingeleli ngokokunyula ku-  
kaThixo kubo oobawo ngokwe-  
mbewu.

5 “Oobawo, bemkile ebulungise-  
ni babo, nakwimiyalelo engcwele  
iNkosi uThixo wabo eyabanika  
yona, baya <sup>b</sup>ekunqulweni kwezi-  
thixo zabahedeni, abavumanga  
ngokupheleleyo ukuphulaphula  
ilizwi lam;

1 <sup>a</sup> I&Z Ure.

<sup>b</sup> I&Z Abraham.

<sup>c</sup> Izenzo 7:2–4.

2 <sup>a</sup> I&Z Gcoba.

<sup>b</sup> I&Z Phumla.

<sup>c</sup> I&Z Bulungisa,  
Lungileyo.

<sup>d</sup> I&M 42:61.

I&Z Lwazi.

<sup>e</sup> I&Z Mbingeleli  
omKhulu.

<sup>f</sup> I&Z Bubingeleli  
bukaMelkitsedeke.

3 <sup>a</sup> I&M 84:14.

<sup>b</sup> I&M 68:17.

I&Z Zibulo.

<sup>c</sup> Moses 1:34.

I&Z Adam.

4 <sup>a</sup> I&Z Malungelo  
ngokuzalwa.

5 <sup>a</sup> Gen. 12:1.

<sup>b</sup> I&Z Nqulo lwezithixo.

# EFANA KANYE EVELA KWINCWADI KA-ABRAHAM

Nomb. 1



## INKCAZO

Umf. 1. INgelosi yeNkosi.

Umf. 2. UAbraham ebothelelwwe phezu kwesibingelelo.

Umf. 3. Ababingeleli abanqula izithixo bakaElikena bezama ukunikela uAbraham njengedini.

Umf. 4. Isibingelelo sedini ngababingeleli abanqula izithixo, bemi phambi kwezithixo zikaElikena, Libhina, Mahamakhra, Korashe, noFaro.

Umf. 5. Isithixo esinqlwayo sikaElikena.

Umf. 6. Isithixo esinqlwayo sikaLbhina.

Umf. 7. Isithixo esinqlwayo sikaMahamakhra.

Umf. 8. Isithixo esinqlwayo sikaKorashe.

Umf. 9. Isithixo esinqlwayo sikaFaro.

Umf. 10. UAbraham eYiputa.

Umf. 11. Ulungiselelwwe ukubonisa iiintsika zezulu, njengoko ziqondwa ngamaYiputa.

Umf. 12. IRawukeyangi, ibonisa umphangalalo, okanye isibhakabhaka phezu kweentloko zethu; kodwa kule meko, ngokunxibebele nesi sihloko, amaYiputa enzele ukubonisa uShawumawu, ibe nokuphakama, okanye amazulu, iphendula igama lesiHebhore, Shawumahim.

6 Kuba iintliziyi zabo zazizi-misele ukwenza ububi, kwaye zaziguqukele ngokupheleleyo “kwisithixo sikaElikena, nesithi-xo sikaLibhina, nesithixo sikaMa-hamakhra, nesithixo sikaKorashe, nesithixo sikaFaro, ukumkani wa-seYiputa;

7 Ke ngoko baguqulele iintliziyi zabo kumadini abahedeni ngo-kunikela abantwana babo kwezi zithixo zizizimumu, kwaye abali-phulaphulanga ilizwi lam, kodwa bazama ukuthabatha ubomi bam ngesandla sombingeleli wase-Eli-kena. Umbingeleli wase-Elike-na kanjalo wayengumbingeleli kaFaro.

8 Ngoku, ngeli xesha yayilisiko lombingeleli kaFaro, ukumka-ni waseYiputa, ukunikela phe-zu kwesibingelelo esasakhiwe elizweni laseKaledi, ukunikela kwaba thixo bangaqhelekanga, amadoda, abafazi, nabantwana.

9 Kwaye kwenzekile ukuba umbingeleli wenza umnikelo kwi-sithixo sikaFaro, kananjalo kwi-sithixo sikaShagrire, nkqu ngo-kohlobo lwamaYiputa. Ngoku isithixo sikaShagrire sasililanga.

10 Nkqu umnikelo wombulelo womntwana umbingeleli kaFaro ebewunikela phezu kwesibingele-lo esasimi ngasendulini ekuthiwa yiNduli kaPotifare, entloko yetha-fa laseOlishem.

11 Ngoku, lo mbingeleli unike-le phezu kwesibingelelo iintombi ezintathu ngexesha elinye,

ezaziziintombi zikaOnita, enye iyeyomombo wobukhosи ngo-kuthe ngqo ukususela kwisinqe “sikaHam. Ezi ntombi zasinikelwe ngenxa yobumsulwa bazo; zazi-ngavumanga <sup>b</sup>ukuqubuda zinqule izithixo zomthi okanye zelitye, ke ngoko zabulawelwa phezu kwe-si sibingelelo, kwaye kwensiwa ngohlobo lwamaYiputa.

12 Kwaye kwenzekile okokuba ababingeleli bandibamba ngo-gonyamelo, ukuze kanjalo babe nokundibulala, njengoko benzayo kwezoo ntombi phezu kwesi sibingelelo; ukuze nibe nolwa-zi lwesi sibingelelo, ndiya kuni-bhekisela kwinkcazel ekuqaleni kwale mbali.

13 Sasenziwe ngokohlobo Iweb-hedi, kanye njengoko sasinjalo phakathi kwamaKaledi, kwaye sasime phambi kwezithixo zikaE-likena, Libhina, Mahamakhra, Korashe, kananjalo isithixo esi-fana neso sikaFaro, ukumkani waseYiputa.

14 Ukuze nibe nako ukuqonda ezi zithixo, ndininike uhlobo lwa-zo ngamanani ekuqaleni, indlela leyo yamanani kuthiwa yiRahalinoshe yamaKaledi, exela imifane-kiso emele amagama kumaxesha akudala.

15 Kwaye njengokuba babe-phakamisela izandla zabo phezu kwam, ukuze babe nokundinikela baze bathathe ubomi bam, qaphelani, ndaphakamisela ili-zwi lam phezulu eNkosini uThixo

6a UMZ. oothixo bobuxo-ki, njengoko beboniswe

njengoko bebonisiwe kuAbr., EK 1.

11a 1кZ Ham.  
<sup>b</sup> Dan. 3:13–18.

wam, kwaye iNkosi “yaphulaphula kwaye yeva, kwaye ke yandizalisa ngombono kaSomandla, nesithunywa sobuso bakhe sema ecaleni kwam, saza ngokukhawuleza <sup>b</sup>sakhulula izibophelelo zam;

16 Kwaye ilizwi lakhe laba kum: Abraham, Abraham, qaphela, igma lam “ndinguYehova, ndaye ndikuvile, kwaye ndize ezantsi ndikukhulule, nokukuthabatha umke endlwini kayihlo, nakuzo zonke izizalwana zakho, uye <sup>b</sup>elizweni lasemzini ongalaziyo;

17 Kwaye ngoku kungenxa yokuguqulela iintliziyo zabo kude kum, bakhonze isithixo sikaElikena, nesithixo sikaLibhina, nesithixo sikaMahamakhra, nesithixo sikaKorashe, nesithixo sikaFaro, ukumkani waseYiputa; ke ngoko ndihlele ezantsi ukubatyelela, nokumtshabalalisa lowo uphakamisele phezulu isandla ngokuchasene nawe, ukuze athabathe ubomi bakho, Abraham, nyana wam.

18 Qaphela, ndiya kukhokela ngesandla sam, ndaye ndiya kukuhabatha, ndibeke phezu kwa-kho igama lam, nkqu “uBubinge-leli bukayihlo, kwaye amandla am aya kuba phezu kwakho.

19 Njengoko kwakunjalo kuNowa kuya kuba njalo kuwe; kodwa ngobulingiseleli bakho “igama lam liya kwaziwa emhlabeni nognaphakade, kuba ndinguThixo wakho.

15a Moz. 9:17–18.

<sup>b</sup> Abr. 2:13.

16a I<sub>KZ</sub> Yehova.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Lizwe lesithembiso.

18a I<sub>KZ</sub> Bubingelei.

20 Qaphela, iNduli kaPotifare yayiselizweni “laseUre, lamaKhaledi. Kwaye iNkosi yaphula isibilelo sikaElikena, nezezithixo zelizwe, kwaye wazitshabalalisa ngokupheleleyo, kwaye wabe-tha umbingelei waza wafa; kwaye kwabakho ukuzila okukhulu eKhaledi, kananjalo entendele-zweni kaFaro; uFaro obonisa ubukumkani ngegazi lobukhos.

21 Ngoku lo kumkani waseYiputa wayesisizukulwana esivela esinqeni “sikaHam, kwaye wayengumxhamli wegazi <sup>b</sup>lamaKanan ngokokuzalwa.

22 Kulo mnombo kwaphuma onke amaYiputa, kwaye njalo iga-zi lamaKanan lalondolozwa elizweni.

23 Ilizwe “laseYiputa lilelokuqala ukufunyanwa ngumfazi, owayeyintombi kaHam, nentombi kaYiputasi, kwisiKaledi ithetha Yiputa, ithetha oko kwalelwego;

24 Xa lo mfazi wabhaqa ilizwe laliphantsi kwamanzi, owathi emveni koko wahlalisa oonyana bakhe kulo; kwaye njalo, kuHam, kwaphuma isizwe esalondoloza isiqalekiso elizweni.

25 Ngoku urhulumente wokuqala waseYiputa wamiswa nguFaro, oyena mdala unyana kaYiputasi, intombi kaHam, kwaye babungohlobo loburhulumente bukaHam, obabuyimo kasolusapho.

26 UFaro, eyindoda elungileyo,

19a Gen. 12:1–3.

20a Gen. 11:28;

Abr. 2:4.

21a Gen. 10:6;

IiNd. 78:51;

Moses 8:12.

<sup>b</sup> Moses 7:6–8.

I<sub>KZ</sub> AmaKanan, Kanan.

23a I<sub>KZ</sub> Yiputa.

wamisa ubukumkani bakhe, kwaye wagweba abantu bakhe ngokulumkileyo nangokulungi-leyo yonke imihla yakhe, efuna ngokunyanisekileyo ukulinganisa olo hlobo lwamiswa ngooyise kwizizukulwana zokuqala, nge-mihla yolawulo lokuqala lobu-solusapho, nkqu kulawulo luka-Adam, kananjalo noNowa, uyise, owamsikelelayo “ngeentsikelelo zomhlaba, nangeentsikelelo zo-bulumko, kodwa wamqalekisa ngokuphathellele kuBubingelei.

27 Ngoku, uFaro engowaloo mli-bo angenako ngawo ukufumana ilungelo “loBubingelei, nangona ooFaro banqwenela ukububanga nobukaNowa, ngoHam, ke ngoko ubawo wakhokelelwa kude ngo-kukhonza izithixo kwabo;

28 Kodwa ndiya kuzama, ngo-ku nakwixesha elizayo, ukunika ingxelo ngolandelelwano loluhlu lweziganeko ukubheka emva ukususela kum kuye ekuqalekeni kwendalo, kuba “iimbali zize ezandleni zam, endiziphetheyo kulo eli xesha likhoyo.

29 Ngoku, emva kokuba umbi-ngeleli uElikena wabethwayo waza wafa, kwabakho ukuzalise-kiswa kwezo zinto ezazithethiwe kum ngokunxulumene nelizwe la-maKaledi, khonukuze kube kuya kubakho indlala elizweni.

30 Njengokuba indlala ya-yongamile kulo lonke ilizwe

lamaKaledi, nobawo wayethu-thumba kabuhluntu ngenxa yendlala, kwaye waba lusizi ngobi bi awayebucebile ngokuchasene nam, ukuba athabathe “ubomi bam.

31 Kodwa iimbali zoobawo, nkqu oosolusapho, ngokwelun-gelo loBubingelei, iNkosi uThi-xo wam wazilondoloza ezandleni ezizezam; ke ngoko ulwazi lwa-sekuqalekeni kwendalo, kananja-lo “olweeplanethi, nolweenkwe-nkwezi, njengoko zenziwe zaziwa koobawo, ndizigcine kwade kwa-nguwo lo mhla, kwaye ndiya ku-zama ukubhala ezinye zezi zinto phezu kwale mbali, ukunceda isi-zukulwana sam esiya kuza emva kwam.

## ISAHLUKO 2

*UAbraham ushiya ilUre esiya eKanan—UYehova ubonakala kuye eHa-ran—Zonke iintsikelelo zevangeli zithenjiswa kwimbewu yakhe nange-mbewu yakhe kubo bonke—Uyaha-mba uya eKanan kwaye aqhubekeke aye eYiputa.*

NGOKU iNkosi uThixo yenza indlala ibe buhluntu elizweni laseUre, nanjengokuba “uHaran, umntakwethu, wafayo; kodwa “uTera, ubawo, ebesarahlala elizweni laseUre, yamaKhaledi.

2 Kwaye kwenzekile okoku-ba mna, Abraham, ndathabatha

26a 1<sup>KZ</sup> Ntsikelelo, Sikelela,  
Sikelelwé.

27a BM 2.  
1<sup>KZ</sup> Bubingelei.

28a Moses 6:5.

1<sup>KZ</sup> Ncwadi yeenku-  
mbulo.

30a Abr. 1:7.

31a Abr. 3:1–18.

2 1a Gen. 11:28.  
b Gen. 11:24–26;  
I IziKr. 1:26.

<sup>a</sup>uSarayi ndamenza umfazi, <sup>b</sup>no-Nehore, umntakwethu, wathabatha uMilka wamenza umfazi, owayeyintombi kaHaran.

3 Ngoku iNkosi “yayithe kum: Abraham, phuma elizweni lakho, nakuzo izalamane, nasendlwini kayihlo, uye kwilizwe endiya ku-kubonisa lona.

4 Ke ngoko ndalishiya ilizwe “laseUre, lamaKaledi, ndaya elizweni lakwaKanan; kwaye ndathabatha uLote, unyana womntakwethu, nomfazi wakhe, noSarayi umfazi wam; kananjalo <sup>b</sup>ubawo walandela emva kwam, ukuya kwilizwe esalibiza ngokuba yi-Haran.

5 Kwaye indlala yadamba; kwaye ubawo wasala eHaran kwaye wahlala apho, njengoko kwaku-kho imihlambi emininzi eHaran; kwaye ubawo waguqukela kwa-khonha <sup>a</sup>kwizithixo zakhe, ke ngo-ko waqhubeka eHaran.

6 Kanti ke mna, Abraham, <sup>a</sup>no-Lote, unyana womntakwethu, sathandaza eNkosini, kwaye iNkosi <sup>b</sup>yabonakala kum, yaye yathi kum: Phakama, uze uthathe uLote kunye nawe; kuba ndine-njongo yokukuthatha uphume umke eHaran, kwaye ndikwenze

umfundisi wokuphatha <sup>c</sup>igama lam <sup>d</sup>kwilizwe lasemzini endiya kulinika imbewu yakho emva kwakho libe lilifa lakho lanaphakade, xa beliphulaphula ilizwi lam.

7 Kuba ndiyiNkosi uThixo wa-kho; ndihlala ezulwini; umhlaba <sup>a</sup>sisihlalo seenyawo zam; ndolule-la isandla sam phezu kolwandle, luze luthobele ilizwi lam; ndenza umoya nomlilo zibe <sup>b</sup>yinqwelo yam; ndithi ezintabeni—Suka-ni kule ndawo—kwaye qaphela, zithatyathelwa kude sisaqhwithi, ngephanyazo, ngokukhawuleza.

8 Igama lam ndingu “Yehova, ndaye <sup>b</sup>ndazi isiphele ukususela ekuqalekeni; ke ngoko isandla sam siya kuba phezu kwakho.

9 Kwaye ndiya kukwenza isizwe esikhulu, ndaye ndiya <sup>a</sup>kukusikelela ngaphezu komlinganiselo, ndize ndenze igama lakho libe likhulu phakathi kwazo zonke izizwe, kwaye uya kuba yintsikelelo kwimbewu yakho emva kwakho, kuba ezandleni zabo baya kupatha obu bufundisi <sup>b</sup>noBubingeleli kuzo zonke izizwe;

10 Kwaye ndiya kubasikelela ngegama lakho; kuba njengoku-ba abaninzi besamkela le <sup>a</sup>Vangeli

2a Gen. 11:29.

I κΖ Sara.

b Gen. 11:27; 22:20–24.

3a Gen. 12:1;

Izenzo 7:1–3.

4a Neh. 9:7.

b Gen. 11:31–32.

5a Yosh. 24:2.

6a I κΖ Lote.

b Gen. 17:1.

I κΖ Yesu Krestu—

Ubukho kubomi

bangaphambili

bukaKrestu.

c Gen. 12:2–3;

Abr. 1:19.

d Gen. 13:14–15; 17:8;

Eks. 33:1.

I κΖ Lizwe lesithembiso.

7a 1 Nif. 17:39;

I &M 38:17.

b Isaya 66:15–16.

8a I κΖ Yehova.

b I κΖ Azi Izinto Zonke.

9a 1 Nif. 17:40;

2 Nif. 29:14;

3 Nif. 20:27;

Morm. 5:20.

I κΖ Abraham—

Imbewu ka-Abraham.

b I &M 84:17–19;

Moses 6:7.

I κΖ Bubingeleli

bukaMelkitsedeke.

10a Gal. 3:7–9.

baya kubizwa ngegama lakho, kwaye kubalelwa <sup>b</sup>kwimbewu yakho, kwaye baya kuphakama baze basikelele wena, <sup>c</sup>njengoyise wabo;

11 Kwaye ndiya "kubasikelela abasikelela wena, ndize ndibaqalekise abaqalekisa wena; kwaye kuwe (oko kukuthi, kuBubinge-leli bakho) nakuyo <sup>b</sup>imbewu yakho (oko kukuthi, uBubinge-leli bakho), kuba ndikunika isithe-mbiso okokuba eli <sup>c</sup>lungelo liya kuqhubekeka kuwe, nasembewini yakho emva kwakho (oko kuku-thi, imbewu ngokwenene, okanye imbewu yomzimba) zonke iintsa-pho zomhlaba ziya kusikelewa, nkqu ngeentsikelelo zeVangeli, ezizintsikelelo zosindiso, nkqu ezobomi obungunaphakade.

12 Ngoku, emva kokuba iNkos-iyekile ukuthetha kum, kwaye irhoxise ubuso bayo kum, ndathi entliziyweni Yam: Isicaka sakho "sikufune ngokunyanisekileyo; ngoku sikufumene;

13 Wena wathumela ingelosi ya-kho <sup>a</sup>indikhulule kwizithixo zi-kaElikena kwaye ndiya kwenza kakuhle ekuphulaphuleni ilizwi lakho, ke ngoko isicaka sakho ma-siphakame size simke ngoxolo.

14 Njalo mna, Abraham, ndemka njengoko iNkosini yatsho-yo kum, nakuLote kunya nam;

kwaye mna, Abraham, "ndandineminyaka engamashumi amathandathu anesibini ubudala xa ndaphumayo eHaran.

15 Kwaye ndathabatha <sup>a</sup>uSariyi, endandimthathe ndamenza umfazi xa <sup>b</sup>ndandiseUre, eKhaledi, noLote, unyana womnta-kwethu, nezinto zethu zonke esa-sizihlanganisile, nemiphefumlo <sup>c</sup>esasisiyuzile eHaran, kwaye seza ngaphambili ngendlela eya kwilizwe <sup>d</sup>lakwaKanan, kwaye sahlala ezintenteni njengoko seza ngendlela yethu;

16 Ke ngoko, iphakade lalisisi-gqumathelo sethu <sup>e</sup>neliwa lethu nosindiso lwethu, njengoko sasi-hamba sivela eHaran ngendlela yakwaJershon, ukuza elizweni lakwaKanan.

17 Ngoku mna, Abraham, ndakha <sup>f</sup>"isibingelelo elizweni la-kwaJershon, kwaye ndenza umnikelo eNkosini, kwaye ndathandaza okokuba <sup>g</sup>indlala ibe nokugxothwa endlwini kabawo, ukuze bangabi nokutshabalala.

18 Kwaye ngoko sadlula ejErshon sicanda kwilizwe eliya kwi-ndawo yaseShekem; yayakhiwe emathafeni akwa More, kwaye sasisele sifike kwimida yelizwe <sup>h</sup>lamaKanan, kwaye ndanikela <sup>i</sup>idini apho kumathafa akwa-More, kwaye ndabiza eNkosini

10<sup>b</sup> Gen. 13:16;  
Gal. 3:29;

2 Nif. 30:2.

<sup>c</sup> I<sub>KZ</sub> Solusapho,  
Zikasolusapho.

11<sup>a</sup> I<sub>KZ</sub> Mnqophiso  
ka-Abraham.

<sup>b</sup> Isaya 61:9.

<sup>c</sup> I<sub>KZ</sub> Bubingelelo;  
Malungelo

ngokuzalwa;  
Sirayeli.

12<sup>a</sup> I&M 88:63.

13<sup>a</sup> Abr. 1:15-17.

14<sup>a</sup> Gen. 12:4-5.

15<sup>a</sup> I<sub>KZ</sub> Sara.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Ure.

<sup>c</sup> I<sub>KZ</sub> Guqula, Guqulo.

<sup>d</sup> I<sub>KZ</sub> AmaKanan, Kanan.

16<sup>a</sup> I<sub>KZ</sub> Lwalwa/Liwa.

17<sup>a</sup> I<sub>KZ</sub> Sibingelelo.

<sup>b</sup> Abr. 1:29.

18<sup>a</sup> Gen. 12:6.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Dini.

ngokungazenzisiyo, ngokuba sasele sifike elizweni lesi sizwe sinqula izithixo.

19 Kwaye iNkosi yabonakala kum iphendula imithandazo yam, kwaye yathi kum: Imbewu yakho ndiya kuyinika eli “lizwe.

20 Kwaye mna, Abraham, ndaphakama endaweni yesibingelelo endandisakhele iNkosi, kwaye ndemka kuloo ndawo ndisiya entabenempumalanga “yaseBheteli, kwaye ndamisa intente Yamapho, entshonalanga eBheteli, ‘naseHayi empumalanga; ndaye apho ndakhela esinye isibingelelo kuyo iNkosi, kwaye ‘ndabiza kwakhona egameni leNkosi.

21 Kwaye mna, Abraham, ndahamba, ndisaya emazantsi; kwaye kwakukho ukuqhube ka kwendalla elizweni; kwaye mna, Abraham, ndaggiba ukuya ezantsi eYiputa, ndahlala ithutyanapho, kuba indlala yaba buhlungu kakhulu.

22 Kwaye kwenzekile xa ndafika kufutshane nokungena eYiputa, iNkosi yathi kum: Qaphela, “uSarayi, umfazi wakho, ungumfazi omhle kakhulu imbonakalo;

23 Ke ngoko kuya kwenzeke, xa amaYiputa eya kumbona, aya kuthi—Ungumfazi wakhe; kwaye ke aya kukubulala, kodwa aya kumsindisa aphile; ke ngoko bona okokuba ukwenza oku ngobulukmo:

24 Makathi kuwo amaYiputa, ungudade wenu, kwaye umphefumlo wakho uya kuphila.

25 Kwaye kwenzekile okokuba mna, Abraham, ndaxeleta uSarayi, umfazi wam, konke oko iNkosi ikuthethileyo kum—Ke ngoko yithi kuwo, ndiyanithandaza, yena ungudade wethu, ukuze kulunge kum ngenxa yakho, kwaye umphefumlo wam uya kuphila ngenxa yakho.

### ISAHLUKO 3

*UAbrraham ufunda ngelanga, inyanga, neenkwenkwezi ngokusebenenza iYurim neTumim—iNkosi ityhila kuye indalo engunaphakade yoomoya—Ufundangobomi baphambi-komhlaba, umiselo lwangaphambili, indalo, ukukhethwa koMkhululi, imo yesibini yomntu.*

KWAYE mna, Abraham, “ndandineYurim neTumim, iNkosi uThixo wam awayendinike yona, eUre yaseKaledi;

2 Kwaye ndabona “iinkwenkwezi, ezazinkulu, nokokuba enye yazo yayikufutshane ngokugqithisileyo kwitrone kaThixo; kwaye kwakukho ezininzi ezinkulu ezazikufutshane kuyo;

3 Kwaye iNkosi yathi kum: Ezi zezilawulayo; kwaye igama lenye enkulu “nguKolob, ngokuba isondele kum, kuba ndiyiNkosi uThixo wakho: Ndimise le inye

19a Gen. 13:12–15; 17:8;

Eks. 3:1–10; Num. 34:2.

I κΖ Lizwe lesithembiso.

20a I κΖ Bheteli.

b Gen. 13:3–4.

c Gen. 12:8.

22a Gen. 12:11–13.

3 1a Eks. 28:30;

Moz. 8:13; 28:13–16;

M—JS 1:35.

I κΖ Yurim neTumim.

2a Abr. 1:31.

3a Khangela Abr., EK 2,

umf. 1–5.

I κΖ Kolob.

ilawule zonke ezo zizezohlobo olufanayo njengaleyo ume phezu kwayo.

4 Kwaye iNkosi yathi kum, nge-Yurim neTumim, okokuba uKolob wayengokohlobo lweNkosi, ngokunxulumene namaxesha akhe namaxesha athile onyaka kwimijikelo yakhe; kuba umijke-lo omnye “wawuyimini eNkosi-ni, ngokohlobo lwakhe lokubala, kwaye uba liwaka <sup>b</sup>leminyaka ngokwexesha elimiselwe kuleyo wena ume kuyo. Oku kukabalwa kwexesha leNkosi, ngokokubala kukaKolob.

5 Kwaye iNkosi yathi kum: Iplanethi enokukhanya okunganeno ngakumbi, okunganeno ngakumbi kunaleyo iza kulawula imini, nkqu ubusuku, ingentla okanye inkulu ngakumbi kunaleyo wena ome kuyo kwindlela yokubala, kuba ihamba ngohlolo olucotha ngakumbi; oku kufanelekile ngokuba ime ngentla komhlaba wena ome phezu kwavo, ke ngo-ko ukabalwa kwexesha layo akukuninzanga kangako njengenani leentsuku zayo, nokweenyanga, nokweminyaka.

6 Kwaye iNkosi yathi kum: Ngo-ku, Abraham, la “manqaku mabini akhona, qaphela amehlo akho abona oko; kunikwe wena ukuqonda amaxesha okubala, nexesha elibekiweyo, ewe, ixesha elibeki-weyo lomhlaba wena ome phezu kwavo, nexesha elimisiweyo lokukhanya okukhulu ngakumbi

okumiselwe ukulawula imini, nokukhanya nexesha elimisiweyo lokukhanya okunganeno okumi-selwe ukulawula ubusuku.

7 Ngoku ixesha elimisiweyo lokukhanya okunganeno ngakumbi licesha elide ngakumbi njengase-kubaleni kwalo ukubala kwako kunokubala kwexesha lomhlaba wena ome phezu kwavo.

8 Kwaye apho la manqaku akhoyo, kuya kuba lelinye inqaku elingaphezu kwavo, oko kukuthi, kuya kuba yenye iplaneti ekuba-la kwayo amaxesha kuya kuba kuselicesha elide;

9 Kwaye njalo kuya kuba kuku-balwa kwexesha leplanethe enye engentla kunenye, ude wena uze kufutshane kuKolob, uKolob ongokokubala kwexesha leNkosi; uKolob omiswe kufuphi netrone kaThixo, elawula zonke ezoo planethi “zizezohlobo olufanayo njengaleyo wena ume phezu kwayo.

10 Kwaye unikwe ukwazi ixesha elimisiweyo lazo zonke iinkwenkwezi ezimiselwe ukunika ukukhanya, ude wena uze kufutshane netrone kaThixo.

11 Njalo ke mna, Abraham, “ndathetha kunye neNkosi, ubuso ngo-buso, njengomntu ethetha kunye nomnye; kwaye yandixeleta nge-misebenzi izandla zayo eziyenzi-leyo;

12 Kwaye wathi kum: Nyana wam, nyana wam (kwaye isandla sakhe sasoluliwe), qaphela ndiya kubonisa zonke ezi. Kwaye

<sup>4a</sup> Abr. 5:13.

<sup>b</sup> II Nd. 90:4; II Petr. 3:8.

<sup>6a</sup> Abr. 3:16–19.

<sup>9a</sup> I&M 88:37–44.

<sup>11a</sup> Gen. 17:1;

Num. 12:5–8.

# EFANA KANYE EVELA KWINCWADI KA-ABRAHAM

Nomb. 2



## INKCAZO

Umf. 1. UKolob, ubonisa indalo yokuqala, eyona ikufuphi eselestiyali, okanye indawo yokuhlala kaThixo. Eyokuqala eburhulumenteni, eyokugqibela ngokuphathelele ekuliganisweni kwamaxesha. Umlinganiso ngokwexesa leselestiyali, ixesa leselestiyali elibonisa usuku olunye kwikhubhite. Usuku olunye kuKolob lilingana neminyaka eli-waka ngokomlinganiso walo mhlaba, obizwa ngamaYiputa Jah-oh-eh.

Umf. 2. Ime kufutshane noKolob, ibizwa ngamaYiputa Oliblish, yindalo elandelayo enku lu yoburhulumente ekufuphi kwiselestiyali okanye indawo aphi kuhlala uThixo; ephethe isitshixo samandala kanjalo, ngokuphathelele kwezinye iiplanethi; njengoko zatyhilwa nguThixo kuAbraham, njengoko wayenikela idini phezu kwasibingelelo, awayesakhele eNkosini.

Umf. 3. Wenzelwe ukumela uThixo, ehleli phezu kwetrone yakhe, enxitywe ngamndlal negunya; kunye nesithsaba sokukhanya kwanaphakade phezu kwentloko yakhe; kanjalo simele amazwi asisiTshixo esikhulu soBubingeleli obuNgcwele, njengoko kwaytihilwa kuAdam eMyezweni wase-Eden, njengokunjalo kuSete, uNowa, uMelkitsedeke, uAbraham, nakubo bonke ekwatyhilwa kubo uBubingeleli.

Umf. 4. Iimpendulo kwigama lesiHebhere uRawukeyangi, elibonisa uphangalalo, okanye isibhakabhaka samazulu; kanjalo inani lokubala, eYiputa elibonisa iwaka; liphendula ekulinganisweni kwamaxesha kaOliblish, olingana noKolob emjikelezweni wakhe nasekulinganiseni kwakhe kwexesha.

Umf. 5. Ithiywe iEnish-go-on-dosh yaseYiputa; le kanjalo yenyeeplanethi ezilawulayo, kwaye kuthiwa ngamaYiputa liLanga, kwaye iboleka ukukhanya kwayo kuKolob ngendlela kaKae-e-vanrash, osisiTshixo esikhulu, okanye, ngamanyi amazwi, amandala okulawula, alawula ezinye iiplanethi ezizinzileyo ezilishumi elinesihlanu okanye iinkwenkwezi, njengokunjalo uFloeese okanye iNyanga, uMhlaba neLanga kwimijikelezo yazo yonyaka. Le planethi ifumana amandala ngendlela kaKli-flos-is-es, okanye umtha kaHa-ko-kau, iinkwenkwezi zimelwe ngeenombolo 22 no 23, zifumana ukukhanya kwimijikelezo kaKolob.

Umf. 6. Umеле lo mhlaba kwiimbombo zavo zone.

Umf. 7. Umèle uThixo ehleli phezu kwetrone yakhe, etyhila ngamazulu amazwi esi-Tshixo esikhulu soBubingeleli; njengokunjalo, umqondiso woMoya oyiNgcwele kuAbraham, ukwimo yehobe.

Umf. 8. Uqulathe imibhalo engenako ukutyhilwa ehlabathini; kodwa iya kufunyanwa eTempileni eNgcwele kaThixo.

Umf. 9. Ayimele kutyhilwa ngexesha langoku.

Umf. 10. Kanjalo.

Umf. 11. Kanjalo. Ukuba ihlabathi linako ukuzifuna ezi nombolo, ke makube njalo. Amen.

Amanani 12, 13, 14, 15, 16, 17, 18, 19, 20, no 21 aya kunikwa ngexesha elifanelekileyo leNkosini.

Olu guqulelo lungentla lunikwe kangangoko sinalo naluphi na ilungelo lokulunika ngexesha langoku

wabeka isandla sakhe phezu kwa-mehlo am, kwaye ndazibona ezo zinto ezenziwe ngesandla sakhe, zazininzi; kwaye zaphindaphi-ndwa phambi kwamehlo am, nda-ye andabinako ukubona isiphelo sazo.

13 Kwaye wathi kum: Lo ngu-Shineha, olilanga. Kwaye wathi kum: UKokob, oyinkwenkwezi. Kwaye wathi kum: UOliya, oyi-nyanga. Kwaye wathi kum: UKo-kobhim, othetha iinkwenkwezi, okanye zonke ukukhanya oku-khulu ezazisesibhakabhakeni sezulu.

14 Kwaye ke yayilixesa lasebu-suku xa iNkosi yathetha la ma-zwi kum: Ndiya "kukwandisa, 'nembewu yakho emva kwakho, njengezi; nokokuba wena ungena-ko ukubala 'inani lentlabathi, liya kuba njalo inani leembewu zakho.

15 Kwaye iNkosi yathi kum: Abraham, ndiya kubonisa ezi zi-nto phambi kokuba uye eYiputa, ukuze ube nokubhengeza onke la mazwi.

16 Ukuba izinto ezimbini zikho, kuze kubekho enye ngentla kwe-nye, kuya kubakho izinto ezinku-lu ngakumbi ngentla kwazo; ke ngoko "uKolob uyeyona inkulu yazo zonke iiKokobhim wena ozi-bonileyo, ngokuba ukufutshane ngokugqithisileyo kum.

17 Ngoku, ukuba kukho izinto

ezimbini, enye ingentla kwenye, ize inyanga ibe ngentla komhla-ba, ngoko inokuba yiloo planethi okanye inkwenkwezi enokubakho ngentla kwayo; kwaye akukho nto iNkosi uThixo wakho aya ku-yithatha entliziyweni yakhe aze ayenze ngaphandle kokuba uya "kuyenza.

18 Nangona kunjalo wenza ii-nkwenkwezi ezinkulu ngakumbi; njengoko, kanjalo, ukuba kukho oomoya ababini, kwaye omnye uya kuqiqa ngakumbi kunomnye, kunjalo aba moya babini, kwaye nangona aba moya babini omnye uqiqa ngakumbi kunomnye, aba-nasiqalo; babekho ngaphambili, abayi kuba nasiphelo, baya kuba-kho emva koku, kuba "bayinolam, okanye unaphakade.

19 Kwaye iNkosi yathi kum: La manqaku akho, kuba kukho oo-moya ababini, omnye uqiqe ngakumbi kunomnye; kuya kubakho omnye oqiqileyo ngakumbi kuna-banye; ndiyiNkosi uThixo wakho, "ndiqiye ngaphezu kwayo yonke.

20 INkosi uThixo wakho uthu-mele ingelosi "ikukhulule ezandlensi zombingelei waseElikena.

21 Ndihlala phakathi kwayo yo-nke; ke ngoko, mna ngoku, ke ngoko, ndize ezantsi kuwe ndi-bhengeza kuwe "imisebenzi eye-nziwe zizandla zam, kuyo 'ubu-lumko bam buyigqibelelisa yonke,

14a Abr. 2:9.

b Gen. 13:16;  
I&M 132:30.

c Gen. 22:17;  
Hos. 1:10.

16a Abr. 3:3.

17a Yobhi 9:4–12.

18a Ignotawamukubhalana  
ngoonobumba bolunye  
uhlobo begama lesiHe-  
bhore elithetha ngona-  
phakade.

19a Isaya 55:8–9.

I & Z Azzi Izinto Zonke.

20a Abr. 1:15.

21a I&M 88:45–47;  
Moses 1:27–29.  
b I & Z Bulumko.

kuba ndilawula emazulwini ngentla, nasezantsi emhlabeni, ngobulumko bonke nobukrelekrele, ngaphezu kwako konke ukuqiqi amehlo akho akubonileyo ukususela ekuqaleni; ndize ezantsi ekuqaleni phakathi kwazo zonke iingqiyo wena ozibonileyo.

22 Ngoku iNkosi ibonise kum, Abraham, “iingqiyo ezazilungi-selelwe <sup>b</sup>phambi kokuba ihlabathi libekho; kwaye phakathi kwezi kwakukho ezinanzi <sup>c</sup>ezibekerekileyo nezinkulu;

23 Kwaye uThixo wabona le miphefumlo ukuba yayilungile, kwaye wema esazulwini sayo, kwaye wathi: Le ndiya kuyenza abalawuli bam; kuba wema phakathi kwaleyo yayingoomoya, kwaye wabona okokuba yayilungile; kwaye wathi kum: Abraham wena ungomnye wayo; wena “wanyulwa phambi kokuba uza-lwe.

24 Kwaye apho kwema “omnye phakathi kwabo owayefana noThixo, kwaye wathi kwabo babekunye naye: Siya kuya ezantsi, kuba kukho indawo apho, kwaye siya kuthatha kwezi zinto, kwaye <sup>b</sup>siya kwenza <sup>c</sup>umhlaba apho aba baya kuhlala khona;

25 Kwaye siya “kubavavanya

ngale ndlela, sibone ukuba baya <sup>b</sup>kuzenza zonke izinto naziphina iNkosi uThixo wabo aya kubayela zona;

26 Kwaye abo bagcina “imo yokuqala yabo iya kongezelelw ngaphezulu; kwaye abo bangayigciniyo imo yokuqala yabo abayi kuba nalo uzuko ebukumkani ni obufanayo nabo bagcina imo yabo yokuqala; kwaye abo bagcina <sup>b</sup>imo yabo yesibini baya kuba <sup>c</sup>nozuko olongezelelw phezu kweentloko zabo ngonaphakade kanaphakade.

27 Kwaye “iNkosi yathi: Ndiya kuthuma bani? Kwaye omnye waphendula ofana <sup>b</sup>noNyana woMntu: Ndikho, thuma mna. Kwaye <sup>c</sup>omnye waphendula waza wathi: Ndikho, thuma mna. Kwaye iNkosi yathi: Ndiya kuthuma owokuqala.

28 Kwaye “owesibini waba nomsindo, kwaye akayigcina imo yakhe yokuqala; kwaye, ngaloo mhla, <sup>b</sup>abaninzi bamlandela.

#### ISAHLUKO 4

*OoThixo baceba indalo yomhlaba nabo bonke ubomi bawo—Amacebo abo ngemihla emithandathu acaci-siwe.*

22a <sup>a</sup>I<sub>KZ</sub> Lingqiyo, Ngqiyo.

<sup>b</sup>I<sub>KZ</sub> Bomi  
bangaphambili;  
Qumrhu eliseZulwini.

<sup>c</sup>I&M 138:55.

23a Isaya 49:1–5;  
Yer. 1:5.  
I<sub>KZ</sub> Khetha, Khethiwe,  
Wakhetha;  
Kumiselwa  
kwangaphambili.

24a <sup>a</sup>I<sub>KZ</sub> Zibulo.

<sup>b</sup>I<sub>KZ</sub> Dala, Ndalo.  
<sup>c</sup>I<sub>KZ</sub> Mhlaba—  
Wadalelw umntu.

25a I&M 98:12–14; 124:55.

<sup>a</sup>I<sub>KZ</sub> Cebo lenkululeko;  
Kuzikhethela.

<sup>b</sup>I<sub>KZ</sub> Ntobeko,  
Thobekileyo, Thobela.

26a Yuda 1:6.

<sup>b</sup>I<sub>KZ</sub> Mzimba onokufa.

<sup>a</sup>Tito 1:2.

I<sub>KZ</sub> Zuko.

27a <sup>a</sup>I<sub>KZ</sub> Thixo, Ntloko  
yoButhixo—Thixo  
uBawo.

<sup>b</sup>I<sub>KZ</sub> Nyana woMntu;  
Yesu Krestu.

<sup>c</sup>Moses 4:1–2.

28a <sup>a</sup>I<sub>KZ</sub> Mtyholi.  
<sup>b</sup>I<sub>KZ</sub> Oonyana besihogo.

KWYE ngoko iNkosi yathi: Masiye ezantsi. Kwaye ke beza ezantsi "ekuqalekeni, baza bona, oko kuthi ooThixo, <sup>b</sup>balungiselela baza babumba amazulu nomhlaba.

2 Kwaye umhlaba, emva kokuba ubunjiwe, wawungenanto kwaye uyinkangala, ngokuba babe-ngekabumbi nantoni na kuphela ingumhlaba; kwaye ubumnyama balawula phezu kobuso benzonzobila, kwaye uMoya wooThixo "wawufukame phezu kobuso bamanzi.

3 Kwaye bona (ooThixo) bathi: Makubekho ukukhanya; kwaye kwabakho ukukhanya.

4 Kwaye bona (ooThixo) baqiqsa ukukhanya; kuba kwakuqaqambile; kwaye bahlula ukukhanya, okanye bakwenza kohlulwe, ebunnyameni.

5 Kwaye ooThixo bathi ukukhanya yiMini, nobumnyama bathi buBusuku. Kwaye kwenzekile okokuba ukususela ngokuhlwa kude kube kusasa bathi bubusu; nokususela kusasa kude kube ngokuhlwa bathi yimini; kwaye oku kwakukokuqala, okanye ukuqaleka, koko bathi yimini nobusuku.

6 Kwaye ooThixo kanjalo bathi: Makubekho "isibhakabhaka phakathi kwawo amanzi, kwaye siya kwahlula amanzi kumanzi.

7 Kwaye ooThixo bayalela isi-bhakabhaka, ukuze sohlule

amanzi angaphantsi kwsibhakkabhaka kuwo amanzi angaphezu kwsibhakkabhaka; kuye kwaba njalo, nkqu njengoko bayalela.

8 Kwaye ooThixo bathi isibhakkabhaka, <sup>a</sup>liZulu. Kwaye kwenzekile kuba yaba ngokuhlwa kude kube kusasa kuba bathi bubusu-ku; kwaye kwenzekile kuba yaba kusasa kude kube ngokuhlwa kuba bathi yimini; kwaye oku <sup>b</sup>yayilixesa lesibini oko bathi busuku nemini.

9 Kwaye ooThixo bayalela, besithi: "Amanzi angaphantsi kwamazulu makahlanganiselwe <sup>b</sup>ndaweninye, nomhlaba mawome; kwaye kwaba njalo njengoko wayalelayo;

10 Kwaye ooThixo bathi indawo eyomileyo, nguMhlaba; kwaye intlanganiselwa yamanzi, bathi, <sup>a</sup>ziiLwandle; kwaye ooThixo bona ukuba bathotyelwe.

11 Kwaye ooThixo bathi: Masilungise umhlaba uze uphume "uhlaza; imifuno evelisa imbewu; imithi yeziqhamo eyenza iziqhamo, ngohlobo lwayo, embewu ikuyo evelisa kufana nayo emhlabeni; kwaye kwaba njalo, nkqu njengoko bayalelayo.

12 Kwaye ooThixo balungiselela umhlaba uphume uhlaza oluvela kwimbewu eyiyeyalo, nemifuno evelisa imifuno evela kwimbewu eyiyeyawo, luvelisa imbewu ngokohlobo lwayo; nomhlaba wa-phuma umthi uvela kwimbewu

**4** *1a* Gen. 1:1; Moses 2:1.

*b* <sup>a</sup>1<sub>Z</sub> Dala, Ndalo.

*2a* Gen. 1:2;

Moses 2:2.

*6a* Gen. 1:4–6;

Moses 2:4.

*8a* <sup>a</sup>1<sub>Z</sub> Zulu.

*b* Gen. 1:8.

*9a* Amos 9:6;

Moses 2:7.

*b* Gen. 1:9.

*10a* Gen. 1:10;

Abr. 4:22.

*11a* Gen. 1:11–12;

Moses 2:11–12.

eyiyeyawo, uvelisa isiqhamo, embewu yawo yayinako kuphe-la ukuphuma okufana nawo, ngo-hlobo lwawo; kwaye ooThixo babona ukuba babethtoyelwe.

13 Kwaye kwenzekile okokuba babala imihla; ukusuka ngo-kuhlwa kude kuye kusasa bathi bubusuku; kwaye kwenzekile, ukususela kusasa kude kuye ngo-kuhlwa bathi yimini; kwaye kwa-kulixesa lesithathu.

14 Kwaye ooThixo balungisele-la “izikhanyiso esibhakabhakeni samazulu kwaye bazenza zahlula imini kubusuku; kwaye bazilungiselela zibe zezemiqondiso zibe zezamaxesha amisiweyo, zibe ze-zemihla neminyaka;

15 Kwaye bazilungiselela zibe zizikhanyiso esibhakabhakeni sa-mazulu zinike ukukhanya phezu komhlaba; kwaye kwaba njalo.

16 Kwaye ooThixo balungiselela izikhanyiso ezikhulu ezibini, “esi-khulu ngakumbi isikhanyiso siza kulawula imini, nesinganeno ngakumbi isikhanyiso siza kulawula ubusuku; isikhanyiso esinganeno ngakumbi kanjalo basibeka kunye neenkwenkwezi;

17 Kwaye ooThixo bazibeka esi-bhakabhakeni samazulu, ze zinike ukukhanya phezu komhlaba, zize zilawule phezu kwemini nobusu-ku, nokuzenza zahlule ukukha-nya kubumnyama.

18 Kwaye ooThixo baziqwala-sela ezo zinto ababeziyalele zide zibe zathobela.

19 Kwaye kwenzekile okokuba ukususela ngokuhlwa kude kube kusasa ukuze kube kusasa ukuze kube sebusuku; kwaye kwenze-kile okokuba kwakususela kusa-sa kude kube ngokuhlwa ukuze kube yimini, kwaye yaba lixesha lesine.

20 Kwaye ooThixo bathi: Masilu-ngise amanzi aphume ngokuninzi imiphefumlo enyakazelayo ephili-leyo; neentaka, zibe nokuphapha-zela phezu komhlaba esibhaka-bhakeni esivulekileyo samazulu.

21 Kwaye ooThixo balungisa amanzi ukuze abe nako ukuphu-ma “oominenga mikhulu, nayo yonke imiphefumlo ephilileyo enambuzelayo, amanzi awaye-fanele ukuyiphuma ngokohlolo lwayo; neentaka zonke ezinama-phiko ngohlobo lwazo. Kwaye ooThixo babona ukuba baya ku-thotyelwa, nokokuba icebo labo lalilungile.

22 Kwaye ooThixo bathi: Siya kuzisikelela, sizenze ziqhame zize zande, zize ziwazalise amanzi aselwandle okanye “iilwandle; kwaye zenze iintaka zande emhlabeni.

23 Kwaye kwenzekile okokuba kwakususela ngokuhlwa kude kube kusasa kuba bathi oko bu-busuku; kwaye kwenzekile okokuba kwakususela kusasa kude kube ngokuhlwa oko bathi yimi-ni; kwaye yaba lixesha lesihlanu.

24 Kwaye “ooThixo bawulungisa umhlaba uphume imiphefumlo

14a I&M 88:7–11.

16a Gen. 1:16.

21a Gen. 1:21; Moses 2:21.

22a Abr. 4:10.

24a I&Z Thixo, Ntloko

yoButhixo.

ephilileyo ngohlobo lwayo, izinto ezizitho zine, nezinambuzane, nezinto eziphilileyo zomhlaba ngo-hlobo lwazo; kwaye kwaba njalo, njengoko batshoyo.

25 Kwaye ooThixo balungiselela umhlaba uphume izinto eziphilileyo ngohlobo lwazo, nezinto ezizitho zine ngohlobo lwazo, nazo zonke izinambuzane zomhlaba ngohlobo lwazo; kwaye ooThixo babona ukuba ziya kuthobela.

26 Kwaye ooThixo "bacebisana phakathi kwabo kwaye bathi: Massie ezantsi size sibumbe <sup>b</sup>umntu "ngokomfanekiso wethu, ngokufana nathi; kwaye siya kubanika ubukhosiphezu kweentlanzi zolwandle, nasezintakeni zezulu, nasezintweni ezizitho zine, nase-mhlabeni wonke, nasezinambuzaneni ezinambuzelayo emhlabeni.

27 Njalo "ooThixo beza ezantsi ukuza kwenza umntu ngomfanekiso wabo, bambumba ke ngomfanekiso wooThixo, indoda nomfazi bababumba bona.

28 Kwaye ooThixo bathi: Siya kubasikelela. Kwaye ooThixo bathi: Siya kubenza baqhame kwaye bande, baze bawuzalise umhlaba, baze baweyise, ukuze babe nobukhosiphezu kweentlanzini zolwandle, nasezintakeni zezulu, nasezintweni eziphilileyo ezinambuzelayo emhlabeni.

29 Kwaye ooThixo bathi: Qaphela, siya kubanika yonke imifuno evelisa imbewu eya kuvela phezu

kobuso bawo wonke umhlaba, nayo yonke imithi eya kuvelisa iziqhamo kuyo; ewe, isiqhamo somthi esibavelisela imbewu siya kubanika sona; siya kuba "kukudla kwabo.

30 Kwaye izinto zonke eziphilileyo zomhlaba, neentaka zonke zezulu, nezinambuzane zonke ezipsemhlabeni, qaphela, siya kuzinika ubomi, kananjalo siya kuzinika yonke imifuno eluhlaza ukuba ibe kukudla, kwaye zonke ezi zinto ziya kwensiwa njalo.

31 Kwaye ooThixo bathi: Siya kwenza yonke into esiyithethileyo, kwaye sizenze; kwaye qaphela, ziya kuthobeka kakhulu. Kwaye kwenzekile okokuba kwasusela ngokuhlwa kude kuye kusasa bathi bubusuku; kwaye kwenzekile okokuba kwakususe-la kusasa kude kube ngokuhlwa baze oko bathi yimini; kwaye babala ixesha "lesithandathu.

## ISAHLUKO 5

*OoThixo bakugqiba ukuceba Kwabo okwendalo yazo zonke izinto—Bayenza iNdalo ngokwamacebo Abo—UAAdam wathiya yonke imiphefumlo ephilileyo.*

KWAYE njalo siya kuwagqiba amazulu nomhlabo, nayo yonke imikhosiphezu yazo.

2 Kwaye ooThixo bathi phakathi kwabo: "Ngexesha lesixhennxe siya kuwugqiba umsebenzi

26a 1<sup>a</sup> Z Mcebisi.

b 1<sup>a</sup> Z Abantu/Amadoda,  
Mntu/Ndoda.

c Moses 6:8–10.

27a Gen. 1:26–27;  
Abr. 5:7.

29a Gen. 1:29–30.

31a Eks. 31:17.

5 2a 1<sup>a</sup> Z Umhla weSabatha.

# EFANA KANYE EVELA KWINCWADI KA-ABRAHAM

Nomb. 3



## INKCAZO

Umf. 1. UAbraham ehleli phezu kwetrone kaFaro, ngenkcubeko kakumkani, enesithsaba phezu kwentloko yakhe, esimele uBubingelei, ngokomfuziselo woBumongameli obukhulu eZulwini; enentonga yobukhosy yobulungisa nokugweba esandleni sakhe.

Umf. 2. UKumkani uFaro, ogama linikwe ngezimo ezingentla kwentloko yakhe.

Umf. 3. Ubonisa uAbraham eYiputa njengoko kanjalo eboniswe kuMfanekiso 10 we-Zifana kanye Nom. 1.

Umf. 4. Inkosana Faro, uKumkani waseYiputa, njengoko kubhalwe ngentla kwesandla.

Umf. 5. UShulem, omnye wabakhonzi abaziintloko bakumkani, njengoko eboniswa ngezimo ezingentla kwesandla sakhe.

Umf. 6. UOlimla, ikhoboka eliyinkosana.

UAbraham uqiqa phezu kwemigaqo yobunzulu-lwazi ngeenkwenkwezi, entende-lezweni kakumkani.

wethu, esiwucebileyo; kwaye siya kuphumla ngexesha lesixhenxe kuwo wonke umsebenzi wethu ebesiwucebile.

3 Kwaye ooThixo bagqiba ngexesha lesixhenxe, ngokuba ngexesha lesixhenxe beya “kuphumla kuyo yonke imisebenzi yabo bona (ooThixo) abacebisene phakathi kwabo ekuwenzeni; <sup>b</sup>nokuwungcwalisa. Kwaye njalo yaba zizigqibo zabo ngeloo xesha ababeabisene phakathi kwabo ekwenzeni amazulu nomhlaba.

4 Kwaye ooThixo beza ezantsi kwaye benza ezi zizukulwana zamazulu nezomhlaba, xa zazisenziwa ngomhla ooThixo abenza umhlaba namazulu,

5 Ngokunxulumene nako konke abakuthethayo ngokwezityalo zonke zasendle “phambi kokuba zibekho emhlabeni, nayo yonke imifuno yasendle phambi kokuba ikhule; kuba ooThixo abenzanga kune phezu komhlaba xa babecebisanu ukwenza, kwaye bengkeenzi mntu ukuba alime umhlaba.

6 Kodwa ke apho kwanyuka inkungu emhlabeni, kwaye yanckenceshela bonke ubuso bo-mhlaba.

7 Kwaye “ooThixo babumba umntu <sup>b</sup>ngothuli lomhlaba, kwaye bathabatha <sup>c</sup>umoya wakhe (oko kukuthi, umoya womntu), baza bawubeka kuye; kwaye

baphefumlela emathatheni akhe impefumlo yobomi, kwaye umntu waba <sup>d</sup>ngumphefumlo ophilileyo.

8 Kwaye ooThixo batyala umyezo, “e-Eden ngasempumalanga, baza apho babeka umntu, onomoya ababewubeke emzimbeni ababewubumbile.

9 Kwaye emhlabeni ooThixo benza kwantshula yonke imithi enqwenelekayo ngokwenkangeleko nelungele ukudliwa; <sup>a</sup>umthi wobomi, kanjalo, phakathi emyezweni, nomthi wokwazi okulungileyo nokubi.

10 Kwabakho umlambo ophuma e-Eden, wokuwunyakamisa umyezo, kwaye ukusuka apho wahluka kwaye waba ziimbaxa ezine.

11 Kwaye ooThixo bamthabatha umntu baza bambeka eMyezweni we-Eden, ukuba awusebenze aze awugcine.

12 Kwaye ooThixo bayalela umntu, besithi: Kuyo yonke imithi yomyezo ungayidla ngokukhululekileyo,

13 Ke wona umthi wokwazi okulungileyo nokubi, uze ungawudli; kuba ngexesha othe wadla kuwo, uya kufa ngokwenene. Ngoku mna, Abraham, ndabona okokuba “kwakungokwexesha leNkosi, elalingokwexesha <sup>b</sup>likakolob; kuba kwakungekade konyulelwe kuAdam ngooThixo ukubala kwakhe.

<sup>3a</sup> Eks. 20:8–11;  
Moz. 13:16–19.

<sup>b</sup> I&M 77:12.

<sup>5a</sup> I<sub>KZ</sub> Ndalo yomoya.

<sup>7a</sup> Abr. 4:26–31.

<sup>b</sup> Moses 4:25; 6:59.

<sup>c</sup> Gen. 2:7;  
I&M 93:33.

<sup>I<sub>KZ</sub></sup> Bomi  
bangaphambili;

Moya.

<sup>d</sup> I<sub>KZ</sub> Mphefumlo.

<sup>8a</sup> I<sub>KZ</sub> Eden.  
<sup>9a</sup> I<sub>KZ</sub> Mthi wobomi.

<sup>13a</sup> II Petr. 3:8.

<sup>b</sup> Abr. 3:2–4.

I<sub>KZ</sub> Kolob.

14 Kwaye ooThixo bathi: Masi-menzeleni umntu umncedi ongu-wabo, kuba akulungile ukuba umntu abe yedwa, ke ngoko siya kubumba umncedi onguwabo.

15 Kwaye ooThixo bawisa ubuthongo obukhulu phezu "koAdam; kwaye walala, kwaye ke bathabatha lwalunye lweemba-mbo zakhe, kwaye avingca nge-nyama esikhundleni salo;

16 Kwaye ngobambo ooThixo abaluthabathe endoden, babumba "umfazi, kwaye bamzisa endoden.

17 Kwaye uAdam wathi: Eli ibi-lithambo lasemathanjeni am, ne-nyama yasenyameni Yam; ngo-ku uya kubizwa Mfazi, ngokuba ethatyathwe endoden;

18 Ke ngoko indoda iya ku-

mshiya uyise nonina, ize "inamathele kumkayo, kwaye baya kuba 'nyama-nye.

19 Baye bobabini behamba ze, umntu lowo nomkakhe, baye be-nngenazintloni.

20 Kwaye emhlabeni ooThixo babumba zonke izinto eziphili-leyo zasendle, nazo zonke iinta-ka zezulu, baye bazizisa kuye uAdam ukubona ukuba wothini na ukuzibiza; ukuze oko azibize ngako uAdam zonke izinto ezi-philileyo, ize ibe ligama lazo.

21 Kwaye uAdam wanika ama-gama zonke izinto ezizitho zine, kwiintaka zasezulwini, kuzo zo-nke izinto eziphilileyo zasendle; nokuba uAdam, apho wafunya-nelwa umncedi onguwabo.

15a 1κΖ Adam.

16a 1κΖ Eva.

18a I&M 42:22; 49:15–16.

b 1κΖ Mtshato, Tshata.

# UJOSEPH SMITH—UMATEYU

*Isicatshulwa esivela kuguqulelo lweBhayibhile njengoko sityhilwe  
kuJoseph Smith uMprofeti ngowe-1831: UMateyu 23:39 nesahluko 24.*

*UYesu uxela kwangaphambili intshabalo yeYerusalem ekufuphi—Kanjaloo uthetha ngokuBuya kweSibini ko-Nyana woMntu, nokutshatyalaliswa kwabakhohlakeleyo.*

**K**UBA ndithi kuni, aniyi kuba sandibona emveni koku nize nazi ukuba ndingulowo ekubhalwe ngaye ngabaprofeti, nide nibe niya kuthi: Makabongwe lowo “uzayo egameni leNkosi, emafini asemazulwini, neengelosi zonke ezingcwele kunye naye. Ngoko baqonda abafundi bakhe okokuba umele ukuza kwakhona emhlabenii, emva koko wazukiswa waza wathweswa ekunene <sup>b</sup>kukaThixo.

2 Ephumile uYesu, waye wemka itempileni; bathe abafundi bakhe beza kuye, ukuze bamve, besithi: Mongameli, sibonise ngokunxulumene nezakhiwo zetempile, njengoko wena watshoyo—Ziya kuphoselwa phantsi, zize zishiywe kuni zize.

3 Wathi ke uYesu kubo: Aniziboni na zonke ezi zinto, kwaye aniziqondi na? Inene ndithi kuni, akusayi kusala apha, <sup>a</sup>ilitye phezu

kwelinye, phezu kwale tempile, elingayi kuchithwa.

4 Kwaye uYesu wabashiya, waye waya <sup>a</sup>eNtabeni yeMinquma. Akuba ehleli phezu kweNtaba ye-Minquma, beza kuye abafundi be-bodwa, bathi: Sixelele ukuba ziya kubakho nini na ezi zinto wena uzithethileyo ngokokutshatyalaliswa kwetempile, namaYuda; kwaye uyini na <sup>b</sup>umqondiso <sup>c</sup>wokufika kwakho, <sup>d</sup>nowokupheliswa kwehlabathi, okanye ukutshatyalaliswa <sup>e</sup>kwabakhohlakeleyo, okusisiphelo sehlabathi?

5 Waphendula ke uYesu, waza wathi kubo: Lumkani ningalahle-kiswa mntu;

6 Kuba baninzi abaya kuza egameni lam, besithi—banguKrestu—baze balahlekise into eninzi;

7 Ngoko ke baya kunikhulule-la ekuben <sup>a</sup>nibandezeleke, yaye baya kunibulala, kwaye niya <sup>b</sup>ku-thiwa zizo zonke izizwe, ngenxa yegama lam;

8 Kwaye ngoko abaninzi baya kukhutyekiswa, kwaye baya kungcatshana, kwaye baya ku-phukelana;

<b>1</b>	<b>1a</b> Mat. 26:64; Izenzo 1:11. <b>b</b> 1 <sup>c</sup> Z Thixo, Ntloko yoButhixo. <b>3a</b> Luka 19:44. <b>4a</b> 1 <sup>c</sup> Z Ntaba yeMinquma. <b>b</b> Luka 21:7–36; I&M 45:16–75.
----------	--

<b>1<sup>c</sup>Z</b> Mihla yokuGqibela; Miqondiso yamaxeshsha. <b>c</b> 1 <sup>c</sup> Z KuBuya kweisibini kukaYesu Krestu. <b>d</b> 1 <sup>c</sup> Z Hlabathi/Lizwe— Isiphelo sehlabathi. <b>e</b> Mal. 4:1;
---

<b>I&amp;M</b> 133:64–74. <b>I<sup>c</sup>Z</b> Khohlakele, Nkohlakalo. <b>7a</b> I Petr. 4:12–14. <b>b</b> 1 <sup>c</sup> Z Ntshutshiso, Tshutshisa.
--

9 Kwaye abaprofeti abaninzi baya kunyuka, kwaye baya kuhohlisa abaninzi;

10 Kwaye ngenxa yokuba ubugwenxa buya kuba buninzi, “uthando lwabaninzi luya kuba nokugodola;

11 Kodwa lowo usala ezinzile aze angoyiswa, onjalo uya kusindiswa.

12 Xa nina, ke ngoko, niya kubona “isikizi lesiphanziso, ekuthethwe ngalo <sup>b</sup>nguDaniyeli umprofeti, ngokunxulumene ne ntshabalalo ‘ye Yerusalem, ngoko niya kuma <sup>a</sup>endaweni engcwele; lowo ofundayo makaqije.

13 Ngoko abo bakwa Yuda mabasabele “ezintabeni;

14 Lowo uphezu kwendlu makasabe, aze angabuyeli aye kuthabatha nantoni na endlwini yakhe;

15 Nosentsimi makangabuyeli umva aye kuthabatha iinguo zakhe;

16 Yeha ke “kwabamithiyo, nako abanyisayo ngaloo mihla;

17 Ke ngoko, thandazani eNkosini ukuze intsabo yenu ingabikhko ebusika, ingabi nangomhla weSabatha;

18 Kuba ngoko, ngaloo mihla, kuya kubakho imbandezelo enku lu “kuma Yuda, naphezu kwabemi <sup>b</sup>base Yerusalem, engazange enjalo yathunyelwa ngaphambili phezu koSirayeli, kaThixo, ukususela ekuqalekeni kobukumkani babo kude kube leli xesha; hayi, neya

kubuye ithunyelwe kwakhona phezu koSirayeli.

19 Zonke izinto ezibahleleyo zi sisiqalo kuphela seentsizi eziya kuza phezu kwabo.

20 Kwaye ngaphandle kokuba loo mihla iya kunqanyulwa, akuyi kubakho nanye inyama yabo eya kusindiswa; kodwa ngenxa yaba nyuliweyo, ngokominqophiso, loo mihla iya kunqanyulwa.

21 Qaphelani, ndithethe ezi zinto kuni ngokunxulumene nama Yuda; kwaye kwakhona, emva kwembandezelo yaloo mihla eya kuza phezu kweYerusalem xa na wuphina umntu eya kuthi kuni, Yabona, uKrestu ulapha, okanye phaya, sanukumkholelwa;

22 Kuba ngaloo mihla kuya kuvela kanjalo ooKrestu ababu buxoki, nabaprofeti ababubuxoki, kwaye baya kubonisa imiqondiso emikhulu nemimangaliso, ngokokude, ukuba, bekunokwenzeka, baya kukhohlisa kanye abanyuliweyo, abo banyuliweyo ngokomnqophiso.

23 Qaphelani, ndithetha ezi zinto kuni ngenxa “yabanyuliweyo; kwaye niya kuva kanjalo <sup>b</sup>iimfa zwe, namarhe eemfazwe; bonani ukuba anikhathazeki, kuba konke endinixelete kona kumele ukwenzeka; kodwa isiphelo asikafiki.

24 Qaphelani, ndinixelete ngaphambili;

25 Ngako oko, ukuba baya kuthi kuni: Qaphelani, usentlango;

10a I&M 45:27.

12a Dan. 12:11.

<sup>b</sup> I<sub>KZ</sub> Daniyeli.

c I<sub>KZ</sub> Yerusalem.

d I&M 101:22–25.

13a I&M 133:13.

16a Luka 23:29–30.

18a I<sub>KZ</sub> MaYuda.

b Zek. 12; 14:1–5.

23a I<sub>KZ</sub> Banyulwa.

<sup>b</sup> I&M 45:26.

ningayi phambili: Qaphelani, use-magumbini angasese; ningaku-kholelwa;

26 Kuba njengoko ukukhanya kwentsasa kusiza kuphuma “empumalanga, kuze kukhanye nkqu ukuya entshonalanga, kuze kugubungele wonke umhlaba, ke kuya kuba kanjalo ukuza koNyana woMntu.

27 Kwaye ngoku ndinibonisa umzekelo. Qaphelani, apho suku-ba sikhona isidumbu, aya kuhlanganisana khona amaxhalanga; ke kungokunjalo abanyulwa bam baya “kuhlanganisana ukusuka kwiimbombo zone zomhlaba.

28 Kwaye baya kuva iimfazwe, namarhe eemfazwe.

29 Qaphelani ndithetha ngenxa yabanyulwa bam; kuba isizwe siya kuvukela ngokuchasene ne-sizwe, nobukumkani ngokuchasene nobukumkane; kuya kubakho “iindlala, noobhubhane, neenyikima, kwiindawo ezahlukeneyo.

30 Kwaye kwakhona, ngenxa yokuba ubugwenxa buya kuba buninzi, uthando lwabaninzi luya kuba nokugodolo; kodwa lowo ungayi koyiswa, onjalo uya kusindiswa.

31 Kwaye kwakhona, le Vangeli yoBukumkani iya kushunyaye-lwa kulo lonke “ihlabathi, ngenxa yobungqina kuzo zonke izizwe, kwaye ngoko kuya kufika isiphe-lo, okanye intshabalalo yabakho-hlakeleyo;

32 Kwaye kwakhona liya kuzali-sekiswa, isikizi lesiphanziso, athe-the ngalo uDaniyeli umprofeti.

33 Kwaye kamsinya emva kwe-mbandezelo yaloo mihla, “ilanga liya kuba mnyama, nenyanga ayi-sayi kunika ukukhanya kwayo, neenkwenkwezi ziya kuwa ezu-lwini, namandla ezulu aya kuza-nayazanyiswa.

34 Inene, ndithi kuni, esi sizuku-lwana, ezi zinto ziya kuboniswa ngaphambili kuso, asiyi kudlula kude kube konke endinixelete kona kuya kuzaliseka.

35 Nangona, imihla iya kufika, izulu nomhlaba ziya kudlula; ibe “amazwi am angayi kudlula, ko-dwa onke aya kuzalisekiswa.

36 Kwaye, njengoko ndatsho-yo ngaphambili, emva “kwemba-ndezelo yaloo mihla, namandla amazulu aya kuzanyazanyiswa, ngoko kuya kubonakala umqo-ndiso woNyana woMntu ezu-lwini, kwaye ngoko zonke izizwe zomhlaba ziya kuzila; kwaye ziya kumbona uNyana woMntu <sup>b</sup>esiza esemafini asezulwini, ngamandla nobuqaqawuli obukhulu;

37 Kwaye lowo uwalondolozayo “amazwi am, akayi kukhohliswa, kuba uNyana woMntu uya kuza, kwaye uya kuthumela <sup>b</sup>iingelosi zakhe phambi kwakhe ngesandi esikhulu sexilongo, kwaye baya “kuhlanganisela kunye intsala yabanyulwa bakhe ukususela

26a Hez. 43:2.

27a I<sub>KZ</sub> Sirayeli—Ukuhlanganisawa kukaSirayeli.

29a I&M 43:24–25.

31a Mat. 28:19–20.

33a Yow. 2:10;

I&M 29:14.

35a I&M 1:38.

36a JS—Mateyu 1:18.

b I<sub>KZ</sub> KuBuya kwesibini

kukaYesu Krestu.

37a I<sub>KZ</sub> Zibhalo.

<sup>b</sup> I&M 29:11–15.

c I<sub>KZ</sub> Sirayeli—Ukuhlanganisawa kukaSirayeli.

kwimimoya yomine, ukususela kwesinye isiphelo sezulu kuye kwesinye.

38 Ngoku fundani umzekeliso “womthi womkhiwane—Xa amasebe awo esathambile, lize liqalise ukuhluma amaggabi, niyazi ukuba likufuphi ihlobo;

39 Ngokunjalo, abanyulwa bam, xa beya kubona zonke ezi zinto, baya kwazi ukuba ukufuphi, nkqu eminyangweni;

40 Kodwa okwaloo mhla, nelixa, akukho bani “waziyo; hayi, ingezizo neengelosi zikaThixo ezisezulwini, kodwa kuphela nguBawo.

41 Kodwa njengoko kwakunjalo ngemihla “kaNowa, kuya kubanjalo ekuzeni koNyana woMntu;

42 Kuba kuya kuba kunye nabo, njengoko kwakunjalo ngemihla eyayingaphambili “konogumbe; kwada kwaba ngumhla uNowa awangena ngawo emkhombeni kuba babesitya kwaye besela, betshatisela kwaye benikela ekutshatiseni;

43 Kwaye abazange bazi wada unogumbe wafika, kwaye wabatshabalalisa bonke; ke kuya kuba njalo ukaza koNyana woMntu.

44 Ngoko kuya kuzaliseka oko kubhaliweyo, okokuba “ngemihla yokugqibela, ababini baya kuba sentsimini, omnye uya kuthatyathwa, aze omnye <sup>b</sup>ashiywe;

45 Ababini baya kube besila endlwini yokusilela, omnye uya kuthatyathwa, aze omnye ashiewe;

46 Kwaye oko ndikuthetha komnye, ndikuthetha kubo bonke abantu; <sup>a</sup>lindani, ke ngoko, kuba anilazi iliha iNkosi yenu eya kufika ngalo.

47 Kodwa yazini oku, ukuba ebésazi umnininindlu ukuba isela liza ngowuphi na umlindo wobusu, ange elindile, aze angayekeleli ukuba indlu yakhe igqojozwe, kodwa ange elungile.

48 Ke ngoko yibani nilungile nani, kuba uNyana woMntu uza ngelixa eningalikhumbuleliyo.

49 Ngubani na, ngoko, umkhonzi “othembekileyo nolumkileyo, eyathi inkosi yakhe yamenza umlawuli phezu kwabendlu yayo, ukuze abanike ukudla ngexesha elifanelekileyo?

50 Unoyolo loo mkhonzi iya kuthi inkosi yakhe, yakufika, imfumane esenjenjalo; kwaye inene ndithi kuni, iya kumenza umlawuli phezu kwayo yonke impahla yayo.

51 Kodwa ukuba loo mkhonzi ukhohlakeleyo uya kuthi entliziyweni yakhe: Inkosi yam “ikulibazisile ukaza kwayo,

52 Aze aqale ukubabetha abakhonza kunye naye, aze adle kwaye asele nabanxilayo,

53 Inkosi yaloo mkhonzi iya

38a I&M 35:16.

40a I&M 39:20–21; 49:7.

41a Gen. 6:5.

42a 1<sup>c</sup>Z Nogumbe

ngexesha likaNowa.

44a 1<sup>c</sup>Z Mihla  
yokuGqibela.

b Zek. 13:8.

46a 1<sup>c</sup>Z Linda, Mlindi.

49a 1<sup>c</sup>Z Themba.

51a I&M 45:26.

kufika ngomhla angawukhangeleyo, nangelixa angaliqondanga,

54 Kwaye iya kumsika kubini, izi imisele isabelo sakhe nabahananisi; khona apha kuya kubakho ukulila “nokutshixiza kwamazinyo.

55 Kwaye ke siza njalo “isiphelo sabakhohlakeleyo, ngokunxulu-mene nesiprofetho sikaMoses, esithi: Baya kusikelwa ngaphandle basuke phakathi kwabantu bam; kanti ke isiphelo somhlaba asikabikho, kodwa kancinci kancinci.

---

54a Mat. 8:12.

55a 2 Nif. 30:10;

I&M 1:9–10; 29:17.

I&Z Hlabathi/Lizwe—

Isiphelo sehlabathi.

# IMBALI—KAJOSEPH SMITH

IZICATSHULWA EZISUKA KWIMBALI  
KAJOSEPH SMITH, UMPROFETI

*UJoseph Smith ubalisa ngomlibo wa-khe, amalungu osapho, nangeendawo zabo zokuhlala ekuqaleni—Umdla ongaqhelekanga ngonqulo wabakho kakhulu jikelele entshona yeNew York—Uzimisela ukufuna ubulu-mko njengoko kolathwe nguYakobi—Uyise noNyana bayabonakala, kwaye uJoseph ubizelwa ebufundisini bakhe bobuprofeti. (Iivesi 1–20.)*

**N**GOKWESIPHUMO see-Ngxelo ezininzi ezazisasezeka ezazisasazekiswa ngabantu abazimisele ukwenza ububi nabonobutshinga, ngokuphathalele “ekubumbekeni nokuqhubela phambili”<sup>a</sup> kweBandla likaYesu Krestu labaNgcwele beMihla yokuGqibela, konke okwazo kwa-kuyilwe ngabenzi bazo ekuchaseni udumo lwalo njengeBandla nenkqubela phambili yalo ehlabathini—Ndithundezeleke ekubhaleni le mbali, ndikhanyisele ingqondo yabantu jikele, ndize ndibeke bonke abafuni benyaniso baqonde okuyinene, njengoko kwakwenzekile, ngokuphathelele kunye esiqwini sam naseBandle-ni, njengoko ndandinolwazi lokwenene olunjalo.

2 Kule mbali ndiza kuzisa izehlo

ezahluka-hlukeneyo ngokunxulumene neli Bandla, kwinyani nasebulungiseni, njengoko zenzeka, okanye njengoko ngexesha langoku zikho, nokuba ngoku [ngowe-1838] ingunyaka wesi-bhozo ukususela “ekwakhiweni kweBandla elixeliwego.

3 <sup>a</sup>Ndazalwa ngonyaka weNkosi yethu wewaka elinamakhulu asibhozo anesihlanu, ngomhla wamashumi amabini anesithathu kaDisemba, kwidolophu iSharon, eWindsor khawunti, kwiSteyti saseVermont. . . Utata wam, <sup>b</sup>uJoseph Smith, Omkhulu, we-mka kwiSteyti saseVermont, waza waya ePalmyra, eOntario (ngoku eyiWayne) khawunti, kwiSteyti saseNew York, xa ndandikunya-ka wam weshumi, okanye mayela apho. Mayela neminyaka emine emva kokufika kukatata wam ePalmyra, wafuduka kunye nosapho lwakhe esiya eManchester kwa kwikhawunti yaseOntario—

4 Usapho lwakhe olwalunemiphefumlo elishumi elinanye, ebi-zwa ngokuba, “nguJoseph Smith, utata wam; <sup>b</sup>umama wam, uLucy Smith (ogama lakhe, ngaphambi komtshato wakhe, lalinguMack, intombi kaSolomon Mack);

1 <sup>a</sup>I&Z Buyiselo  
lweVangeli.

<sup>b</sup>I&Z Bandla  
likaYesu Krestu  
labaNgcwele beMihla

yokuGqibela, I.

<sup>2a</sup>I&M 20:1.

<sup>3a</sup>I&Z Smith, Joseph,  
Omnci.

<sup>b</sup>2 Nif. 3:15.

<sup>4a</sup>I&Z Smith, Joseph,  
Omkhu.

<sup>b</sup>I&Z Smith, Lucy Mack.

abantakwethu, “uAlvin (owa-sweleka ngoNovemba ngowe-19, ngowe-1823, ekuma-26 eminya-ka ubudala bakhe),” “uHyrum, isiqu sam, “uSamuel Harrison, uWilliam, uDon Carlos; noodade wethu, uSophronia, uCatherine, noLucy.

5 Ngexesha elithile kunyaka wesibini emva kwemfuduko yethu eya eManchester, kwabakho kwindawo apho sasihlala khona umdra ongaqhelekanga kumcimbi wonqulo. Waqala ngamaWesile, kodwa ngokukhawuleza waba mkhulu phakathi kwawo onke amahlelo kuloo ngingqi yelizwe. Ngokwenene, ummandla wonke welizwe wabonakala uchukumisekile nguwo, menyambalala enkulu yazimanyela kumaqela ohlukaneyo onqulo, awuzange udale nencinci intshukumo ne-yantlukwano phakathi kwabantu, abanye bedanduluka, ““Yabona, apha!” nabanye, “Yabona, phaya!” Abanye babesunduzela inkolo yobuWesile, abanye eyobuPresbiteri, nabanye eyobuBhaptizi.

6 Kuba, nangona uthando olukulu abaguqukayo abalubonakalisayo kwezi nkolo zahlu-keneyo ngexesha lokuguqulwa kwabo, nenzondelelo enkulu eyabonakaliswa ngabefundisi bazo, ababekhuthele ekuvuseleleni nasekuxhaseni lo mbono unga-qhelekanga ngokugqithisileyo weemvakalelo zonqulo, ukuze babe nokuguqula wonke umntu,

njengoko babekholisekile kuku-wubiza ngokuthi, mabavunyelwe bazimanye nehlelo abakholiseke lulo; nangona xa abaguqukayo ba-qalisa ukuzahlula bemke, abanye kwiqela elinye, nabanye kweli-nye, kwabonakala ukuba ngoku-cacileyo iimvakalelo zabo kune ababingelei nabaguqukayo zazi-hanahanisa ngakumbi kunokuba zibe ziyinyani; kuba umbono wo-mbhodamo omkhulu neemvaka-lelo ezimbi zalandela—umbinge-leli esunduzana ngokuchasene nombingeleli, noguqulweyo ngo-kuchasene noguqulweyo; khona ukuze zonke iimvakelelo zabo ezimnandi omnye komnye, ukuba zakha zabakho, ziphele ngoku-pheleleyo “kunyukelwano lwama-zwi nokhuphiswano ngezimvo.

7 Ngeli xesha ndandikwiminya-ka yam yesumi elinesihlanu. Usapho lukatata wam lwalugu-qukela kwinkolo yobuPresbiteri, kwaye abane babo bazimanya neloo bandla, abangaba, uma-ma wam, uLucy; abantakwethu uHyrum noSamuel Harrison; no-dade wethu uSophronia.

8 Ngeli xesha lomdla omkhulu ingqondo yam yavuseleleka ngeengcinga ezimandla nexhala elikhulu; kodwa nangona iimvakalelo zam zazinzulu kwaye futhi zihlabu, nangona kunjalo ndazigci-na ndikude kuwo onke la maqela, nangona ndandibakho kwiintlanganiso zawo eziliqela kangango-kuba iimeko zazindivumela. Eku-

4c I&M 137:5–6.

d I&Z Smith, Hyrum.

e I&Z Smith, Samuel H.

5a Mat. 24:23.

6a I&Z Mbambano.

hambeni kwexesha ingqondo yam yaba ngendlela ethile nokukhetha ihlelo lobuWesile, ndaya ndeva umnqweno othile ekubeni ndimanyane kune nalo; kodwa suka waba mkhulu umbhodamo nembambano phakathi kwamahlelo ohlukahlukeneyo, kuba kwabanzima kumntu owayemtsha njengoba ndandinjalo, nowayengaqhelanga nabantu njalo nezinto, ukufika kuso nasiphina isiggibo esithile sokuba ngubani owayelungile nowayengalunganga.

9 Ingqondo yam ngamaxesha athile yayivuseleleka kakhulu, unkqangazo nesiphithiphithi njalo zazinkulu kwaye zingapheli. AmaPresbhiteri ayequiniseke ngo-kugqithisileyo ngokuchasene namaBhaptizi namaWesile, kwaye esebeanza onke amandla kune awengqiqo naweengxoxo zobugwenxa ukudandalazisa iziphoso zawo, okanye, obona buncinci, ukwenza abantu bacinge ukuba bakwisiphoso. Kwelinye icala, amaBhaptizi namaWesile ngokunjalo ayenenzondelelo elinganayo ekuzameni ukumisa ezizezawo iimfundiso kwaye angazivumeli zonke ezinye.

10 Esazulwini sayo le mfazwe yamazwi nesiphithiphithi sezmivo, ndathi futhi esiqwini sam: Yintoni emayenziwe? Leliphi kuwo wonke la maqela “elilungi-leyo; okanye, ingaba onke edibene akalunganga? Ukuba naliphi elinye lawo lilungile, leliphi, yaye ndiya kulazi njani?

11 Xa ndandibulaleka phantsi kweenzima ezigqithileyo ezasi-senziwa lukhuphiswano lwala maqela abanquli, ngenye imini ndandifunda iNcwadi kaYakobi, isahluko sokuqala nevesi yesihlanu, efundeka nje: *Ukuba ubani kuni uswele ubulumko, makacele kuThixo, onika bonke abantu engenakumbi, engangcikivi; kwaye ke wobunikwa.*

12 Akunge khe nasiphina isicatshulwa sezibhalo size ngamandla angakumbi entliziyweni yomntu kunokuba eso senzayo ngeli xesa kweyam. Sakhangeleka ngathi singena ngamandla amakhulu kuyo yonke imvakalelo yentli-ziyo yam. Ndacinga ngaso ndiphinda phinda, ndisazi okokuba ukuba nawuphina umntu ufune ubulumko kuThixo, ndandibufuna; okokuba ndenze kanjani ndandingazi, nje ngaphandle kokuba ndandinokufumana ubulumko obungakumbi kunobo ndandinabo ngoko, ndandingenakuze ndazi; kuba ootitshala bonqulo bamahlelo ohlukahlukeneyo “bab-eziqonda izicatshulwa zezibhalo ezifanayo ngokwahluke kakhulu khona ukuze batshabalalise konke ukuqiniseka ekulungiseni umbuzo ngokubhenela <sup>b</sup>eBhayibhileni.

13 Ethuben ni ndafikelela esigqiben iokuba ndimele ukuhlala emnyameni okanye nokokuba kumbhodamo, okanye ndimele ukwenza njengoko uYakobi ebonis, oko kukuthi, buza kuThixo. Mna ke ethuben ni ndafikelela

ekuzimiseleni ““ukuba kuThixo”, ndiqiba ekubeni ukuba wanika ubulumko kubo ababe-buswele, yaye enokunika enge-nakumbi, engangcikivi, ndibe no-kulinga.

14 Njalo, ngokuvumelana noku, ukuzimisela kwam ukuba ku-Thixo, ndaya ngasese ehlathini ukuze ndenze ilinge. Kwakunge-ntsasa yemini ezolileyo, entle, ekuqalekeni kwentwasahlobo yowamakhulu alishumi elinesibho-zo anamashumi amabini. Kwa-kulixesa lokuqala ebomini bam okokuba ndenze ilinge elinjalo, kuba phakathi kwamaxhala am onke bendingazange khe njalo ndenze ilinge “lokuthandaza nge-lizwi.

15 Emva kokuba ndaya ngase-se endaweni apha ngaphambili bendicebe ukuya kuyo, ndikha-ngele kumacala onke am, ndaza ndazifumana ndindedwa, nda-guqa phantsi kwaye ndaqalisa ukunikela phezulu iminqweno yentliziyi yam kuThixo. Ndandi-ngekenzi kuyaphi, xa ngokukha-wuleza ndathathwa ngamandla athile awandoyisa ngokuphele-leyo, ndaye ndanempembelelo enjalo emangalisayo phezu kwam ngokungathi ibopha ulwimi lwam ukuze ndingabinako ukuthetha. Ubumnyama obukhulu bahla-nganisana macala onke am, kwa-ye kwabonakala kum okwexesha

njengokungathi ndandigwetye-lwe kwintshabalalo yesiquphe.

16 Kodwa, ndisenza yonke imi-gudu yamandla am “ukubiza ku-Thixo andikhuphe ngaphandle kwamandla olu tshaba olunditha-bathileyo, kwaye kanye ngethuba xa ndandilungele ukuzikela eku-ncameni nasekushiyeleni isiqu sam kwintshabalalo—ingelulo uphanziso lwentelekelelo, kodwa emandleni esiqu esithile uqobo esivela kwilizwe elingabonakali-yo, esasinamandla anjalo ukuma-ngalisa endingazange ndaweva ngaphambili kuso nasiphina isiqu—kanye ngeli thuba loloyiko olukhulu, ndabona intsika <sup>b</sup>yo-mililo ngqo phezu kwentloko yam, engentla kokuqaqamba <sup>c</sup>kwela-nnga, eyehla ngokuthe chu yada yawela phezu kwam.

17 Njengoko yabonakala ndazi-fumana ndihlangulwa elutshaben-i elalindibophelele. Xa ukukhanya kwaphumla phezu kwam “ndabo-na <sup>b</sup>iZiqu ezibini, ezikuqaqamba kwazo ‘nobuqaqawuli kungenako konke ukuchazwa, zime ngentla kwam emoyeni. Esinye saso sa-thetha nam, sindibiza ngegama saye sathi, sisalatha kwesinye—*Lo <sup>d</sup>nguNyana Wam <sup>e</sup>oyiNtanda. Mveni Yena!*

18 Injongo yam ekuyeni “kuba za iNkosi yayikukwazi ukuba leliphi kuwo amahlelo elalilungile, uku-ze ndibe nokwazi emandizimanye

13a I&Z Mthandazo.

14a I&Z Mthandazo.

16a Moses 1:20.

<sup>b</sup> Izenzo 26:13.

<sup>c</sup> Isithy. 1:16.

17a I&Z Mbono.

<sup>b</sup> Izenzo 7:55–56;

Kol. 3:1.

I&Z Thixo, Ntloko

yoButhixo.

<sup>c</sup> I&Z Zuko.

<sup>d</sup> I&Z Yesu Krestu.

<sup>e</sup> Mat. 3:17; 17:5;

3 Nif. 11:7.

18a I&M 6:11; 46:7.

nalo. Kungephi ke ngoko, ndafumana ukuzilawula, njengoko ke ndibe nako ukuthetha, ndithe ndabuza iZiqu ezazimi ngentla kwam ekukhanyeni, leliphi kuwo onke amahlelo elalilungile (uku-ba ngeli xesha akuzange kunge-ne entliziyweni yam ukuba onke ayengalunganga)—nokuba leliphi emandizimanye nalo.

19 Ndaphendulwa ukuba mandingazimanyi nalinye kuwo, kuba “ayengalunganga onke; kwaye iZiqu ezathetha nam zathi okokuba onke amahlelo abo ayelisikizi emehlwani akhe; kuba loo mangqina onke ayonakale; kuba: “<sup>b</sup>asondele kum ngemilebe yabo, kanti <sup>c</sup>iintliziyi zabo zikude kum, afundisa iimfundiso <sup>d</sup>eziyimithetho yabantu, “enokumilisa kokuhlonela uthixo, ukanti aya-wakhanyela amandla ako.”

20 Kwakhona wandalela ukuba ndizimanye kunye naliphi elawo; nezinye izinto ezininzi awathi wazithetha kum, endingenako ukuzibhala ngeli xesha. Xa ndabu-yela ezingqondweni kwakhona, ndazifumana ndilele ngomqolo, ndijonge phezulu ezulwini. Xa ukukhanya kwemkayo, andizange ndibe namandla; kodwa kam-sinya ndaba sesingqondweni kwiqondo elithile, ndaya ekhaya. Ndaza njengokuba ndabambelela ezikweni lomlilo, umama wabu-za ukuba kwakusenzeka ntoni.

Ndaphendula, “Ungazihluphi, konke kuhle—ndiphile kakuhle ngokwaneleyo.” Ndathi ngoko kumama wam, “Ndizifundele ngokwam ukuba ubuPresbhiteri abuyiyo inene.” Kubonakala ngo-kungathi “utshaba lwaluthe qwa, ethubeni kanye lokuqala lobomi bam, ukuba bendithunyelwe ukubonakala ndingumphazami-si nomcaphukisi wobukumkani bakhe; okanye kutheni amandla obumnyama ayesiya kudibana ngokuchasene nam? Kutheni nije <sup>e</sup>iyimpikiswano nentshutshiso ezavuka ngokuchasene nam, phantse ebuntwaneni bam?

*Abanye abashumayeli namanye amangqina onqulo bayala ingxelo yoMbono woKuqala—Intshutshiso ifunjwe phezu koJoseph Smith—Ungqina ngobunyani bombono. (Iivesi 21–26.)*

21 Kwiintsuku ezithile emva koka-ba ndaba nalo “mbono, kwa-kwenzeke ekubeni ndibekho kunye nomye wabashumayeli bamaWesile, owayesebenza kwi-mvuselelo yonqulo ekukhankanyo olungaphambili; saye, si-nckola kunye naye ngomcimbi wonqulo, ndathabatha ithuba lokumnika ingxelo yombono endaba nawo. Ndothuka ngokuman-galisa kakhulu kwindlela yakhe yokuziphatha; akazange nije akuthathe ukuthetha kwam ngokulula kuphela, kodwa ngendelelo

19a IiNd. 14.

I <sub>K</sub>Z Krequo—Ukrequo  
lwebandla lamaKrestu  
akuqala.

b Isaya 29:13–14;

Hez. 33:30–31.

c I <sub>K</sub>Z Krequo—Ukrequo  
jikelele.  
d Tito 1:14; I&M 45:29.  
e II Tim. 3:5.

20a I <sub>K</sub>Z Mtyholi.

b 2 Nif. 2:11;  
I&M 58:2–4.

I <sub>K</sub>Z Bunzima.

21a I <sub>K</sub>Z Mbono woKuqala.

enkulu, esithi konke kwakuko-komtyholi, kuba kwakungekho zinto zinjalo ezinje <sup>b</sup>ngemibono ‘nezityhilelo ngale mihra; kuba ezo zinto zinjalo zathi zaphela kune nabapostile, nokokuba akusayi kuphinde kubekho naziphina ezazo.

22 Ndafumana kamsinya, nangona kunjalo, ukuba ukuxela kwam ibali kuvuselele umyinge omkhulu wentiyo phakathi kwamangqina onqulo ngokuchase-ne nam, kwaye yaba sisizathu “sentshutshiso enkulu, eyaqhubeka ukwanda; kwaye nangona <sup>b</sup>ndandiyinkwenkwe engaziwayo, kuphela ephakathi kweminya-ka elishumi elinesine neminyaka elishumi elinasihlanu ubudala, neemeiko zam zobomi ezinjalo zenze inkwenkwe engabaluleka-nga ehlabathini, kodwa amadoda ezinga eliphezulu abe nokuthatha umgqaliselo ukuvuselela ingqondo kawonke-wonke ngokuchase-ne nam, baze badale intshutshiso ekrakra; kwaye oku kwakuqhelle-kile phakathi kwavo onke amahlelo—onke amanyana ekutshutshiseni mna.

23 Kwandenza ngoko iingcinga ezimandla, kwaye rhoqo ukususela oko, kwakungamangalisa kakhulu njani okokuba inkwenkwe engaziwayo, engaphezulu kanci-nane rje kweminyaka elishumi elinesine ubudala, neny, kanja-lo, eyayigwetylwe kwimfuneko

yokuzuza isondlo esincinane ngo-msebenzi wayo wemihla ngemi-hla, ibe nokucingelwa njengomntu obalulekileyo ngokwaneleyo eku-tsaleni umdla wabakhulu bama-hlelo adume ngokugqithisileyo aloo mihra, nangendlela yokudala kuwo umoya wentshutshiso eyi-ye-yona ikrakra nenyelisayo. Kanti nangona kwakumangalisa okanye kungamangalisi, kwakunjalo ke, kwaye rhoqo yayisisizathu kum sosizi olukhulu.

24 Nangona kunjalo, kodwa ke yayiyinyani ukuba ndathi ndabona umbono. Ukususela ngoko ndathi ndacinga, okokuba ndaziva ngakumbi “njengoPawulos, xa wenza <sup>b</sup>ukhuselo lwakhe phambi koKumkani uAgripa, kwaye wabalisa ingxelo yombono awabanawo xa wabona ukukhanya, waza weva ilizwi; kodwa babesembalwa abamkholelwayo; abanye bathi wayenganyaniseka-nnga, abanye bathi wayephambene; kwaye kwaphoxiswa ngaye waza wanyeliswa. Kodwa konke oku akuzange kutshabalalise ubu-nyani bombono wakhe. Wayebone umbono, wazi ukuba waba nawo, kwaye yonke intshutshiso phantsi kwezulu ayizange ikwenze oko kube yenye into; kwaye nangona babeya kumtshutshisa kuye ekufeni, kanti wazi, kwaye eya kwazi kuye kumphefumlo wa-khe wokugqibela, okokuba wathi kunye wabona ukukhanya waza

21 <sup>b</sup> 1&Z Mbno.

<sup>c</sup> 1&Z Sityhilelo.

22a Yak. 5:10–11.

I &Z Ntshutshiso, Tshu-tshisa.

<sup>b</sup> I Sam. 16:7;

Alma 37:35.

24a 1&Z Pawulos.

<sup>b</sup> Izenzo 26.

weva ilizwi lithetha kuye, kwaye lonke ihlabathi lalingenako ukumenza acinge okanye akholelwegenye indlela.

25 Kwakunjalo ke nakum. Ndandikubonile ngokwenene ukukhanya, kwaye phakathi koko ukukhanya ndabona “iZiqu ezbini, kwaye ngokwenene zathizathetha nam; kwaye nangona ndandicatshukelwa kwaye nditshutshiswa ngokuthi ndandibone umbono, kanti kwakuyinyani; kwaye ngethuba ababenditshutsisa, bendinyelisa, kwaye bethetha zonke iintlobo zobubi ngokuchasene nam ngokuxoxa ngenxa yokutsho njalo, ndakhokelewa ekuthini entliziyweni yam: Kutheni nditshutshiswa ngokuthetha inyaniso? Ndiwubonile ngokwenene umbono; kwaye ndingubani mna okokuba ndinganako ukumelana noThixo, okanye kutheni ihlabathi licunga ukuba lingandenza ndiphike oko ndikubone ngokwenene? Kuba ndiwubonile umbono; ndakwazi oko, kwaye ndazi okokuba uThixo wakwazi oko, kwaye ndandingenako ‘ukukuphika, nabunganga bo-kwenza, noko ndazi okokuba ngokwenjenjalo ndandiya kukhubekisa uThixo, kwaye ndibe phantsi kwesigwebo.

26 Ngoku ndathi ndafumana ingqondo yam yonelisekile ngo-kwamahlelo ehlabathi ekuzixakekiseni kwawo—kuba yayingenguwo umsebenzi wam ukuzimanya

naliphina elawo, kodwa ndiqhubebike njengoko ndandinjalo ndide ndiyalelwengakumbi. Ndathi ndafumana “ubungqina buka-Yakobi buyinyani—ukuba ubani uswele ubulumko unokucela kuThixo, aze abuzuze, aze angangcikivi.

*UMoronayi ubonakala kuJoseph Smith—Igama likaJoseph liza kwaziwa ngokulungileyo nokubi phakathi kwazo zonke izizwe—UMoronayi umxelela ngeNcwadi kaMormoni nangemigwebo ezayo yeNkosi aze acaphule izibhalo ezininzi—Indawo efihle amacwecwe egolide iyatyhilwa—UMoronayi uqhubekaka eyalela uMprofeti. (livesi 27–54.)*

27 Ndaqhubeka ukuqhuba imisebenzi yam eqhelekileyo ebomini kwade kwaba ngowamashumi amabini ananye kaSeptember, ngo-wewaka elinamakhulu asibhozo anamashumi amabini anesithathu, lonke ixesha imbandezelenentshutshiso emandla ezandle-ni zazo zonke iindidi zabantu, kunye abenkolo nabangengabo abenkolo, ngenxa yokuba ndaqhubeka ukuqinisa okokuba ndibone umbono.

28 Kwisithuba sexesha elibe phakathi kwexesha ebendibone umbono nonyaka wamakhulu alishumi elinesibhozo anamashumi amabini anesithathu—ndithe ndalelwengakumbi naliphina elamahlelo enkolo emihla, nasekubeni ndandikwiminyaka eselula

25a M—JS 1:17.  
b I kZ Khaliphileyo,

Nkalipho;  
Mfezeko.

26a Yak. 1:5–7.

kakhulu, kwaye nditshutshiswe ngabo babemele ukuba babe ba-bengabahlobo bam kwaye babe-ndiphethe kakuhle, kwaye ukuba babendicingela ukuba ndilahlekisiwe bazame ngendlela eyiyo nenobubele bandisindise—nda-yekelwa kuzo zonke iintlobo “ze-zilingo; kwaye, ndixubana nazozonke zoluntu, ndawela kaninzi kwiimpazamo zobuyatha ezini-nzi, kwaye ndabonisa ubuthathaka bobutsha, nemikhwa yendalo yomntu; endilusizi, ukuyithetha, eyandikhokelela kwizilingo eza-hlukeneyo, ekhubekisayo emehlweni kaThixo. Ekwenzeni esi sivumo, akukho namnye ofuneka andithathe njengonetyala lazo naziphina izono ezikhulu okanye ezinobungozi. Isimilo sokwenza okunjalo sasingazange sibe sendal-weni Yam. Kodwa ndandinetyala lokuthatha lula izinto ezifanele ukuthatyathwa ngesidima, ndaye ngamanye amaxesha ndizidibani-se neqela labantu abonwabileyo, nje, ndiguquguquka kweso simo esimele ukugcinwa ngulowo <sup>b</sup>ubi-zwe nguThixo njengoko ndandijnalo. Kodwa oku akuyi kubonakala kumangalisa kakhulu kuye nawuphina okhumbula ubutshabam, aze abe uqhelene nesimilo sam esonwabileyo sendalo.

29 Ngesizathu sezi zinto, ndazi-va ndinetyala rhoqo ngenxa yobu-thathaka neziphako; xa, ngorha-tya lwamashumi amabini ananye

kaSeptemba olukhankanywe ngasentla, emva kokuba ndaya emandalalweni wam ebusuku, ndenza “umthandazo nesibongozo ku-Thixo uSomandla soxolelo Iwa-zo zonke izono zam nobuyatha, kananjalo nokubonakaliswa kum, ukuze ndibe nokwazi imeko yam nobume phambi kwakhe; kuba ndandinokuqiniseka okuzeleyo ekuzuzeni ukuzibonakalisa oku-nyulu, njengoko bendinako ngaphambili.

30 Ndisathandaza njalo kuThixo, ndabona ukukhanya kuvela egum-bini lam, okwathi kwaqhube ka ukukhula lada igumbi lakhanya ngaphezulu kunemini emaqanda, kwa oko kwavela “isiqu somntu ecaleni komandlalo wam, simi emoyer, kuba iinyawo zaso za-zingafikanga emgangathweni.

31 Sasinxibe isambatho esiwa-ku-waku “sinobumhlophe nobuhle obumangalasiyo. Yayibubu-mhlophe obungaphaya kwabo nabuphina emhlabeni endakha ndabubona; kwaye andikholwa ukuba ingakhona into emhlabeni enokwenziwa ikhangeleke inobumhlophe obugqithisleyo kangako nokubengezelala. Izandla zaso zazi ze, kwa neengalo zaso, kancina-ne entla kwezihlahlha; kananjalo, neenyawo zaso zazi ze, njengemilenze yaso, kancinane entla kwa-maqatha. Intloko yaso kwa ne-ntamo nazozazi ze. Ndabanako ukufumanisa ukuba sasingenazo

28a 1<sup>a</sup>Z Henda, Sihendo.  
b 1<sup>a</sup>Z Biza, Bizo, Bizwe  
nguThixo.

29a 1<sup>a</sup>Z Mthandazo.  
30a 1<sup>a</sup>Z Lingelosi;  
Moronayi, unyana

kaMormoni.  
31a Izenzo 10:30;  
1 Nif. 8:5; 3 Nif. 11:8.

ezinye izinxibo kuso ngaphandle nje kwesi sambatho, njengoko sasivulekile, ukuze ndibenako ukubona esifubeni saso.

32 Yayingesosambatho saso kuhphela esasimhlophe ngokugqithisileyo, kodwa nesiqu saso sonke “sasinobuqaqawuli obugqithisileyo obungaphaya kokuchazwa, kwaye imbonakalo yobuso baso okwenene ifana *b*nombane. Igu-mbi lalikhanya ngokugqithisileyo, kodwa lalingakhanyi kakhulu njengoko kwakhawuleza kwanjalo macala onke esiqu saso. Xa ndandiqala ukusijonga, *“ndandisoyika*; kodwa uloyiko lwakhawuleza lwemka kum.

33 Sandibiza “ngegama, saza sathi kum, sisithunywa esithunyelwe kum sivela ebusweni bukaThixo, nokokuba igama laso sasinguMoronayi; kuba uThixo wayenomsebenzi afuna ukuba ndiwenze; nokokuba igama lam liya kwaziwa ngokulungileyo nangobubi phakathi kwazo zonke izizwe, izalamane, neelwimi, okanye ukuze libe liya kuthethwa kunye ngokulungileyo nokubi phakathi kwabo bonke abantu.

34 Sathi kukho “incwadi eselugcinweni, ebhalwe phezu *b*kwamacwecwe egolide, enika ingxelo yabemi bamandulo beli lizwekazi,

nemvelaphi apho babephuma khona. Sathi kanjalo iVangeli yanaphakade ‘epheleleyo yayiqu-lathwe kuyo, njengoko yaziswa nguMsindisi kubemi bamandulo;

35 Kanjalo, okokuba kwaku-kho namatyne amabini kwizakhe-lo zesilivere—kwaye la matye, abotshelelwe “kwintsimbi eyingcina-sifuba, enza into ebizwa ngo-kuba *b*yiYurim neTumim—agcinnwe kunye namacwecwe; kwaye ukuba nawo, nokusetyenziswa kwala matye kwakuthetha oko konyulelwe “*iiMboni*” kumaxesh-a amandulo, nokuba uThixo wayewalungiselele zona ngenxa yenjongo yokuguqula incwadi.

36 Emva kokundixeleta ezi zinto, saqala ukucaphula iziprofetho “zeTestamente eNdala. Saqala sacaphula inxenyne *b*yehahluko sesithathu sikaMalaki; kwaye sacaphula kanjalo isahluko sesine okanye esokugqibela sesiprofetho esifanayo, nangona kwakungumahluko omncinane nje kwindlela esifundeka ngayo kwiiBhayibhile zethu. Endaweni yokucaphula ivesi yokuqala njengoko ifundeka kwiincwadi zethu, sayicaphula nje:

37 *Kuba yabona, iyeza “imini eya b’kuvutha njengeziko, kwaye bonke abakhukhumali, ewe, nabo bonke*

32a 3 Nif. 19:25.

*I*κΖ Zuko.

*b* Eks. 34:29–35;

Hil. 5:36; I&M 110:3.

*c* Eks. 3:6; Etere 3:6–8, 19.

33a Eks. 33:12, 17;

Isaya 45:3–4.

34a *I*κΖ Ncwadi kaMormoni.

*b* *I*κΖ Macwecwe egolide.

*c* *I*κΖ Buyiselo lweVangeli.

35a Lev. 8:8.

*I*κΖ Ziggcina-zifuba.

*b* Eks. 28:30.

*I*κΖ Yurim neTumim.

*c* *I*κΖ Mboni.

36a *I*κΖ Testamente eNdala.

*b* *I*κΖ Malaki.

37a *I*κΖ KuBuya kwesibini kukaYesu Krestu.

*b* 3 Nif. 25;

I&M 64:23–24.

*I*κΖ Hlabathi/Lizwe—Isiphelo sehlabathi; Mhlaba—Ukucocwa komhlaba.

*abenzi bokungendawo baya kutsha  
‘njengeendiza; kuba abo bezayo baya  
kubatshisa, itsho iNkosi yeMikhosi,  
okokuba ayisayi kubashiyela ngca-  
mbu nasebe.*

38 Kwaye kwakhona sacaphula ivesi yesihlanu nje: *Yabonani,  
ndiya kutyhila kuni “uBubingeleli  
ngesandla somprofeti “b'Eliya, pha-  
mbi kokuzza kwemini enkulu neyoyi-  
kekayo yeNkosi.*

39 Sacaphula kanjalo ivesi elan-  
ndelayo ngokwahluileyo: *Kwa-  
ye uya kutyala ezintliziyweni za-  
bantwana “izithembiso ezenziwa  
kooyise, kwaye iintlizyo zabantwa-  
na ziya “kubuyela kooyise. Ukuba  
bekungenjalo, umhlaba wonke ubuya  
kuphanziswa ngokupheleleyo ekuze-  
ni kwayo.*

40 Ekongezeni kwezi, sacaphula isahluko seshumi elinanye sikaisaya, sisithi okokuba kwakuseza kuzaliseka. Sacaphula kanjalo isahluko sesithathu seZenko, iivesi zamashumi amabini anesibini neyamashumi amabini anesithathu, ngokuchanekileyo njengoko zimi kwiTestimete eNtsha yethu. Sathi okokuba loo “mprofeti yayinguKrestu; kodwa imini yayingekafiki xa “abo babengaza-  
nge baliphulaphule ilizwi lakhe babeya “kusikelwa ngaphandle phakathi kwabantu,” kodwa kamsinya iya kuza.

41 Sacaphula kanjalo isahluko

“sesibini sika Yoweli, ukususela kwivesi yamashumi amabini anesibhozo ukuya kweyokugqibela. Sathi kanjalo okokuba oku akukathi kuzaliseke, kodwa kamsinya kuya kubanjalo. Kwaye sachaza ngakumbi okokuba ukuzaliseki-swa “kweeNtlanga kamsinya kuza kungena. Sacaphula eminye imihlathi emirinzi yezibhalo, kwaye sanika iinkcazeloz ezininzi ezingenako ukukhankanywa apha.

42 Kwakhona, sandixeleta, okokuba xa ndiwafumana loo macwecwe sithethe ngawo—kuba ilixa lokuba ndiwazuze alikazali-seki—andifanelanga kuwabonisa nawuphina umntu; nayo intsimbi eyingcina-sifuba eneYurim neTumim; kuphela nje kwabo endiya kuyalelwa ukuba ndibabonise; ukuba ndenze njalo ndiya kutshataliswa. Ngeli lixa sasincokola nam malunga namacwecwe, kwavuleka umbono “engqondweni Yam ukuze ndiyibone indawo apho amacwecwe ayegcinwe kuyo, yaye icace ngokupheleleyo nangokwahluileyo kangangoku-  
ba ndayazi indawo kwakhona xa ndayindwendwela.

43 Emva kolu qhagamishelwa-  
no, ndabona ukukhanya egum-  
bini kusiya kuqokelelana ngo-  
kukhawuleza macala onke akhe  
umntu owayethetha nam, kwaye  
kwaqhubeaka ukwenzeka njalo,

37c Nahum 1:8–10;

1 Nif. 22:15, 23;

2 Nif. 26:4–6;

I&M 29:9.

38a I&Z Bubingeleli;

Zitshixo zoBubingeleli.

b I&M 27:9; 110:13–16.

I&Z Eliya.

39a Gal. 3:8, 19.

b I&Z Mlibo;

Sindiso lwabafileyo.

40a Dut. 18:15–19.

b 3 Nif. 20:23; 21:20.

41a Izenzo 2:16–21.

b Rom. 11:11–25;

I&M 88:84.

I&Z Ntlanga.

42a I&Z Ngqondo.

lada igumbi lasala limnyama kwakhona, ngaphandle nje emacaleni onke akhe; xa, kwathi ngephanyazo ndabona, ngokungathi, kuvuleka umjelo ngqo ezulwini, waye wenyuka Wade waya uphela, laza igumbi lasala linjengoko belinjalo ngaphambi kokuba oku kukhanya kwasezulwini kwenze imbonakalo yako.

44 Ndalala apho ndicinga ngesi sehlo sikhethekileyo, ndaye ndimangalisiwe kakhulu ngedikuxelelwé sesi sithunywa singaqhelekanga; xa, ndiphakathi “ezingcingeni zam, ngesaqhuphe ndafumanisa okokuba igumbi lam kwakhona laliqalisa ukukhanyiswa, kwaza ngephanyazo, kwasangathi, kwasona eso sithunywa sasezulwini kwakhona sasisecale ni komandlalo wam.

45 Saqlisa, saza kwakhona sengceleza kwa izinto njengoko besenzile kutelelo lwaso lokuqala, kungekho nowona mncinane umahluko; sithe ekubenii senze njalo, sandazisa ngezigwebo ezhkhulu ezazisiza phezu komhlabba, ngokuphanziswa okukhulu ngendlala, ikrele, nobhubhane; nokokuba ezi zigwebo zihlungisayo ziya kuza emhlabeni kwesi sizukulwana. Sakuba sizicengcelezile ezi zinto, saphinda sanyuka njengoko besenzile ngaphambili.

46 Ngesi sihlandlo, lwalunzulu kakhulu uluwo olwaba sengqondweni yam, bade babaleka ubuthongo emehlweni am, ndaza

ndalala ndonganyelwe kuku-khwankqiseka koko ndathi kune ndakubona kwaye ndakuva. Kodwa oko kwaba ngummangaliso kum xa kwakhona ndabona kwa isithunywa ecaleni komandlalo wam, kwaye ndasiva sibalisaa okanye sindiphinda-phindela kwa izinto njengaphambili; saza songeza isilumkiso kum, sindixeleta okokuba “uSathana uya kuzama <sup>b</sup>ukundihenda (ngenxa yeemeko zobuhlwempu bosa-pho lukabawo), ukuba ndizuze amacwecwe ngenjongo yokuzuza ubutyebi. Sandalela ukukwenza oku, sisithi okokuba maze ndingabi nenye injongo elawulayo eku-zuzeni amacwecwe ngaphandle kokuzukisa uThixo, kwaye maze ndingaphenjelelwá nasesiphina “isizathu ngaphandle kokwakha ubukumkani bakhe; kungenjalo andiyi kuwafumana.

47 Emva kolu tyelelo lwesthathu, saphinda kwakhona sanyukela ezulwini njengangaphambili, ndaza kwakhona ndasala ndizikisa ukucinga ngokunga-qheleki koko bekusandula ukundehella; xa phantse ngequbuliso emva kokuba isithunywa sasezulwini sathi senyuka ukusuka kum isihlandlo sesithathu, yakhala inku-ku, ndaza ndafumanisa okokuba kuza ukusa, ngako oko ingxoxo yethu makube yathatha bonke obo busuku.

48 Kufutshane emva koko ndaphakama kumandlalo wam,

<sup>44a</sup> I&Z Guquguqula.

<sup>46a</sup> I&Z Mtyholi.

<sup>b</sup> I&Z Henda, Sihendo.

<sup>c</sup> I&M 121:37.

ndaza, njengesiqhelo, ndaya kwe-nza imisebenzi yemini eyimfuneko; kodwa ekuzameni ukusebenza njengamanye amaxesha, ndazifumana ndiphelelwe ngamandla ngokokude ndingabinako ukwe-nza nantoni na. Ubawo, owayese-benza ecaleni kwam, waphawula okokuba kukho okungalunganga kum, waza wandiyalela ukuba ndigoduke. Ndaqalisu ndinenjongo yokuya endlwini; kodwa, ekuzameni ukunqumla umbiye-lo ndiphuma entsimini apho sa-sikhona, amandla am aphela tu, ndaza ndawa emhlabeni ndinge-nakuzinceda, kwaye kangange-thutyanu ndandingekho zingqo-ndweni zayo nayiphina into.

49 Into yokuqala endinokuyi-khumbula yaba lilizwi lithetha nam, lindibiza ngegama. Ndakhangela phezulu, ndaza ndabona kwa isithunywa simi ngentla kwentloko yam, sijikelezwe ku-kukhanya njengangaphambili. Sapinda ke sacengceleza konke esibe sikucengceleze kum kubusuku obudlulileyo, kwaye sandiyalela ukuba ndiye “kubawo kwaye ndimchazele ngombono nemiyalelo endithe ndayifumana.

50 Ndathobel; ndabuyela kuba-wo entsimini, ndaze ndambalisela wonke umxholo. Wandiphendula ngokuthi kokukaThixo, waza wandixeleta ukuba mandihambe kwaye ndenze njengoko ndiya-lelwe sisithunywa. Ndayishiya

intsimi, kwaye ndaya kuyo inda-wo isithunywa ebèsindixelete ukuba amacwecwe agcinwe kuyo; kwaye ngenxa yokucaca kombo-no endandinawo ngayo, ndaya-zì indawo kwangoko nje ukuba ndifike kuyo.

51 Kufuphi nedolophana yase-Manchester, eOntario khawunti, eNew York, kumi “induli enku-lu ngokomlinganiselo, neyona iphakamileyo ngaphezu kwayo nayiphina engingqini. Kwicala lasentshonalanga lale nduli, kungekude nencopho, phantsi kwe-licitye elikhulu ngomlinganiselo, kwakulele amacwecwe, egcinwe kwityesi yelitye. Eli litye lalingqi-ngqwa kwaye lingqukuva ku-mbindi okwicala elingaphezulu, kwaye linokuncipha ukuya emiphethweni, ukuze umbindi walo ubonakale ngaphezu komhlaba, kodwa umphetho macala onke wawugqunyelelwe ngumhlaba.

52 Ekubeni ndiwususile umhla-ba, ndafumana isixhathiso soku-nqika, endasifaka ngaphantsi komphetho welitye, ndaza ngo-kusebenzisa amandla nje kancina-ne ndaliphakamisa. Ndakhange-la ngaphakathi, ndaza ndabona khona apho ngokwenene “ama-cwecwe,”<sup>a</sup> iYurim neTumim,<sup>b</sup> ne-ntsibi eyingcina-sifuba, njengo-ko kwakuchaziwe sisithunywa. Ityesi leyo zazilele kuyo yaya-kiwe ngokulalisa amatye kunye ngokohlobo oluthile lwesamente.

49a 1<sup>st</sup> Z Smith, Joseph, Omkhu.  
51a 1<sup>st</sup> Nduli, yeKhumora.

52a Morm. 6:6.  
1<sup>st</sup> Z Macwecwe egolide.  
b 1<sup>st</sup> Yurim neTumim.

c 1<sup>st</sup> Ziccina-zifuba.

Kumphantsi wetyesi kwakulalisiwe amatye amabini exwesisiwe etyesini, kwaye kula matye kwa-kulele amacwecwe nezinye izinto kunye nawo.

53 Ndenza inzame yokokuba ndiwakhuphe, kodwa sandalela isithunywa, ndaza kwakhona ndazisa okokuba lalingekezi ilixa lokuwazisa ngaphambili, lingekazi kufika, kude kube yiminya-ka emine ukusuka ngelo xesha; kodwa sandixeleta okokuba kuya kufuneka ndize kuloo ndawo kanye ngqo emva konyaka ukusuka kwelo lixa, nokokuba siya kudibana nam aphi, nokokuba kufuneka ndiqhubekе ndisenza njalo lide lifike ilixa lokuzuza amacwecwe.

54 Ngokunxulumene, njengoko ndandiyalelwе, ndaya ekupheleni konyaka ngamnye, kwaye ngexesha ngalinye ndasifumana kwa isithunywa esinye silapho, kwaye ndizuze umyalelo nengqiqo kuso kwindibano ngazinye zethu, ndihilonela oko iNkosi ya-yiza kukwenza, nakanjani na nangaluphina uhlobo "ubukumkani bayo obabuza kuqhutya ngalo kwimihla yokugqibela.

*UJoseph Smith utshata uEmma Hale—Ufumana amacwecwe egolide kuMoronayi aze aguqulele abanyeabantu—UMartin Harris ubonisaabantu noguqulelo kuNjinga-lwazi uAnthon, othi, "Andinako ukufunda incwadi etywiniweyo."* (Ivesi 55–65.)

55 Njengokuba iimeko zikabawo zazinqongophele kakhulu, sasiphantsi kokunyanzeleka kokusebenza ngezandla zethu, siqeshelwa umsebenzi wosuku nangezinye iindlela, njengoko sasinako ukuzuza ithuba. Ngamanye amaxesha sasisekhaya, kwaye ngamanye amaxesha sibe ngapha nangapha, kwaye ngokuqhube ka sisebenza sasinedakala ukufumania isondlo esonwabisayo.

56 Ngonyaka yowe-1823 usapho lukabawo Iwafumana imbandazelo enkulu yokufa komntakwethu onguyena mdala, "uAlvin. Ngenyang kaOktobha, kowe-1825, ndaqeshwa linene elidala eligama linguJosiah Stoal, ehlala eChenango khawunti, kwiSteyti saseNew York. Wayeve into ethile yomgodi wesilivere owawuvulwe ngaBaphuthukezi eHarmony, eSusquehanna khawunti, kwiSteyti sasePennsylvania; kwaye wathi, ngaphambi koku ndiqesha kakkhe, wabe esomba, ukuze, uku- ba kuyenzeka, abhaqe umgodi. Emva kokuba ndahamba ukuya kuhlala naye, wandithabatha, kune nabanye babancedisi bakhe, ekubeni sombe umgodi wesilivere, aphi ndaqhubeka ndisebenza phantse inyanga, ngaphandle kwempumelelo kumzamo wethu, kwaye ekugqibeleni ndaphumelala ekuphembeleleni inene elidala lipheze ukuyomba. Kungoko kwavela ibali kanye eliqhelekileyo lokuba ndandingumombi wemali.

54a 1kZ Bukumkani bu-kaThixo okanye

Bukumkani bamaZulu.  
56a I&M 137:5–8.

57 Ngexesha njalo endandiqli-shiwe, ndandibhodisiwe kwa-Mnu. Isaac Hale, waloo ndawo; kulapho endabona umfazi wam okokuqala (intombi yakhe), “uEmma Hale. Ngowe-18 kuJanuwari, kowe-1827, sitshatile, ngethuba endandisaqeshiwe ekusebenzeleni uMnu. Stoal.

58 Ngenxa yokuqhubekeka kwam ndibanga ukuba ndathi ndabona umbono, “intshutshiso yabe isandilandela, kwaye usapho loyise womfazi wam Iwälukuchase kakhulu ngakumbi ukutshata kwethu. Ke ngoko, ndandiphantsi, kokunyanzeleka kokumsa kwenye indawo; ke sa-hamba saza satshatela endlwini yoMninimhlaba omkhulu uTarbill, eMzantsi Bainbridge, eChenango khawunti, eNew York. Ngo-kukhawuleza emva komtshato wam, ndemka kwaMnu. Stoal, ndaza ndaya kwelika bawo, ndaye ndalima kunye naye elo xesha lonyaka.

59 Ethubeni lafika ilixa lokuzuza amacwecwe, iYurim neTumim, nentsimbi eyingcina-sifuba. Ngomhla wamashumi amabini anesibini kaSeptemba, kowe waka elinamakhulu asibhozo anamashumi amabini anesixhenxe, ndakuba ndiyile njengesiqhelo ekupheleni komnye unyaka kwi-ndawo leyo ayegcinwe kuyo, kwa isithunywa esinye sasezulwini sawanikela kum nalo myalelo: okokuba aya kuba ngumthwalo wam;

okokuba ukuba ndithe ndaphulukana nawo ngokungakhathali, okanye nangaluphina uhlobo lwam “lokungabi nankathalo, ndiya kusikelwa ngaphandle, kodwa ke ukuba ndithe ndasebenzisa zonke iinzame zam <sup>b</sup>ukuwalondo-loza, side sona, isithunywa, size kuwaphuthuma, aya kukhuselwa.

60 Kwakamsinyane ndawufumanu unobangela wokuba ndizuze umyalelo ongqongqo kangako wokuba ndiwagcine ekuhuselekile, nokokuba kungani isithunywa sathi, ekubeni ndikwenzile oko kwakufuneka esandleni sam, siya kuwaphuthuma. Kuba kwa-kamsinyane nje ukuba kwaziwe ukuba ndinawo, kwathi kwase-tyenziswa awona mandla ngakumbi ukuwahlutha kum. Bonke ubuchule obabunokucingwa basetyenziswa ukuphumeza loo njongo. Intshutshiso yabakrakra ngakumbi kwaye yababuhlungu kunangaphambili, nezihlwele zazisoloko ziphaphile ukuze zibe nokuwahlutha kum ukuba knokwenzeka. Kodwa ngobulu-mko bukaThixo, ahlala ekuhuselekile ezandleni zam, ndada ngawo ndabe ndikuphumezile oko kwakufuneka esandleni sam. Xa, ngo-kwezicwangciso, isithunywa sasiwaphuthuma, ndawanikezelza kuso; kwaye aselugcinwени Iwaso kude kube yile mini, elusuku Iwesibini kuMeyi, iwaka elinamakhulu asibhozo namashumi amathathu anesibhozo.

57a 1<sup>KZ</sup> Smith, Emma Hale.  
58a 1<sup>KZ</sup> Ntshutshiso,

Tshutshisa.  
59a M—JS 1:42.

b 1<sup>KZ</sup> Zibhalo—Izibhalo emazilondolozwe.

61 Umdla, nangona kunjalo, wa-wusaqhubeka, namarhe kunye namalwimi awo aliwaka lonke ixesha esetyenziswa ekusasazeni ubuxoki ngosapho lukabawo, nangesiqu sam. Ükuba bendikunobalisa isiqingatha sewaka lenxenye yawo, besinokugcwalisa imiqulu. Intshutshiso, kunjalo nje, yaya inganyamezeleki kakhulu ndide ndibe phantsi kokunyanzeleka kokuba ndimke eManchester, kwaye ndihambe nomfazi wam siye eSusquehanna khawunti, kwiSteyti sasePennsylvania. Ngethuba ndilungiselela ukuqala—ndihlwempuzeke kakhulu, nentshutshiso ingamandla kakhulu phezu kwethu ngokokude kungabikho themba lokuba kungenzeka ukuba singaze sibe yenye into—phakathi ezimbandzelweni zethu safumana umhlobo olinene ogama “linguMartin Harris, oweza kuthi waza wasinika amashumi amahlanu edola ukusincedisa eluhambeni lwethu. Umnu. Harris wayengumhlali kwidolophana yasePalmyra, eWayne khawunti, kwiSteyti sase New York, kwaye engumfama ohloniphekileyo.

62 Ngolu ncedo lwexesha elifanelekileyo ndaba nako ukufikelela kwindawo endandisinya kuyo ePennsylvania; kwaye ngokukhawuleza emva kokufika kwam apho ndaqalisa ukukopa abalinganiswa emacwecweni. Ndakopa inani labo elithe vetshe, ndaze ngoncedo “lweYurim

neTumim ndaguqulela abanye babo, endakwenza phakathi kwe-xesha endafika endlwini kayise womfazi wam, ngenyanga kaDi-seba, noFebruwari olandelayo.

63 Kwixesha elithile kule nyanga kaFebruwari, uMnu. Martin Harris okhankanywe ngaphambili weza endaweni yethu, wafumana abalinganiswa endandibakope emacwecweni, waye wemka nabo ukuya kwisixeko saseNew York. Ngoko kwenzekwa ngokuphatellele kuye nabalinganiswa, ndicaphula kwingxelo eyiyeyakhe yeemeko, njengoko wazibalisyko kum emva kokuya kwakhe, eyainjengokulandelayo:

64 “Ndaya kwisixeko saseNew York, ndaze ndanikela iisimboli ezisetyenziswe elulwimini ebeziguqulelwe, noguqulelo Iwazo, kuNjingalwazi Charles Anthon, inene elidume ngeziphakamileyo zoncwadi. UNjingalwazi Anthon waxela ukuba uguqulelo lwaluchanekile, luchaneke ngakumbi kunalo naluphina alibone ngaphambili luguqulelwe luvela kwisiYiputa. Ndambonisa ngoko ke ezo zazingekaguqulewa, kwaye wathi zazisisiYiputa, isiKaledi, isiAsirya, nesiArabhu; kwaye wathi yayiziisimboli zolwimi eziyinyani. Wandinika isatifiketi, esinqinayo ebantwini basePalmyra okokuba yayiziisimboli eziyinyani, nokokuba uguqulelo lwezinjalo zazo eziguqulelwe kanjalo lwaluchanekile. Ndasithatha isatifiketi ndaza ndasifaka epokothweni

yam, kwaye kanye ndandishiya indlu, xa uMnu. Anthon wändibiza ndibuyele, waza wandibuza ukuba umfana wafumana njani okokuba apho kwakukho amacwecwe egolide kwindawo apho awafumana khona. Ndaphendula okokuba ingelosi kaThixo ityhile oko kuye.

65 "Wathi kum ngoko, 'Mandibone esoo satifiketi.' Ndasikhupha ngoko ke epokothweni yam ndaza ndamnika, xa wasithathayo waza wasikrazula saziziqwenga-na, esithi okokuba kwakungekho nto injalo ngoku njengolungise-lelo "lweengelosi, nokokuba xa bendiya kuzisa amacwecwe kuye ebeya kuwaguqulela. Ndamxelela ukuba inxenyen yamacwe-cwe <sup>b</sup>"yayitywiniwe, nokokuba ndandalelwé ukuba ndize nawo. Waphendula, 'Andinako ukufunda incwadi etywiniwego.' Ndamshiya ndaza ndaya kuGqirha Mitchell, owaqinisekisa oko uNjingga-wazi Anthon akuthethileyo ehlönipha zombini iisimboli zo-lwimi noguqulelo."

.....

*UOliver Cowdery usebenza njen-  
ngonobhala ekuguquleni iNcwadi  
kaMormoni—UJoseph no-Oliver  
bafumana uBubingeeli buka-Aron  
kuYohane uMbaptizi—Bayabha-  
ptizwa, bamiselwe baze bafumane  
umoya wesiprofetho. (ivesi 66–75.)*

66 Ngosuku lwesihlanu kuAprili, 1829, "uOliver Cowdery weza endlwini Yam, kude kube lelo xesa ndandingazange ndimbone. Wandicacisela ukuba ngenxa yokuba efundisa kwisikolo esikwingingqi apho ubawo wayehlala khona, nobawo engomnye wabo wabathumele esikolweni, weza kubhoda ixesha elithile endlwini yakhe, kwaye ngethuba usapho lwabalisa kuye iimeko zokufuma-na kwam amacwecwe, kwaye ngoko ke uze ukuzokwenza imibuzo kum.

67 Kwiintsuku ezimbini emva kokufika kukaMnu. Cowdery (kwakulolwe-7 likaAprili) ndaqalisa ukuguqulela iNcwadi ka-Mormoni, kwaye waqalisa ukubhalela mna.

.....

68 Saba siqhuba umsebenzi woguqulelo, xa, kwinyanga elan-delayo (uMeyi, 1829), sahamba ngosuku oluthile ehlathini ukuya kuthandaza nokubuza eNkosini ngokunxulumene "nobhaptizo <sup>b</sup>"noxolelo lwezono, esafumana zikhankanywe kuguqulelo lwanmacwecwe. Xa njalo sasibambe-ke, ekuthandazeni nasekubizeni eNkosini, "isithunywa esivela ezu-lwini sehla <sup>d</sup>"elifini lokukhanya, kwaye sibeke <sup>e</sup>"izandla zaso phezu kwethu, <sup>f</sup>sasimisela, sisithi:

69 Phezu kwenu zicaka zam

65a 1KZ Lingelosi.

<sup>b</sup> Isaya 29:11–12;

2 Nif. 27:10;

Etere 4:4–7.

66a 1KZ Cowdery, Oliver.

68a 1KZ Bhaptiza, Bhaptizo.

<sup>b</sup> 1KZ Xolelo lwezono.

<sup>c</sup> 1KZ Yohane

uMbaptizi.

<sup>d</sup> Num. 11:25;

Etere 2:4–5, 14;

I&M 34:7.

<sup>e</sup> V zoK 1:5.

1KZ Zandla, kubekwa kwe.

<sup>f</sup> 1KZ Gunya;  
Misela, Ummiselo.

*ezingabazalwana, egameni likaMesiya ndinikela “uBubingeleli buka-Aron, obuphethe izitshixo zolungiselelo lweengelosi, nezevangeli yenguuko, nezobhaptizo ngontywiliselo ukuze kuxolelwé izonó; kwaye oku akunakuze kuthatyathwe kwa-khona emhlabení, kude oonyana <sup>b</sup>bakaLevi banikela kwakhona umnikelo eNkosini besebulungiseni.*

70 Sathi obu Bubingeleli buka-Aron babungenamandla okubekela izandla “isipho soMoya oyiNgcwele, kodwa oku kuya kunikelwa kuthi ngexesha elizayo; kwaye sasiyalela ukuba sihambe size sibhaptizwe, kwaye sasinika imiyalelo okokuba ndiya kubhaptiza uOliver Cowdery, nokokuba emva koko uya kubhaptiza mna.

71 Sahamba ngoko ke kwaye sabhaptizwa. Ndambhaptiza kuqala, kwaze emva koko wabhaptiza mna—emva kokuba ndabeka izandla zam phezu kwentloko yakhe kwaye ndammisela kuBubingeleli buka-Aron, waza emva

koko wabeka izandla zakhe phezu kwam kwaye wandimisela kuBubingeleli obufanayo—kuba sasiyalelwé njalo.\*

72 Isithunywa esatyelelayo kwesti sehlo saza sanikela obu Bubingeleli phezu kwethu, sathi okukuba igama laso lalingu Yohane, kwa lowo ubizwa ngokuba “ngu-Yohane uMbhaptizi kwiTestamente eNtsha, nokokuba usebenze phantsi kolawulo <sup>b</sup>lukaPetros, <sup>c</sup>uYakobi <sup>d</sup>noYohane, ababephethe <sup>e</sup>izitshixo zoBubingeleli <sup>f</sup>buka-Melkitsedeke, uBubingeleli obo, awathi, buya kunikelwa kuthi ngexesha elifanekileyo nokokuba ndiya kubizwa <sup>g</sup>uMdala wokuqala weBandla, aze yena (uOliver Cowdery) owesibini. Kwakungomhla weshumi elinesihlanu ka-Meyi, 1829, xa sasimiselwa phantsi kwesandla sesi sithunywa, kwaye sibhaptizwa.

73 Ngokukhawuleza nje ekuphumeni kwethu ngaphandle kwamanzi, emva kokuba sibhaptiziwe,

\*UOliver Cowdery uchaza ezi zehlo nje: “Le yimihla engasayi kuze ilityalwe—uku-hlala phantsi kwesandi selizwi elaliyalelwé ngempembelelo yezulu, livuselela umbulolo wokugqibela wesi sifuba! Usuku emva kosuku ndaqhubeka, ndingaphazanyiswa, ndibhale okusuka emlonyeni wakhe, njengoko wayeguqulela ngeYurim neTumim, okanye, njengoko amaNifayithi ngewayethe, ‘Abatoliki,’ imbali okanye irekhodi ebizwa ‘iNcwadi kaMormoni.’

“Ukuqaphela, nkqu emagameni ambalwa, ingxelo enomdla enikwe nguMormoni no-nyana wakhe othembekileyo, uMoronayi, yabantu abakhe bathandeka kwaye bakhetheka ezulwini, oya kuthatha indawo eggithileyo kwinjongo yam; ke ngoko ndiya kwenza oku kwixesha elizayo, kwaye, njengoko ndathi kwintshayelelo, bhala ngqo ngakumbi nge-zehlo ezithile ezimbala ngokukhawuleza eziqhagamishelene nokuvuka kweli Bandla,

69a <sup>b</sup>Dut. 10:8;  
I&M 13; 124:39.

I<sup>c</sup>Z Levi—Isizwe  
sikaLevi.

70a I<sup>c</sup>Z Sipho soMoya

oyiNgcwele.  
72a I<sup>c</sup>Z Yohane  
uMbhaptizi.  
<sup>b</sup> I&M 27:12–13.  
I<sup>c</sup>Z Petros.  
<sup>c</sup> I<sup>c</sup>Z Yakobi, unyana  
kaZebhedi.

d I<sup>c</sup>Z Yohane, unyana  
kaZebhedi.  
<sup>e</sup> I<sup>c</sup>Z Zitshixo  
zoBubingeleli.  
<sup>f</sup> I<sup>c</sup>Z Bubingeleli  
bukaMelkitsedeke.  
<sup>g</sup> I<sup>c</sup>Z Mdala.

saxhamla iintsikelelo ezinkulu ne-zizukileyo kuBawo wethu oseZulwini. Kwakamsinyane nje ndathi ndabhpaptiza uOliver Cowdery, "uMoya oyiNgcwele wehla phezu kwakhe, kwaye wema waza <sup>b</sup>waprofetha izinto ezininzi eziya kwenzeka kufutshane nje. Kwaye kwakhona, kamsinyane nje ndathi ndabhpaptizwa nguye, kanjalo ndaba nomoya wesiprofetho, xa, ndandisima, ndaprofetha ngo-kunxulumene nokuvuka kwe-Bandla, nezinye izinto ezininzi ezaziqhagamishelene neBandla, nesi sizukulwana sabantwana bantu. Sasizaliswe ngoMoya oyi-Ngcwele, kwaye sagcoba kuThixo wosindiso lwethu.

74 Ilingqondo zethu ngoku za-zikhanyiselekile, saqalisa ukuba nezibhalo zibekwe zivulekile "ekuqondeni kwethu, kwaye <sup>b</sup>intsingiselo eyinyani nenjongo yezicatshulwa efihlakele ngakumbi zazo, zatyhilwa kuthi ngo-hlolo esasingazange sibe nokuba

nako ukulufikelela ngaphambili, nobesinokulucinga ngaphambili. Kwesi sithuba sasinyanzeleke ekugcineni iimeko zokufumana uBubingeleli ziylimfihlelo, noku-bhaptizwa kwethu, ngenxa yomoya wentshutshiso obusele uzibonakalisile engingqini.

75 Sathi soyiswa liqela lezaphuli mthetho, amaxesha ngamaxeshesa, kwaye kwakoku, nangabefundi-si benkolo. Kwaye iinjongo zabo zokusihlasela beliqela zazichaswa kuphela yimpembelelo yosapho loyise wenkosikazi yam (phantsi kwisibonelelo esiNyulu), olwa-thi lwanobubele obukhulu kum, kwaye lwaluchasiwe iqela lezaphuli-mthetho, kwaye lwaluzinikele ekubeni mandivunyelwe ndiqhube umsebenzi woguqu-lelo ngaphandle kokuphazanyiswa; lwaze ke ngoko lwazinikela kwaye lwasithembisa ukhusele-ko kuzo zonke izenzo ezingekho mthethweni, kangangoko lwa-lunako.

---

ezinokubavuyiswa abangamawaka abathile abathe banyathelela phambili, phakathi ko-fingo lweentshiyi lwabantu abaneenkani benkolo nezityholo zobuxoki zabahanahanisi, kwaye bamkela iVangeli kaKrestu.

"Akukho bantu, abakwiimvakalelo zeengqiqo zabo ezizolileyo, ababenako ukuguquulela baze babbhale imiyalelo eyayinikwe amaNifayithi kusuka emlonyeni woMsindisi, uhlobo oluchanekileyo abantu abamele ukwakha ngalo iBandla lakhe, nangokukhethekileyo xa ukonakala kwathi kwasasaza ukungaqiniseki phezu kwazo zonke iintloblo neendlela ezcwangcisiweyo ezenziwayo phakathi kwabantu, ngaphandle kokunqwenela ilinge elikhethekileyo lokubonisa ukuvuma kwentliziyi ngokugcwatylewa kwingcwaba la-manzi, ukuphendula 'isazela esilungileyo ngovuko lukaYesu Krestu.'

"Emva kokubhala ingxelo enikwe ngobufundisi boMsindisi kwintsalela yembewu kaYakobi, phezu kweli lizwekazi, kwakulula ukubonwa, njengoko umprofeti wathi kuya kubanjalo, okokuba ubumnyana bagubungela umhlaba nesithokothoko iingqondo zabantu. Ekucingeni ngakumbi kwakulula ukubonakala kuba phakathi kokruthruthano olukhulu nengxolo ngokwenkolo, nanye eyayinegunya elivelu kuThixo ekulungiseleleni imimiselo yeVangeli. Kuba umbuzo ubunokubuzwa, abantu banalo

<sup>73a</sup> 1<sup>KZ</sup> Moya oyiNgcwele.  
<sup>b</sup> 1<sup>KZ</sup> Profetha,

Siprofetho.  
74a 1<sup>KZ</sup> Qonda.

<sup>b</sup> Yoh. 16:13.

na igunya lokulungiselela egameni likaKrestu, abaziphikayo izityhilelo, xa ubungqina bakhe bungekho nganeno kunomoya wesiprofetho, kwaye inkolo yakhe yasekelwa, yakhiwa, yaza yaxhaswa ngezityhilelo zokuqala, kuyo yonke iminyaka yehlabathi xa wathi waba nabantu emhlabeni? Ukuba ezi nyani zazingcwatyewe, kwaye zifihlwego coselelo ngabantu ababuqhinga babo ngebuyingozi ukuba bathi bavunyelwa ukhanye ebusweni babantu, babungasekho kuthi; kwaye salindela kuphela ukuba umyalelo unikwe 'Sukume uze ubhaptizwe.'

"Oku kwakungekudala sikunqwenele phambi kokuba kuphunyezwe. INkosi, esisityebi ngenceba, kwaye soloko ifuna ukuphendula umthandazo ozingizayo wabathobekileyo, emva kokuba sabiza kuye ngohlobo oluzondeleleyo, ecaleni kwizindlu zabantu, yehla ukusibonisa intando yayo. Kamsinya, njengokungathi ivela phakathi kwephakade, ilizwi loMkhululi latetha uxolo kuthi, xa ikuhuelo lahlukaniswa nengelosi kaThixo yeza eza-nts'i vathiswe ngobuqaqawuli, yaza yahambisa umyalezo esasiwujonge ngokuxhalaba, nezitshixo zeVangeli yenguquko. Hayi uvuyo! Hayi ummangaliso! hayi ukhwankqiso! Xa ihlabathi lalingcunguthekiswa kwaye liphazanyiswa—xa izigidi zaziphuthaphutha njengeemfama eludongeni, naxa bonke abantu babethembe ilize, njengabaninzi jikelele, améhlo ethu abona, iindlebe zethu zeva, ngokungathi kuse 'ukhanyeni kwemini'; ewe, ngaphezulu—kokuqaqamba komtha welanga likaMeyi, othi ngoko unike ukuqaqamba kwavo phezu kobuso bendalo! Ngoko ke ilizwi layo, nangona lithambile, lagqboboza embindini, namazwi ayo, 'Ndisisicaka sakho esingumzalwana,' ndagxotha lonke uloyiko. Samamela, saqwalasela, sabuka! Yayililizwi lengelosi livela ebuqaqawulini, yayingumyalezo ovela koseNyangweni! Kwaye njengoko salivayo sagcoba, xa uthando Iwakhe lwavuselela imiphefumlo yethu, kwaye sasisongeleke kumbono kaSomandla! Laliphi igumbi lentandabuzo? Kwanti; ukungaquiniseki kwakusabile, intandabuzo yathi yazika ingasayi kuvuka kwhakona, ngethuba intsomi nenkohliso zisabe ngonaphakade!

"Kodwa, mizalwana othandekayo, cinga, cinga ngakumbi umzuzwana, olunjani uvuyo olwazalisa iintliziyi zethu, nangokumangaliseka okunani esanyanzeleka siqubude ngako, (kuba ngubani owayengenakuqubudela enjalo intsikelelo ngedolo?) xa sayifuman phantsi kwasandla sakhe uBubingelei obuNgcwele njengoko watshoyo, 'Phezu kwenu zicaka zam ezingabazalwana, egameni likaMesiya, ndinikela obu Bubingelei nelu gunya, eliya kuhlala phezu komhlaba, kuba ooNyana bakaLevi basenokunikela umnikelo eNkosini ebelungiseni!'

"Andisayi kuzama ukuqaba kuwe iimvakalelo zale ntliyi, nabuhle bunobungangamsha nobuqaqawuli obusingqongileyo ngesi seholo; kodwa uya kundikholelwa xa ndithi, umhlaba, nabantu, onobuciko bexesha, unako ukuqlisa ukunxibisa ulwimi ngohlobo olunomdla nangokuhlambuluke ngokugqithisileyo ngathi sesi siqu singcwele. Hayi; nalo mhlaba awunawo amandla okunika uvuyo, okunika uxolo, okanye uqiqe ubulumko obabuqlathwe kwisivakalisi ngasinye njengoko zazinikwa ngamandla oMoya oyiNgcwele! Uluntu lunokukhohliswa ngabantu abangabazalwana balo, inkohliso inokulandelwa yinkohliso, nabantwana bokhohlakeleyo banokuba namandla okuthundeza iziyatha nabangafundileyo lide ilize, kodwa intsomi yondle abaninzi, yaye isiqhamo sobuxoki sithwala kumsinga waso incilikithi kude kuye engcwaben; kodwa ngochukumiso olunye ngomnwe wothando Iwakhe, ewe, umtha omnye wobuqaqawuli obuvela kwilizwe elingentla, okanye ilizwi elinye elivelu emlonyeni woMsindisi, elivelu esifubeni sanaphakade, libetha zonke zingabi nto, kwaye likucima ngonaphakade engqondweni. Isiqinisekiso sokuba sasisbusweni bengelosi, kukuquiniseka okokuba seva ilizwi likaYesu, nenyano engangcolisekanga njengoko laliqukuqela livela kwisiq esinyulu, liyalelwu yintando kaThixo, kum lidlule ukuchazwa, kwaye ndiya kusoloko ndijonge imbonakalo yokulunga koMsindisi ngokumangaliseka nombulelo ngethuba endivunyelwe ukhhlala; nakwezoo ndawo zokuhlala apho ukugqibeleta kuhlala khona saye isono singenakuze size, ndithembu ukunqula ngaloo mini ingasayi kuze iphele"—Messenger and Advocate, (Umthunywa noMthetheleli), umqul 1(Oktobha 1834), amap. 14–16.

# IZIVUMO ZOKHOLO

ZEBANDLA LIKAYESU KRESTU  
LABANGCWELE BEMIHLA YOKUGQIBELA

**S**IKHOLELWA <sup>b</sup>kuThixo, uBawo na wanaPhakade, <sup>c</sup>nakuNya-na Wakhe, uYesu Krestu, <sup>d</sup>naku-Moya oyiNgcwele.

2 Sikhola wa ekubeni abantu baya kohlwayelwa <sup>a</sup>izonon ezezabo, kwaye ingabi <sup>b</sup>kukukreqa kuka-Adam.

3 Sikhola wa ekubeni <sup>a</sup>ngeNtla-wulelo kaKrestu, lonke uluntu <sup>b</sup>lunokusindiswa, <sup>c</sup>ngokuthobela <sup>d</sup>imithetho nemimiselo <sup>e</sup>yeVangeli.

4 Sikhola wa ekubeni imigaqo yokuqala nemimiselo <sup>a</sup>yeVangeli yile: okokuqala, <sup>b</sup>uKholo eNkosini uYesu Krestu; okwesibini, <sup>c</sup>uku-Guquka; okwesithathu, <sup>d</sup>uBhaptizo ngontywili selo <sup>e</sup>lokuxolelwa

kwezon; okwesine; ukuBeke-lwa <sup>f</sup>izandla <sup>g</sup>isiphoo soMoya oyi-Ngcwele.

5 Sikhola wa ekubeni indoda imelle <sup>a</sup>ukubizwa nguThixo <sup>b</sup>ngesiprofetho, nangokubekwa <sup>c</sup>kwezandla ngabo <sup>d</sup>basemagunyeni, ukuze <sup>e</sup>ishumayele iVangeli ize ilungi-selele <sup>f</sup>kwimimiselo yayo.

6 Sikholelwa kwa <sup>a</sup>kulungiselelo olwalukho kwiBandla laMandulo, ababizwa ngolu hlobo, <sup>b</sup>abapostile, <sup>c</sup>abaprofeti, <sup>d</sup>abelusi, abafundi-si, <sup>e</sup>abavangeli nanjalo-njalo.

7 Sikholelwa <sup>a</sup>kwisiphoo <sup>b</sup>seelwi-mi, <sup>c</sup>sokuprofetha, <sup>d</sup>sesityhilelo, <sup>e</sup>imibono, <sup>f</sup>ukuphilisa, <sup>g</sup>ukucaci-swa kweelwimi, na njalo-njalo.

<b>1</b>	<b>a</b> I <sup>c</sup> K Khola, Nkolo. <b>b</b> I <sup>c</sup> K Thixo, Ntloko yoButhixo—Thixo uBawo. <b>c</b> I <sup>c</sup> K Thixo, Ntloko yoButhixo—Thixo uNyana; Yesu Krestu. <b>d</b> I <sup>c</sup> K Moya oyiNgcwele; Thixo, Ntloko yoButhixo—Thixo uMoya oyiNgcwele. <b>2a</b> Dut. 24:16; Hez. 18:19–20. I <sup>c</sup> K Kuzikhethela; Kuziphendulela, Phendula, Yaziphendulela. <b>b</b> I <sup>c</sup> K Kuwa kuka-Adam noEva. <b>3a</b> I <sup>c</sup> K Hlawulela, Ntlawulelo. <b>b</b> Moz. 27:24–26;
----------	--

Moses 5:9. I <sup>c</sup> K Sindiso. <b>c</b> I <sup>c</sup> K Ntobeko, Thobekileyo, Thobela. <b>d</b> I <sup>c</sup> K Mtetho. <b>e</b> I <sup>c</sup> K Vangeli. <b>4a</b> I <sup>c</sup> K Mimiselo. <b>b</b> I <sup>c</sup> K Kholo. <b>c</b> I <sup>c</sup> K Guquka, Inguquko. <b>d</b> I <sup>c</sup> K Bhaptiza, Bhaptizo. <b>e</b> I <sup>c</sup> K Xolelo lwezon. <b>f</b> I <sup>c</sup> K Zandla, kubekwa kwe. <b>g</b> I <sup>c</sup> K Sipho soMoya oyiNgcwele. <b>5a</b> I <sup>c</sup> K Biza, Bizo, Bizwe nguThixo. <b>b</b> I <sup>c</sup> K Profetha, Siprofetho. <b>c</b> I <sup>c</sup> K Zandla, kubekwa kwe. <b>d</b> I <sup>c</sup> K Bubingelei; Gunya.
--

<b>e</b> I <sup>c</sup> K Shumayela. <b>f</b> Alma 13:8–16. <b>6a</b> I <sup>c</sup> K Lenene, imiqondiso yeBandla— Ukulungiselela iBandla. <b>b</b> I <sup>c</sup> K Mpostile. <b>c</b> I <sup>c</sup> K Mprofeti. <b>d</b> I <sup>c</sup> K Bhishophu. <b>e</b> I <sup>c</sup> K Mvangelis; Solusapho, Zikasolusapho. <b>7a</b> I <sup>c</sup> K Ziphoo zomoya. <b>b</b> I <sup>c</sup> K Lwimi, siphoo see. <b>c</b> I <sup>c</sup> K Profetha, Siprofetho. <b>d</b> I <sup>c</sup> K Sityhilelo. <b>e</b> I <sup>c</sup> K Mbano. <b>f</b> I <sup>c</sup> K Impiliso, Philisa. <b>g</b> I Kor. 12:10; Morm. 9:7–8.
--

8 Sikholwa ukuba “iBhayibhile ekubeni <sup>b</sup>lilizwi likaThixo njenoko iguqulelwe ‘ngokuchane-kileyo; kanjalo sikhola ukuba <sup>d</sup>iNcwadi kaMormoni ibe ililizwi likaThixo.

9 Sikholwa kuko konke <sup>a</sup>akutyhilileyo uThixo, konke akutyhila ngoku, kwaye sikhola ukuba usaya <sup>b</sup>kutyhila izinto ezininzi ezinkulu nezibalulekileyo ngokuphathelele eBukumkanini bukaThixo.

10 Sikoolelwa <sup>a</sup>ekuhlanganisweni nciam kukaSirayeli nasekubuyiselweni <sup>b</sup>kweZizwe eziLishumi; kuba <sup>c</sup>iZiyon (iYerusalem eNtsha) iya kwakhiwa phezu kwelizwekazi iAmerika; kuba uKrestu uya <sup>d</sup>kulawula ubuqu phezu komhlaba; nokuba, umhlaba uya <sup>e</sup>kwenziwa mtsha uze ufumane <sup>f</sup>ubuqaqawuli bawo <sup>g</sup>beparadesi.

11 Sibanga <sup>a</sup>ilungelo elilodwa lokunqula uThixo uSomandla <sup>b</sup>ngokolawulo <sup>c</sup>Iwesazela esisesethu,

size sivumele bonke abantu ilungelo elilodwa elikwafanayo, sibavumela <sup>d</sup>ukukhonza ngokuzikhethela, apho banokuzikhethela, okanye oko banokuzikhethela.

12 Sikholelwa ekubeni phantsi kwezikumkani, oomongameli, abalawuli, noomantyi, ngokuthobela, ukubeka, nokuxhasa <sup>e</sup>umthetho.

13 Sikholelwa <sup>a</sup>ekunyanisekeni, kwinene, <sup>b</sup>ebumsulweni, ekubeni nesisa, ekulungeni kanye, <sup>c</sup>nasekwenzensi ukulunga kubo bonke abantu; ngenene, sinokuthi okokuba silandela <sup>d</sup>isiyalo sikaPawulos—Sikholwa zizinto zonke, <sup>e</sup>sithemba iinto zonke, sinyamezele iinto ezininzi, size sithembe ekubeni nako <sup>f</sup>ukunyamezelia iinto zonke. Ukuba kukho nakuphina <sup>g</sup>ukulunga kanye, ubuhle, okanye ingxelo elungileyo okanye okuncomekayo, sifuna ezi zinto.

JOSEPH SMITH.

<i>8a</i> <sup>1</sup> κΖ Bhayibhile. <i>b</i> <sup>1</sup> κΖ Lizwi likaThixo. <i>c</i> 1 Nif. 13:20–40; 14:20–26. <i>d</i> <sup>1</sup> κΖ Ncwadi kaMormoni. <i>9a</i> <sup>1</sup> κΖ Sityhilelo. <i>b</i> Amos 3:7; I&M 121:26–33. <sup>1</sup> κΖ Zibhalo—Izibhalo ziprofetha ngokuza ngaphambili. <i>10a</i> Isaya 49:20–22; 60:4; 1 Nif. 19:16–17. <sup>1</sup> κΖ Sirayeli— Ukuhlanganiswa kukaSirayeli. <i>b</i> <sup>1</sup> κΖ Sirayeli—Izizwe	<i>ezilishumi</i> <i>ezilahlekileyo</i> <i>zikaSirayeli.</i> <i>c</i> Etere 13:2–11; I&M 45:66–67; 84:2–5; Moses 7:18. <i>d</i> <sup>1</sup> κΖ Mileniyam. <i>e</i> <sup>1</sup> κΖ Mhlaba— Ukucocwa komhlaba. <i>f</i> <sup>1</sup> κΖ Zuko. <i>g</i> UMZ. imeko enjengoMyezo wase-Eden; Isaya 11:6–9; 35; 51:1–3; 65:17–25; Hez. 36:35.	<sup>1</sup> κΖ Paradesi. <i>11a</i> I&M 134:1–11. <i>b</i> <sup>1</sup> κΖ Kuzikhethela. <i>c</i> <sup>1</sup> κΖ Sazela. <i>d</i> <sup>1</sup> κΖ Nqula. <i>12a</i> I&M 58:21–23. <sup>1</sup> κΖ Mthetho. <i>13a</i> <sup>1</sup> κΖ Kunyaniseka, Nyaniseka; Mfezeko. <i>b</i> <sup>1</sup> κΖ Bunyulu. <i>c</i> <sup>1</sup> κΖ Msebenzi/Nkonzo. <i>d</i> Fil. 4:8. <i>e</i> <sup>1</sup> κΖ Themba. <i>f</i> <sup>1</sup> κΖ Nyamezelia. <i>g</i> <sup>1</sup> κΖ Sidima.
--	--	---

